URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo



INgxelo yoNyaka
2020/2021

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

URhulumente weNtshona Koloni

IVoti 13

INgxelo yoNyaka

2020/2021

Ukuba kunokubakho iimpazamo kuguqulelo lolu xwebhu, maze kusetyenziswe uxwebhu lwesiNgesi okulolona kususelwe kulo uguqulelo.

Okuqulathiweyo

ICandelo A 4

1. INgcaciso ngokuBanzi yeSebe 5

2. Uluhlu lwezifinyezo/ lwezishunqulelo 6

3. INtshayelelo 9

4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo 11

5. INgxelo yoXanduva neSiqinisekiso sokuchaneka kweNgxelo yoNyaka 17

6. Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga 18

6.1 Umbono 18

6.2 Umnqophiso 18

6.3 Iimpawu zentsulungeko 18

7. IZigunyaziso zomthetho nezinye 18

6.3 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko 18

7.2 Amagunya owiso-mthetho 21

7.3 Amagunya oMgaqo-nkqubo 26

8. Ubume bombutho 29

9. Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa 31

I c a n d e l o B 33

1. Ingxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele: Iinjongo eziMiselwe kwangaphambili 34

2. IsiShwankathelo soMsebenzi weSebe 34

2.1. Ubume bokunikezelwa kwenkonzo 35

2.2. IsiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo 46

2.3. Ubume bombutho 61

2.4. Uphuhliso lomgaqo-nkqubo olungundoqo kunye neenguqu zomthetho 62

3. Izifezekiso zeMpembelelo yeZiko neMiphumela 63

3.1. Izifezekiso ezibonakalayo ezibhekiselele kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi sowama-2019-24 kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo 65

4. INgcaciso yoMsebenzi ngokweNkqubo nganye 74

4.1. Inkqubo 1: ULawulo 74

4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko 79

4.3. INkqubo 3: IiNkonzo zaMathala eeNcwadi nooVimba 99

4.4. INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo 112

5. Ukunika ingxelo kukuSabela kweZiko kuBhubhane weCovid-19 133

5.1. Iintlawulo ezikhutshelelwe kuQumrhu kaRhulumente 137

6. IiNtlawulo ezikhutshelweyo 139
6.1. IiNtlawulo ezikhutshelweyo kuyo yonke imibutho engengawo amaQumrhu kaRhulumente 139
7. IMinikelo enemiQathango 173
7.1. IMinikelo enemiQathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo ezihlawulweyo 173
7.2. IMinikelo enemiQathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo efunyenweyo 173
8. IiNgxowa-mali zoMnikelo 183
9. UTyalo-mali lweNkunzi 183
9.1. Utyalo-mali lwezakhiwo, ulolongo, kunye nesicwangciso solawulo lwe-asethi 183

ICandelo C 184
1. INTSHAYELELO 185
2. UKULAWULWA KOMNGCIPHEKO 185
3. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILISO 188
4. UKUNCITSHISWA KWEDOLO KUMSEBENZI 189
5. UMGAQO WOKUZIPHATHA 190
6. IMIBA YEMPILO, YOKHUSELO NEYOBUME 190
7. IIKOMITI ZEZIKHUNDLA ZEPALAMENTE 191
8. IZISOMBULULO ZESCOPA 191
9. IZILUNGISO ZANGAPHAMBILI 192
10. ULAWULO LWANGAPHAKATHI 192
11. IIKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI NEZOPHICOTHO-ZINCWADI 192
12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI 194
13. INGCACISO YOKUSEBENZA KOHAMBELWANO LWE-B-BBEE 196

ICandelo D 199
1. INTSHAYELELO 200
2. INQANABA LOLAWULO LWABANTU KWISEBE 200
2.1. Okuphambili kucwangciso lwabasebenzi besebe 200
2.2. ULawulo lokuSebenza koMqeshwa 201
2.3. IMpilo-ntle yoMqeshwa 202
2.4. UkuBekwa kweLiso kuLawulo lwaBantu 202
3. INKCUKACHA ZAMANANI OLONGAMELO LOLAWULO LWABANTU 202

ICANDELO E 236
1. Ingxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele 237
2. Iingxelo zoNyaka zeMali 243

ICandelo A

INGCACISO NGOKUBANZI

1. INgcaciso ngokuBanzi yeSebe

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yeNtshona Koloni

IDILESI YESITALATO	Isakhiwo iProtea Assurance Greenmarket Square EKapa 8001
IDILESI YEPOSI	Private Bag X9067 EKapa 8000
INOMBOLO YOMNXEBA	0860 142 142
INOMBOLO YEFEKSI	021 483 9504
IDILESI YE-IMEYILE	dcas.com@westerncape.gov.za
IDILESI YEWEBHUSAYITHI	www.westerncape.gov.za/dept/cas

2. Uluhlu lwezifinyezo/ lwezishunqulelo

AFS	IiNgxelo zeMali zoNyaka
ASGC	After School Game Changer
AO	IGosa eliNika iNgxelo
AU	UManyano lwaMazwe aseAfrika
CDP	INkquba yoPhuhliso lweKlabhu
CFO	IGosa eliyiNtloko lezeMali
CHEC	IQumrhu leMfundo ePhakamileyo laseKapa
CoE	Iindleko zaBasebenzi
Covid-19	ISifo esibangelwa yiNtsholongwane yeKhorona yowama-2019
CTSA	UMbutho weSoftball waseKapa
DAC	ISebe loBugcisa neNkcubeko leSizwe
DBE	ISebe leMfundo yeSiseko (isebe lesizwe elinoxanduva lwezemfundo)
DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
D: ERM	ICandelo loLawulo lwezoMngcipheko weShishini, iSebe leNkulumbuso
DISWEC	Imidlalo yaBakhubazekileyo yeNtshona Koloni
DOCS	ISebe loKhuseleko loLuntu
DORA	UMthetho weCandelo leNgeniso
DoTP	ISebe leNkulumbuso
DPSA	ISebe leNkanzo kaRhulumente noLawulo
DPME	ISebe loBeko-liso noVavanyo kuMsebenzi kwiiOfisi kaMongameli
DSAC	ISebe leMidlalo neNkcubeko (isebe lesizwe elinoxanduva lwemidlalo nolonwabo, kunye nobugcisa nenkcubeko)
DSD	ISebe loPhuhliso lweNtlalo
EAP	INkqubo yeNkxaso yaBasebenzi
ECM	ULawulo lokuQulathiweyo kweShishini
EE	Ubulungisa Engqeshweni
EHWP	INkqubo yezeMpilo neMpilo-ntle yaBasebenzi
EPWP	INkqubo eYandisiweyo kaRhulumente
ERM	ULawulo loMngcipheko weShishini
ERMCOM	IKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini
FEDANSA	Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yoMdaniso yoMzantsi Afrika
FMIP	INkqubo yoPhuculo loLawulo lweMali
FMPPI	IsiCwangciso-nkqubo sokuLawula iNgcaciso yokuSebenza kweNkqubo
GG	Igaraji kaRhulumente
GMT	IziThuthi zikaRhulumente
GPSSBC	Bhunga leeNgxoxo zezaBasebenzi bakaRhulumente Jikelele
GRAP	Generally Recognised Accounting Practice
GWM&E System	INkqubo yoBeko-liso noVavanyo kaRhulumente Jikelele
HCT	INgcebiso nge-HIV noHlolo

HDI	Abantu ababevinjwe amathuba ngaphambili
HOD	INtloko yeSebe
HPCs	AmaZiko aPhezulu okuSebenza
HR	Micimbi yezaBasebenzi
HRM	ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli
HS	Isikolo samabanga aphakamileyo
HWC	ILifa leMveli leNtshona Koloni
ICAS	IiNkonzo zeNtuthuzelo noCetyiso oluZimeleyo
ICT	ITeknoloji yeNgcaciso noQhagamshelwano
IFSC	Imibutho eManyeneyo yeHlabathi yeMidlalo yokuNyuka intaba
IT	INgcaciso yetheknoloji
KKNK	Klein Karoo Nasionale Kunstefees
MEC	ILungu leBhunga lesiGqeba (sePhondo) (uMphathiswa wePhondo)
MIG	UMnikelo kaMasipala weSibonelelo
MOD	INtatho-nxaxheba ngoBuninzi; amaThuba noFikelelo; iNkqubo yoPhuhliso nokuKhula
MPAT	ISixhobo soVavanyo loMsebenzi woBeko-liso se-DPME
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho seSiithuba esiPhakathi
MTSF	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi
NAC	IBhunga lezoBugcisa leSizwe
NDP	IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe
NGO	UMbutho ongekho phantsi kolawulo lukarhulumente
NHC	IBhunga leLifa leMveli leSizwe
NHRA	UMthetho weSizwe weMithombo yezeLifa leMveli
NRF	INgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe
NSRP	IsiCwangciso sezeMidlalo noLonwabo
NPC	INkampani engenzi Nzala
NPO	UMbutho ongenzi Nzala
NRD	USuku lweSizwe loLonwabo
OHS	IMpilo noKhuseleko eNgqeshweni
PA	ISivumelwano sokuSebenza
PAA	UMthetho woPhicotho-zincwadi zikaRhulumente
PanSALB	IBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika
PES	ISabelo esiLinganayo sePhondo
PERSAL	INkqubo yeMivuzo yaBasebenzi
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999
PFS	IiNkonzo zoBuqhopholo kwiPhondo
PILIR	UMgaqo-nkqubo weKhefu lokungabinako ukuSebenza noMhlala-phantsi wokuGula
PLF	IForam yePhondo yoLwimi
PLC	IKomiti yePhondo yeeLwimi
PN	ISaziso sePhondo
PPE	ISixhobo soKhuseleko loMntu
PS	Isikolo samabanga aphantsi

PSCBC	IBhunga leeNgxoxo lezoLungelelwaniso lweeNkonzo zikaRhulumente
PSG	INjongo yeQhinga lePhondo
SA	UMzantsi Afrika /UMmi woMzantsi Afrika
SAFA	UManyano lweBhola eKhatywayo loMzantsi Afrika
SAHRA	I-Arhente yeziBonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika
SANSC	South African National Schools Championship
SAGNC	IBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika
SAPS	INkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika
SARU	UMbutho woMbhoxo woMzantsi Afrika
SASCOC	IMibutho eManyeneyo yeMidlalo yoMzantsi Afrika neKomiti ye-Olimpiki
SC	Ikapa elisemazantsi
SCM	ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo
SCMPP	INkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba ngoBuninzi kwezeMidlalo iSiyadlala
SCOA	ITshathi yoMgangatho wee-Akhawunti
SCOPA	IKomiti eSigxina yeMali zikaRhulumente yePalamente
SHERQ	UKhuseleko lweSimo seMpilo, uMngcipheko noLawulo lokuLunga
SITA	I-Arhente yeNgcaciso yeTheknoloji kaRhulumente
SLIMS	INkqubo yoLawulo lweNgcaciso yamaThala eeNcwadi yeSITA
SMS	INkonzo yaBalawulo abaPhezulu
SOP	INkqubo eSigxina yokuSebenza
SRSA	IMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika (isebe lesizwe lemidlalo nolonwabo)
STIs	Izifo ezisulela ngesondo
SWD	IMimandla yoMzantsi weNtshona
TB	Isifo sephepha
UCT	IYunivesiti yaseKapa
UNAIDS	INkqubo yeZizwe eziManyeneyo eHlangeneyo nge-HIV ne-AIDS
UNESCO	United Nations Educational, Scientific and Cultural Organization
UWC	IYunivesiti yeNtshona Koloni
VOC	Vereenigde Oost-Indische Compagnie
WC	INtshona Koloni
WECSA	Iziko leMidlalo leNtsona Koloni
WCCC	IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Koloni
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCLC	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni
WCPSC	IMibutho eManyeneyo yezeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni
WP	IPhondo leNtshona Koloni

3. INtshayelelo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linikezela le Ngxelo yoNyaka yesithuba sowama-2020/21 njengesiboniso semiphumela eqhubekayo yokunikezelwa kwenkonzo. Sithemba okokuba iya kunikezela ngengqiqo kwizifezekiso nemingeni esithe sajamelana nayo kwesi sithuba ngokuphathelelene nokwenziwa komsebenzi, ulawulo, imicimbi yabasebenzi, kunye nolawulo lwemali.

Iimpembelelo zobhubhane weCOVID-19 nemithetho elandeleyo yokuvalwa ngci kwayo yonke into ibe nempembelelo ebonakalayo kwintlalo, kuqoqosho nakumntu namnye kumacandelo esisebenza kuwo. Ukuthintelwa kweendibano ngenxa yokuvalwa ngci kutshabalalise amacandelo emidlalo, awobugcisa nawenkcubeko okukhokhelele kukurhoxiswa kwemisitho emininzi ebicwangciselwe unyaka-mali wama-2020/21. oku kube nomphumela kwilahleko yengeniso namathuba alungiselelwe uluntu lwemidlalo noyilo okokuba lufumane ingeniso ingakumbi kwigigi nemiculo nemiboniso yasesidlangalaleni, yaye ngoko yabangela ilahleko yengeniso kuso sonke isixokelelwano soqosho lweNkcubeko noYilo. Oku kuya kuba nempembeleleo iphanda-phindayo eyakuhlala ithuba elide kumacandelo emidlalo, ubugcisa nawenkcubeko kwisithuba seMTEF yowama-2021.

Nangona kukho imingeni engazange ibe nokucingwa kwisithuba sonyaka-mali wama-2020/21, isebe lixhase imibutho engenzi nzala, amagcisa asesichengeni namaziko emidlalo nolonwabo ze laphuhlisa iQhinga leNgxowa-mali yoNcedo lwe-COVID-19 ukunika uncedo kumashishini achaphazelekayo. Ngaphezulu, isebe ngokunjalo lihlaziye uMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali yeMibutho eNgeyiyo ephantsi kukaRhulumente ukulungiselela ukuqukumbela isixokelelwano sexabiso kubugcisa. Ndiyavya ukubhengeza okokuba umgaqo-nkqubo omtsha uyabandakanya yaye ubonisa isigidi seentlobo zobugcisa kunye nabantu ababandakanyekayo kwicandelo lobugcisa.

Kunyaka ophantsi kovavanyo, iCandelo lethu eliyiNtloko leMidlalo noLonwabo lisebenza nzima ukusabela ngokukhawuleza kwiimeko ezingana kufaniswa nanto ngezisombululo zenguqu njengoko siyiqonda into yokokuba imidlalo nolonwabo zikhuthaza imithetho yokusebenza ubomi bonke kunye nobandakanyo kwangaphambili lwentlalo, impilo-ntle nokuchanatywa kolutsha kubume obuthi bunikezele enye indlelo yempilo kububi bentlalo obambethe uluntu lwethu. Njengoko le misebenzi ibithintelwe ngemithetho ekhoyo, icandelo eliyintloko lixhasile apho kudingeka khona ngemisebenzi enxulumene nalo leCOVID-19, kubandakanywa uncedo wokuzondelelwa kwamalungelo oluntu, ukutyisa nokuncedwa kwezikolo kulo lonke iphondo. Kwinqanaba loluntu, lincede ngokufundisa uluntu malunga nococeko, ukushiywa kwesithuba phakathi komntu nomnye nokuhambelana namanqanaba olumkiso lokuvalwa ngci kwayo yonke into.

Ngokuthambekele kumabango awongezelelweyo kunye neemfuno, iSebe lijolise kunikezelo lwenkonzo kubo bonke abayibiza iNtshona Koloni njengekhaya, bekhokhelwa sisiCwangciso seQhinga sephondo nesebe njengoko umsebenzi wethu ulungelelaniswe kuko kunke okuphambili kweqhinga kuRhulumente weNtshona Koloni, kubandakanywa neVIP 1: Uluntu oluKhuselekileyo noluhambelanayo; iVIP 2: Ukukhula nemisebenzi; iVIP 3: Ukuxhotyiswa kwabantu; iVIP 4: Inguqu yohlanganiso nesithuba kune neVIP 5: Inguqu neNkcubeko.

Ukuqaqanjiswa kwezi kubandakanya: ukwandiswa kweeNkqubo zethu zaseMva kokuPhuma kweSikolo kunye nabafundi bezikolo ekungekho ntlawulo nezo zinentlawulo ephantsi kulo

lonke iphondo, ukwenza icandeli libe nobuchule, ukuxhobisa ngamakhono amagcisa nokuphuhliswa kwenkqubo elungileyo yezithethe nemigangatho. Ngokuvalwa kwezikolo ngowama-2020, ihkqubo yaguquka ukulungiselela ukunikezela ngezibonelelo zezifundo zokufundela @ekhaya kulungiselelwa abafundi kunye neepothali zekhompyutha zamagcisa. Sisebenzise ngokunjalo ithuba lokucingisisa kwakhona ngendlela esisebenza ngayo ne-ikhosistim yemfundo, unxibelelwano nabazali kunye nootitshala nokwakha uthungelwano lwamahlakani.

Okulungelelaniswe nesiCwangciso soPhuculo seNtshona Koloni kwimimandla yemisebenzi, ukhuselo kunye nempilo-ntle nesidima, ingqesho yolutsha isembindini yeenzame zeSebe zokunikela kukuncitshiswa komlinganiselo wentswela-ngqesho kwiphondo. Ukufezekisa oku, iSebe lisebenzisene neeNGO, urhulumente, izikolo, abafundi, abazali kunye nolutsha olungaqeshwanga, ukulungisa imingeni yentlalo neyoqoqosho nokuxhathisisa uluntu lonke kwiYearBeyond, iMOD, iZikolo zoBumelwane, i-EPWP, uPhuhliso lwaMagcisa kunye neenkqubo zokuKhuthazwa kweMidlalo, ukuchaza nje kuphela ezimbalwa.

Njengoko unyaka ophantsi kovavanyo enokuba ngulowo ungenakufaniswa nanto kuthi sonke, ndithabatha eli thuba ukubulela ngentliziyo yam yonke umntu ngamnye weqela eomeleleyo leDCAS ngokuzimisela okungagungqiyo ekusebenzeleni abantu beNtshona Koloni, ukususela kuyo yonke ikona yephondo, ukususela kwicandelo ngalinye, kwiyunithi yaye abanye eziphuma kwizithuba zabantu zamakhaya abo ngethuba lamaxesha anzima kakhulu.

Ngokuthambekele kubume obukhoyo bemali karhulumente, umphumela bawo wokuncitshiswa kohlahlo lwabiwo-mali, nokungaqiniseki obusirhangqileyo, ekufezekiseni imiphumela yethu yeqhinga, silindele imingeni eyahlukeneyo eyangezelelweyo. Ngoko, andithandabuzi nakancinane okokuba eli Sebe kunye noRhulumente weNtshona Koloni ngokupheleleyo liya kuqhubeka linikezela kwisigunyaziso sethu kubantu beNtshona Koloni ngenkathalo enkulu, ubuchule, ngokuthatyathwa koxanduva, ngemfezeko, ngenguqu nokusabela. Njengehlakani elithembekileyo labachaphazelekayo bethu bemidlalo nenkcubeko, abo bachaphazela inguqu enamandla kwiindlela zokuziphatha kwinqanaba loluntu, sisele sizibophelele kuxhotyiso kwamacandelo awahlukeneyo ngoncedo lwenguqu kunye namangelo njengoko isidingo nebango livela.



Anroux Marais

UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo weNtshona Koloni

4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo

Uvavanyo ngokubanzi kwemisebenzi yeSebe

INgxelo yoNyaka yeSebe leNtshona Koloni leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) inikezelwa ngokwemiqathango yecandelo 40(1)(d) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, (PFMA) 1 we-1999.

Unyaka-mali wama-2020/21 uqale ngesibhengezo esenziwa nguPrezidanti Ramaphosa sesimo sesizwe sentlekele ngokuhambelana noMthetho woLawulo lweNtlekele, ekhetha ukuvalwa ngci kwayo yonke into okubeka izithintelo ezingqongqo zokunyanzelisa ixesha abantu amababe sezindlwini ngalo njengendlela ehlangeneyo nelungelelanisiweyo yentlekele ethi ivumele amacandelo athile ayimfuneko okokuba asebenze. Imimiselo enxulumene nobume besizwe bentlekele kunye nokuvalwa ngci kwayo yonke into okulandeleyo okunyine ukuhamba kunye neendibano zabantu ibe nempembelelo ephanzisayo kumacandelo eMidlalo, uLonwabo, iNkcubeko neLifa leMveli ngenxa yokurhoxiswa nokubekelwa elinye ixesha kwemisitho. Ezi mpembelelo zinabela ngokunjalo kwimisebenzi neenkqubo zeSebe ingakumbi ngethuba lokuvalwa ngci kwayo yonke ingo. ngenxa yempembelelo okuthe oku kwanayo kwikhono leSebe lokunikezela iinkonzo zalo, imigqalisela ethile yokusebenza ekujoliswe yalungelelaniswa ngokufanelekileyo.

Ukulungiselela ukunyina ukusasazeka kweCovid-19 ngokunjalo nokuhambelana nemimiseloyeCovid-19, iSebe liphuhlise ze lamilisela iziCwangciso zokuQhubekeka koShishino esilungiselelwe onke amacandelo alo lithathela ingqalelo ukushiywa kwesithuba phakathi komntu nomnye umntu, ingxinano nokuqinisekisa ngento yokokuba zonke izakhiwo zethu ziyahambelana nemiqathango yonke yeCovid-19.

Sijamelene nezithintelo kwimisebenzi karhulumente kunye neendibano, ukushiywa kwesithuba phakathi komntu nomnye kunye neempembelelo ngokubanzi zoqoqosho, icandelo lanyanzeleka ukuba lihlenga-hlengise.

Umbono weSebe ngulo "iNtshona Koloni ebandakanyayo, esebenzayo, eyilayo nehlangeneyo". ISebe linikezele kwesi sigunyaziso ngokunikezelwa kweenkonzo kusetyenziswa imiphumela emithathu:

1. Ufikelelo namathuba alungiselelwe ukuthatyathwa kwenxaxheba kwicandelo loBugcisa, eleNkcubeko neleLifa leMveli, ukuxhaswa kokukhula koqoqosho, kunye noluntu olukhuselekileyo noluhambelanayo.
2. Ufikelelo kwingcaciso nakulwazi oluxhasa inkcubeko yokufunda nokufunda kobomi bakho bonke.
3. Ufikelelo kunye namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo.

Le miphumela yeqhinga ilinganisa ufikelelo kwinani labemi eliphelelyo kunye neendawo zoshishino zeSebe kulo lonke uluntu ngokukhuthazwa: kobugcisa, inkcubeko nolwimi; iinkonzo zamathala eencwadi noovimba; iimyuziyam, ilifa lemveli namagama eendawo, imidlalo nolonwabo.

ISebe linoxanduva ngokunjalo lamaShishini kaRhulumente amathathu, angala iKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni, iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni, kunye neLifa leMveli leNtshona Koloni.

ISebe lifezekise iMigqalisela yokuSebenza engama-82 kweli-119 (iMigqalisela yeNkqubo yokuSebenza engama-66 kwengama-89 kunye nemigqalisela yoMnikelo oneMiqathango eli-16 kwengama-30) ngeenzame ezihlangenyo zokunikezelwa kwenkonzo yalo.

Ngexesha apho amawaka ezigidi zabantu bahlukaniswe ngokupheleleyo omnye komnye, inkcubeko nemidlalo zinamandla okuhlanganisa uluntu kunye. Zinika intuthuzelo, uvuseleleko kunye nethemba ngexesha lenkxalabo nokungaqiniseki. Njengoluntu ngoko luxhomekeke kwinkcubeko nemidlalo ukubaphumeza kule ntlekele, inkcubeko nemidlalo nayo yatshabalala ngokunjalo yimpembelelo yobhubhane. Uninzi lwamagcisa nabayili, ingakumbi abo bathi basebenze kuqoqosho olungekho sikweni okanye iindawo zokuzonwabisa, ngokunjalo iimbaleki nabasebenzi becandelo lemidlalo nolonwabo ababanganakho ukufezekisa izidingo zokuphila. Amaziko enkcubeko nemidlalo, amakhulu namancinane, alahlekelwe kakhulu zizixa-mali kwingeniso ngosuku ngalunye oludlulayo. Njengoko ihlabathi lisebenza ukulungisa ingozi ekhoyo yeCovid-19, siding ngokunjalo okokuba sibeka imiqathango yokuxhasa amagcisa neembaleki. Ukuza kuthi ga ngoku iDCAS iphuhlise yaze yamilisela iNgxowa-mali yoNcedo lweNtlalo yeCovid-19 elungiselelwe iMidlalo, uLonwabo, iNkcubeko neLifa leMveli ehamba kunye neenzame eziyelele kwezo ezenziwa lisebe lesizwe leMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko

URhulumente weNtshona Koloni uphuhlise indlela yokusabela ngesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni. IDCAS idlale indima kwiintsika zontathu kwesi sicwangciso. Okokuqala, phantsi kwentsika "Imisebenzi", iDCAS ixhase uvuselelo loqoqosho ngeengxowa-mali ezisekwe kwicandelo lemidlalo nobugcisa kunye namacandelo enkcubeko kunye nezibonelelo zedijithali. Okwesibini, ngokuhambelana "nokhuselo" ekujoliswe kuko ibe kukwakhiwa ngokutsha koluntu, kweebhulorho phakathi koluntu nohambelwano lwentlalo. IDCAS idlale indima kumajelo okusebenza okuzondelelo amalungelo abantu yaze yaphuhlisa iimpendulo kwiimpembelelo zentsholongwane kwingqesho yolutsha, iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo kunye nolungelelwano lwentlalo.

Imingeni ngesithuba saloo nyaka

Ubume boqoqosho belizwe budinga uhlenga-hlengiso lwemisebenzi, kunye nokuvalwa. isithuba esikhulu sonyaka ngenxa yobhubhane weCovid-19 kube ngumngeni omkhulu kwiSebe. Nangona kukho lo mngeni, iSebe liqhubile ukunikezela neenkonzo apho linakho ngeendlela ezihlaziyiweyo (ngekhompyutha). Ubhubhane weCOvid-19 ube nempembelelo enkulu kubugcisa, kwinkcubeko, kwimidlalo nolonwabo, kunye namacandelo okhenketho kwawo onke amacandelo eSebe kuba yonke imisebenzi yathintelwa kakhulu phantsi kwezithintelo zokuvalw ngci kwayo yonke into ze avulelwa kuphela ukuba aqalise kumacandelo anyinwe kakhulu kuba kukhuselekile ukwenza njalo.

Uvavanyo ngokubanzi lweziphumo zemali zeSebe

Okufunyenweyo lisebe

Igama leNkqubo	2020/21			2019/20		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Inkcitho eyiyo (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Inkcitho eyiyo (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000)
Ukuthengiswa kwempahla neenkonzo ngaphandle kwee-	598	437	(162)	2 056	2 438	382

Igama leNkqubo	2020/21			2019/20		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Inkcitho eyiyo (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Inkcitho eyiyo (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000)
asethi ezinkulu[1]						
Okugqithiselweyo okufunyenweyo kwiiYunithi zikaRhulumente[1]		450	450	779	1 000	221
Izohlwayo nekuphulukwene nazo	220	185	(34)	682	404	(278)
Inzala, izahlulo nerenti yomhlaba		5	5		29	29
Intengiselwano yemali kwii-asethi nakwiimfanelo [2]		404	404		5 432	5 432
Zizonke	**818**	**1 481**	**663**	**3 517**	**9 303**	**5 786**

1 Iyantlukwano ibangelwe yingeniso engaphantsi eqokelelweyo kwimirhumo yokungena ngenxa yokuvalwa ngci kwayo yonke into kweSizwe okuthe kwanempembelelo kwinani lotyelelo kwiimyuziyam kunye necandelo lezokhenketho ngokupheleleyo.

2 Okukhutshelweyo okufunyenwe kuvela kwiSebe leMidlalo, uBugcisa neNkcubeko (DSAC) ukuqhuba uphando nokuqokelela iinkcukacha zamanani ngenqanaba lamaZiko oluNtu oBugcisa neNkcubeko kunye neMibutho eNtshona Koloni.

3 Inkcitho yonyaka-mali ongaphambili ifunyenwe kulo nyaka-mali umiyo enxulumene nokufunyanwa kwetyala

INkcitho yeNkqubo

Igama leNkqubo	2020/21			2019/20		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Inkcitho eyiyo (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Inkcitho eyiyo (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000)
Ulawulo	64 926	64 037	889	67 033	65 891	1 142
IMicimbi yeNkcubeko	117 128	114 862	2 266	119 351	117 903	1 448
liNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba	358 503	352 923	5 580	397 416	395 316	2 100
IMidlalo noLonwabo	205 248	203 632	1 616	210 650	205 461	5 189
Zizonke	**745 805**	**735 454**	**10 351**	**794 450**	**784 571**	**9 879**

Inkcitho engaphantsi ibhekiselele kulityaziso ekuzalisweni kwezithuba (iMbuyekezo yaBasebenzi); impahla kunye neenkonzo; kunye nezinto ezinkulu ezithengisiweyo ezithe azahanjiswa ngomhla wama-31 kuMatshi 2021. Isicelo sokuqengqelwa kweengxowa-mali esele zihlahlelwe zangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo. Iinkcukacha zokuqengqelwa zibandakanywe kwingcaciso echaziweyo engasezantsi.

IViramenti/uqengqelo

Iviramenti:

Evela kwinkqubo	Impahla eqhelekileyo	Isixa-mali R'000	Eya kwinkqubo	Impahla eqhelekileyo	Isixa-mali R'000
inkqubo 2	liNtlawulo ezikhoyo (COE)	-40	inkqubo 3	liNtlawulo ezikhoyo (COE)	40
inkqubo 3	liNtlawulo ezikhoyo (G&S)	-624	inkqubo 2	liNtlawulo ezikhoyo (G&S)	624
IYONKE		**-664**			**664**

Uqengqelo:

ISebe lingenise isicelo kwiCandelo loLawulo-mali kulungiselela ukuqengqwa kweengxowa-mali esele zibotshelelwe kuhlahlo lwabiwo-mali kunyaka-mali wama-2021/22 njengoko kubonisiwe apha ngasezantsi. Isizathu solibaziseko lube kunikezelo lwempahla neenkonzo yaye izinto ezinkulu zinxulumene ikakhulu nempembelelo yeCovid-19 kumashishini anxulumene nazo.

IMpahla neeNkonzo: Isicelo soqengqelo sinxulumene nempahla kunye neenkonzo ezibandakanya imathiriyeli yeThala leeNcwadi (iincwadi); impahla esetyenziswa iphele elungiselelwe ikhathriji yeprinta; iikontilaka zolungiso kunye nolungiso loomatshini bokufota uxwebhu abanekhowudi, kunye neejeneretha; Abacebisi kulungiselelwa ukufunyanwa kweResistance and Liberation Heritage Route (RLHR) eNtshona Koloni; kunye noThutho olulungiselelwe ukuthuthwa kweejeneretha ezithengelwe ukusetyenziswa namaziko awobelanayo.

IMpahla eziNkulu: Izicelo zoqengqelo zeMpahla eziNkulu zibandakanya ooMatshini neZixhobo ezilungiselelwe ukuthengwa kweekhompyutha (iilaptop), ifanitshala ye-ofisi; kunye nezixhobo zasekhaya (iijeneretha).

Inkcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi

ISebe alibanga nankcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo okanye engenamsebenzi kwesi sithuba siphantsi kovavanyo.

Izicwangciso zexa elizayo zeSebe

Ubhubhane weCovid-19 uqaqambise ukubaluleka kwempilo-ntle kunye nolungelelwaniso loluntu kunye nomnikelo walo ukuzinzisa uluntu kunye nokhuselo lomntu ngamnye. Iqaqambise ukubaluleka kokulungiswa kwezizathi ezingunobangela zobundlobongela kunye nobunye ububi bentlalo. IDCAS iya kukhuthaza indlela yenkcubeko yokuthatyathwa kwenxaxheba kunye nemisebenzi yolonwabo ethi incede abantu ukuba bazive ngaxesha nye bephethe kuhambo lwabo kubomi babo nonxulumano olungcono kwabanye kuluntu lwabo. Siya kujolisa kumathuba okuyila bokulungelelanisa amathuba ukulungiselela iindlela ezizezinye ezilungiselelwe ulutsha eNtshona Koloni.

Olu luhlaselo lweqhinga oluya kuqhuba zonke izicwangciso zexesha elizayo zeSebe.

UThelelwano lwamaShishini kaRhulumente nawaNgasese

Alukho.

Imisebenzi eyekiweyi/imisebenzi eseza kuyekwa

Akukho misebenzi iyekiweyo ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo kodwa eminye imisebenzi yayekwa okwethutyana ngenxa yobhubhane yaye ilindeleke ukuba iqaliswe emva kobhubhane.

Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo

Akukho misebenzi mitsha ethe yaqaliswa ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo, kodwa eminye yaqaliswa okwethutyana ngenxa yobhubhane yaye alindeleke ukuba iyekwe emva kobhubhane (umz. inkxaso-mali yoncedo enikezelwayo).

ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo

Akukho zindululo zentengiso zingabongozwanga ekuthe kwangenwa kuzo ngaloo nyaka uphantsi kovavanyo.

Iinkqubo zeSCM zicwangcisiwe ukuthintela inkcitho engalungelelaniswanga.

Izipho neminikelo eyamkelweyo ingeyiyo imali evela kumaqela angaxulumananga Khangela kwiSihlomelo 1E kwiiNgxelo zoNyaka zeMali.

Ukhululo nonxaxho olufunyenweyo oluphuma kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe

Akukho lukhululo nonxaxho lufunyenweyo kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe ngesi sithuba siphantsi kovavanyo.

Izenzo zasemva komhla wokunikwa kwengxelo

IBridgton Public Library e-Oudtshoorn iqhekezwe ngomhla wama-30 ku-Epreli 2021. ISebe alizange lilahlekelwe nto olunxulumene neencwadi zethala leencwadi okanye iikhompyutha njengoko ibe ziintambo ezithe zabiwa.

Isiqukumbelo

Ukuqukumbela ndithanda ukubulela umsebenzi woMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika, othe waqhuba uphicotho-zincwadi lweNgxelo yoNyaka weMali kunye nengcaciso yokusebenza. Ndivakalisa umbulelo ongazenzisiyo kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi ethe yanikezela ngothelekelelo olubalulekileyo lweNgxelo yoNyaka.

Ndithanda ngokunjalo ukubulela umnikelo wabachaphazelekayo bethu kuluntu olukumacandelo oorhulumente namasebe ethu esabelana nawo ngenkxaso yawo eqhubekayo, ingakumbi kunyaka ophantsi kovavanyo apho athe onke athe afumana imingeni emitsha ngenxa yobhubhane iCovid-19.

Ndithanda ukuthabatha elithuba lokubonisa umbulelo wam ongazenzisiyo kwiqela liphela leDCAS ngenkxaso yalo kunyaka wonke kwindlela eya kunikezelo lwenkonzo kulungiselelwa abantu beNtshona Koloni. Inkqubela phambili esiyenzileyo ibingasokuze ibe nokwenzeka ngaphandle kokusebenza kwabo nzima nokuzimisela.

ISebe lisuka kude ukuba leli qela lomeleleyo lililo namhlanje linenjongo ecacileyo yengqiqo. Ngenxa yoku sibulela uMnu Brent Walters othe wakhokhela inkqubo yokwakha iDCAS yaba yile nto iyiyo namhlanje. Ukuzibophelela kwakhe okungagungqiyo kwinto ethetha ukuba abe yinkonzo iqinisekise into yokuba impumelelo yeDCAS ayiphelelanga kwigumbi lebhodi kodwa uyiguqulele kwimiphumela ebambekayo kwiimpilo zabantu beNtshona Koloni. Simnqwenelela okuhle kwindima yakhe entsha njengoMlawuli Jikelele weMfundo (iHOD yeMfundo).

Okokugqibela, ndithanda ukubulela indima nenkxaso yoMphathiswa wethu, uNksk Anroux Marais ngesikhokhelo sakhe seqhinga, iskhokhelo kunye nenkxaso engagungqiyo yomsebenzi yeli sebe.

Guy Redman
IGosa eliNika iNgxelo
ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Umhla wama-31 ku-Agasti 2021

5. INgxelo yoXanduva neSiqinisekiso sokuchaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi lwam nendikholelwa kuko, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

2 Zonke iinkcukacha neemali ezichazwe kwiNgxelo yoNyaka zizinzile.
3 INgxelo yoNyaka igqibelele, ichanekile kwaye ayinazinto zisusiweyo.
4 INgxelo yoNyaka ilungiswe ngokwemigaqo yengxelo yonyaka njengoko ikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
5 liNgxelo zeMali zoNyaka (Icandelo E) zilungiswe ngokomgangatho wekheshi eqinisekisiweyo nezicwangciso-nkqubo ezifanelekileyo nezikhokhelo ezikhutshwe liCandelo loLawulomali leSizwe.
6 IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokwenza amalungiselelo eeNgxelo zeMali zoNyaka nezigqibo ezithathwayo ngale ngcaciso.

7 IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokuseka nokuphumeza inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyenziwe ukubonelela ngesiqinisekiso ngokuthembeka nokunyaniseka kwengcaciso, yoMsebenzi, ingcaciso ngemicimbi yabasebenzi neeNgxelo zeMali zoNyaka.

8. Abaphicoth-zincwadi bangaphandle kunxulumana nabo okokuba banike uluvo oluzimeleyo ngeengxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwam, iNgxelo yoNyaka ibonakalisa imisebenzi, ingcaciso yoMsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi nemicimbi yemali yeSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo kunyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kuMatshi 2020.

Othembekileyo

IGosa eliNika iNgxelo

Guy Redman

31 ku-Agasti 2021

6. Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga

6.1 Umbono

INtshona Koloni equka uluntu, enobuchule, edlamkileyo nolungeleleneyo.

6.2 Umnqophiso

Sikhuthaza umsebenzi ogqwesileyo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nenkcubeko ngokokusetyenziswa kwezibonelelo ngempumelelo, ngokufanelekileyo nangendlela ezinzileyo, ngentsebenziswano nabanye. Ukuze sigqwese, siza kudala iimeko zokufikeleleka nezokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukufunyaniswa kwetalente nokuphuhliswa kwezakhono.

6.3 Iimpawu zentsulungeko

Ukukhathalela, Ubuchule, Ukuthatyathwa koxanduva, Imfezeko, Inguqu kunye Nokusabela.

7. IZigunyaziso zomthetho nezinye

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) elizithatha njengelibopheleleke kwigunya loMthetho apho wonke umsebenzi walo ubhekisele, ingakumbi kwimpumelelo, yonikezelo lweenkonzo olulinganayo nolufikelelekayo, ngokubhekisele kwiphepha logayo-zimvo lorhulumente wesizwe ukuTshintsha unikezelo lweenkonzo zoluntu nelinge leBatho Pele. I-DCAS isebenza ngokusemthethweni nangokwamagunya omgaqo-nkqubo achazwe kwitheyibhuli engezantsi.:

6.3 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko

Icandelo	Inkcazelo
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
Icandelo le-6(3) nele-(4): Ulwimi	URhulumente weNtshona Koloni (WCG) kufuneka, ngokomthetho nangokweminye imiqathango, alawule kwaye abeke iliso kukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zixhamle ngokulinganayo kwaye zithathwe zisetyenziswe ngokulinganayo. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC) kunye ne-DCAS, isebenzisana nePan South African Language Board ukukhuthaza iilwimi ezintathu ezisesikweni zephondo yaye iyile imiqathango elungiselelwe uphuhliso nokusetyenziswa kweelwimi zeKhoi, Nama kunye neSan kunye noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. I-WCLC, kunye neDCAS inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukumiliselwa komgaqo-nkqubo weeLwimi waseNtshona Koloni, owamkelwe ngo-2001, akwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngeli gunya kanye ngonyaka ubuncinane. I-DCAS yongamela i-WCLC kwaye ibonelela iKomiti ngenkxaso kulawulo nakwezemali.

Icandelo	Inkcazelo
ICandelo 30: Language and culture	I-DCAS iququzelela amathuba kubantu baseNtshona Koloni bakwazi ukusebenzisa amalungelo eelwimi zabo nawenkcubeko yabo ngokweenkqubo neeprojekthi abazimeleyo nabazixhasayo.
Icandelo lama-31: Imimandla yeNkcubeko, yenkolo neyolwimi	I-DCAS kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neeprojekthi ziyazihlonela iinkcubeko neelwimi ezingafaniyo zabantu baseNtshona Koloni.
Icandelo lama-41: Imithetho-siseko yentsebenziswano kurhulumente nokunxulumene nokusebenzisana kukarhulumente	I-DCAS isebenzisana nazo zonke iinkalo zikarhulumente. Ngokwegunya labo, iDCAS isebenzisana neSebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe (DAC) nelezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (SRSA, isebe lesizwe linoxanduva lezemidlalo noLonwabo); amaZiko oLuntu eSizwe nawePhondo noomasipala eNtshona Koloni.
Icandelo lama-156(4): Ukunikezelwa kwamagunya	-DCAS kufuneka inikezele ngegunya koomasipala, ngokwesivumelwano nangokuxhomekeka kuzo naziphi na iimeko ezifanelekileyo, kulawulo lwemiba ehlelwe kwiSigaba A sesicwangciso 4 okanye iSigaba A sesicwangciso 5 esinxulumene noomasipala basekuhlaleni, ukuba— 1. Io mba uza kulawulwa ngempumelelo ekuhlaleni; kwaye 2. Umasipala unamandla okuyilawula. I-DCAS iququzelela ukunikezelwa kweenkonzo zoluntu zamaThala eencwadi, apho urhulumente wasekuhlaleni ezithatha njengezingunyaziso ezinganankxaso-mali. Ezi nkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano neCandelo loLawulo-mali leSizwe neSebe lobuGcisa neNkcubeko yeSizwe ngokusetyenziswa koMnikelo oneMiqathango olungiselelwe amaThala eeNcwadi oLuntu, nenkxaso engaphezulu esuka kwiNkaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala yeCandelo loLawulo-mali lePhondo.
IShedyuli 4: IMimandla eSebenzayo yoBuchule obuSebenza kunye iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe neyePhondo	Imiba yenkcubeko: • I-DCAS isebenzisana neDAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yobugcisa, yenkcubeko nelifa lemveli. Umgaqo-nkqubo wolwimi nokulawulwa kweelwimi ezisemthethweni kangangokuba izibonelelo zecandelo 6 loMgaqo-siseko likuvakalisa ngokuphandle okokuba liwunikezela kubuchule bendlu yowiso-mthetho yePalamente yePhondo leNtshona Koloni: • I-DCAS isebenzisana ne-DAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yomgaqo-nkqubo wolwimi.
IShedyuli 5: IMimandla eSebenzayo yoBuchule beNdlu yoWiso-mthetho eyodwa yePhondo	Oovimba ngaphandle koovimba besizwe: a) I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga noovimba ngaphadle koovimba besizwe ukuze kulawulwe ukumiliselwa lwayo. ISebe linoxanduva lweNkonzo yooVimba neeRekhodi zeNtshona Koloni. Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe: b) I-DCAS inikwe igunya lokwenza uMthetho wePhondo malunga namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe nokulawula umiliselo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeenkonzo zamathala eencwadi eNtshona Koloni nokusebenzisana nabasemagunyeni abajongene namathala eencwadi oluntu nenkonzo nengcaciso. IiMyuziyam ngaphandle kweemyuziyam zesizwe: c) I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga neemyuziyam ngaphandle kweemyuziyam zesizwe nokulawula ukumiliselwa kwawo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngenkonzo zeeMyuziyam kwiphondo, ukulungiselela intsebenziswano esondeleyo neemyuziyam eziphantsi kwalo ukulungiselela ukuxhaswa kwezi myuziyam.

Icandelo	Inkcazelo
	Imicimbi yenkcubeko yePhondo (kubandakanya ulawulo lwezixhobo zelifa lemveli namagama eendawo): c) I-DCAS ibonelela iLifa lemveli laseNtshona Kapa (iHWC) – igunya lezixhobo zelifa lemveli lephondo elonyulwe ngokumalunga noMthetho weZixhobo zeLifa lemveli likaZwelonke, we-1999 (iNHRA) – nabasebenzi kunye nabanye abaxhasi bemali nolawulo ukwenza nokulawula igunya lalo elisemthethweni. U-MEC (iLungu [lePhondo] leBunga eliLawulayo leHWC kwaye ligunya lesibheno selifa lemveli elonyuliweyo leNtshona Kapa. d) I-DCAS ibonelela ngobugcisa nangenye inkxaso kwiKomiti yaMagamaeeNdawo zePhondo leNtshona Kapa (iWCPGNC) ukuze liququzelele udliwanondlebe loluntu malunga nokubekwa emgangathweni, nokwenziwa kotshintsho kumagama eendawo. Lwakuba lugqityiwe udliwanondlebe, iKomiti yephondo yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo zaseMzantsi we-Afrika. Ezemidlalo, ulonwabo nobumnandi: a) I-DCAS igunyaziswe ukuba incede ekudaleni ubume obukwaziyo ukwenza imisebenzi yezemidlalo nolonwabo yephondo.
ICandelo 195: limpawu zentsulungeko ezisisiseko nemithetho-siseko yokuphathwa kolawulo loluntu	Amagosa eDCAS kufuneka abambelele kwiimfuno zecandelo le-195, elibonelela ngenkcazelo yeempawu zentsulungeko yolawulo lwesininzi nemithetho-siseko yokuphathwa kolawulo loluntu. Icandelo le-195(1)(*b*) lidinga inkuthazo yokusetyenziswa kwezixhobo kakuhle, ngoqoqosho nangempumelelo. Oku kuthetha ukuba iinkqubo eziqhutywe kwicandelo loluntu kufuneka zibeluncedo kangangoko ngezona ndleko ziphantsi.
ICandelo 92 nele 133	ICandelo 92 libonelela ngokuba amalungu eKhabhinethi abe nako ukuphendula bebonke nangabanye kwiPalamente ukusebenzisa amandla abo nasekwenzeni kwabo imisebenzi, kwaye kufuneka babonelele iPalamente rhoqo ngengxelo epheleleyo kwimiba ephantsi kolawulo lwabo. ICandelo 133 libonelela ukuba oo-MEC bephondo babe nokuphendula bebonke nangobunye kwindlu yowiso-mthetho yephondo ukusebenzisa amandla abo nasekwenzeni kwabo imisebenzi, kwaye kufuneka babonelele indlu yowiso-mthetho rhoqo ngengxelo epheleleyo kwimiba ephantsi kolawulo lwabo.
Umgaqo-siseko waseNtshona Kapa, we-1997	
ICandelo 5	Ngokweenjongo zikaRhulumente weNtshona Kapa: a) iilwimi ezisemthethweni isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka zisetyenziswe; kwaye b) ezi lwimi zonwabela iwonga lokulingana. I-WCG kufuneka, ngokusebenzisa indlu yowiso-mthetho kunye nezinye iindlela, ukumisela nokubeka iliso kusetyenziso lwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa. I-WCG kufuneka ikwaphumeze iindlela zokwenza nezakhayo ukuphakamisa izinga lewonga nokuqhubela phambili ukusebenzisa ezo lwimi zemveli zabantu baseNtshona Kapa ewonga lazo ngokwembali yangaphambili bekukade kungaselwe so
ICandelo 70	Umthetho wephondo kufuneka ubonelele ngosungulo nangenkxaso-mali efanelekileyo, kwizixhobo ezifumanekayo zikaRhulumente weNtshona Kapa, zebhunga okanye zamabhunga enkcubeko oluntu kwiphondo olwabelana ngokufanayo ngenkcubeko nangelifa lemveli yolwimi. Ubhaliso nenkxaso kumabhunga enkcubeko: a) IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa (iWCCC) inikwe umsebenzi nobhaliso lwenkxaso kumabhunga abhalisiweyo. I-DCAS yongamele i-WCLC yaza yabonelela iKomiti ngenkxaso yolawulo nezemali.
ICandelo 81	URhulumente waseNtshona Kapa kufuneka amkele kwaye aphumeze ngokusebenzayo imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu bephondo, kubandakanya imigaqo-nkqubo ejonge ekufezekiseni:

Icandelo	Inkcazelo
	b) ukukhuthazwa kwentlonipho yamalungelo enkcubeko, inkolo noluntu neelwimi zabo eNtshona Kapa; kunye c) Nokhuselo nolondolozo lwembali yendalo, imbali yenkcubeko, inzululwazi ngezakudala nelifa lemveli ngezakudala zaseNtshona Kapa ngoncedo olukhoyo nezizukulwana ezizayo. I-DCAS iphumeza imigaqo-nkqubo ekhethekileyo ukunika inkxaso kwezi zibonelelo.
	Imithetho-siseko eyalelayo yomgaqo-nkqubo wephondo kwiSahluko se-10 (iCandelo lama-81) sikhokela uRhulumente weNtshona Kapa xa iyenza naxa iyisebenzisa imithetho.

7.2 Amagunya owiso-mthetho

Uwiso-mthetho lukaZwelonke	Khangela	Inkcazelo
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999	uMthetho woku-1 we-1999	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA): 1. ulawula ukuphathwa kwemali koorhulumente bephondo nakuzwelonke, amaqumrhu oluntu olukuluhlu, amaziko omgaqo-siseko nowiso-mthetho wephondo; 2. Uqinisekisa ukuba ingeniso yonke, inkcitho, ii-asethi namatyala alamaziko alawulwa ngempumelelo nangokufanelekileyo; kwaye 3. Kuchaza uxanduva lwabantu abathembekileyo ngolawulo lwemali kulamacandelo
UMthetho weNkonzo yoLuntu,we-1994 (njengoko ulungisiwe, *phakathi kwezinye izinto*, uMthetho woLungiso lweNkonzo yoLuntu, wama-2007)	Isaziso se-103, *iPhephandaba loMbuso* 15791, lowesi-3 kweyeSilimela we-1994 noMthetho wama-30 wama-2007	Lo Mthetho wenza ubonelelo ngolungiselelo nangolawulo lweDCAS, ummiselo wemiqathango yengqesho, imigqaliselo ye-ofisi, ululeko, umhlalaphantsi nokukhutshwa kwamalungu kwinkonzo yoluntu, nemicimbi enxulumene noko.
UMthetho weCandelo leNgeniso (wonyaka)	Kukho uMthetho omtsha kunyaka nonyaka.	Nyaka nonyaka, uMthetho weCandelo leNgeniso (iDORA): 1. ubonelela ngecandelo lobulungisa lengenisoeyenziweyo kuzwelonke phakathi kumanqanaba karhulumente ezekhaya, ephondo nakazwelonke; 2. ukumisela isabelo ngasinye sobulungisa sephondo ngalinye lwalo ngeniso; kunye 3. nokwenza ulwabiwo kumaphondo, kurhulumente wezekhaya okanye koomazipala oluvela kwisabelo sikarhulumente kazwelonke, kuxhomekeka kwiimeko. I-DCAS ifumana iSibonelelo soXhomekeko kurhulumente kazwelonke kwaye unoxanduva lokulawula le nkxaso- mali.

Uwiso-mthetho lukaZwelonke	Khangela	Inkcazelo
Ukukhuthaza uFikelelo kuMthetho weeNkcukacha, wama-2000	uMthetho wesi-2 wama-2000	Lo Mthetho unika ifuthe kwilungelo lokufikelela kwiirekhodi ezigcinwe ngurhulumente, amaziko karhulumente kunye namaziko abucala. Phakathi kwezinye izinto, iDCAS nawo onke amanye amanqanaba oluntu nawabucala kufuneka: • iqulunqe incwadana yemigaqo echaza amalungu oluntu ukuba angasifaka njani isicelo sokufikelela kwiinkcukacha ezigcinwe ngumzimba; kwaye • iqeshe igosa leenkcukacha ukuqaphela iimfuno zofikelelo kwiinkcukacha ezigcinwe liqumrhu elo.
Ukukhuthazwa koBulungisa oboLawulayo, 2000	uMthetho wesi-3 wama-2000	Lo Mthetho: • umisela imithetho nezikhokelo ekufuneka zilandelwexa kusenziwa izigqibo; • udinga abalawuli ukwazisa abantu ngamalungelo abo ukuqwalaselo kwakhona okanye ukubhena nelungelo labo lokufuna izizathu; • udinga abalawuli ukunika izizathu zezigqibo zabo; kunye • nokunika amalungu oluntu ilungelo lokucela umngeni izigqibo zabalawuli enkundleni
UMthetho wamaZiko eNkcubeko, we-1998	uMthetho we- 119 we-1998	I-DCAS kufuneka udibanise uze usebenzisane namaziko abhengezwe njengamaziko enkcubeko malunga nobugcisa, inkcubeko nemicimbi yelifa lemveli
UMthetho wokuKhuthaza iNkcubeko, we-1983	uMthetho wama-35 we-1983	Lo mthetho wabelwa iNtshona Kapa neDCAS ezinoxanduva lothotyelo lwezibonelelo zoMthetho.
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWiso-mthetho), we- 1989	uMthetho wama-65 we-1989	Lo mthetho wabelwa iNtshona Kapa neDCAS ezinoxanduva lothotyelo lwezibonelelo zoMthetho.
UMthetho weNkonzo yooVimba neeRekhodi zikaZwelonke woMzantsi Afrika, we-1996	uMthetho wama-43 we-1996	I-DCAS inoxanduva lokutyunjwa komntu oza kumela iphondo leNtshona Kapa ukuba akhonze kwiBhunga likaZwelonke leeNgcebiso ngooVimba. ISebe likwanoxanduva lokuhlangabezana nemiqathango nemigangatho kaZwelonke esekwe phantsi kwalo Mthetho.
UMthetho weBhunga loBugcisa kaZwelonke, we-1997	uMthetho wama-56 we-1997	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Kapa ukuba bahlale kwiBhunga lezobuGcisa likaZwelonke (iNAC), ekusebenzisaneni kunye nokulungelelaniswa neNAC, kunye nolawulo lwenkxaso- mali yeNAC kuphuhliso lobugcisa nenkcubeko eNtshona Kapa.
UMthetho weBhunga leLifa lemveli kaZwelonke, we-1999	uMthetho we-11 we-1999	I-DCAS inoxanduva lokonyulwa kwommeli wephondo leNtshona Kapa ukuba ahlale kwiBhunga lezeLifa lemveli likaZwelonke (iNHC), nasekusebenzisaneni nakulungelelwaniso lwemisebenzi enxulumene nenkxaso- mali neeprojekthi eziqhutywa yiNHC eNtshona Kapa.

Uwiso-mthetho lukaZwelonke	Khangela	Inkcazelo
UMthetho weZixhobo zeLifa lemveli kaZwelonke, we-1999	uMthetho wama-25 we-1999	I-DCAS iqinisekisa ukuthotyelwa kweNHRA ngokubeka esweni ukonyulwa kommeli wephondo leNtshona Kapai, ngokukhetha ilungu leBhunga leLifa leMveli laseNtshona Kapa, ukuba lihlale kwiBhunga le-Arhente yeziXhobo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika (iSAHRA). I-DCAS ikwaqinisekisa ukuthotyelwa kwemfuneko yokuba uMEC kufuneka atyumbe iBhunga leHWC - igunya lezibonelelo zelifa lemveli lephondo elityunjwe ngokwe- NHRA. ISebe linoxanduva lokunxibelelana nokusebenzisana neSAHRA, iHWC noomasipala ngokubhekisele kulawulo lwezixhobo zelifa lemveli. I-DCAS ikwancedisa uMEC xa kufakwe izibheno kuye xa kuthathwa izigqibo zeHWC.
UMthetho weBhodi yeeLwimi Zonke zoMzantsi Afrika, we-1995	uMthetho wama-59 we-1995	Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna ukuba iBhodi yeeLwimi Zonke zoMzantsi Afrika (iPanSALB) iseke ikomiti yolwimi lwephondo (iPLC) kwiphondo ngalinye. I-PLC ye PanSALB eNtshona Kapa i yasekwa kweyeThupha wama- 2019.
UMthetho weBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika, we- 1998	uMthetho we- 118 we-1998	I-DCAS inoxanduva lokuthobelana nemigqaliselo yalo mthetho-siseko yokutyumba abameli bephondo laseNtshona Kapa ukuba bahlale kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika; ukuphanda amagama eendawo eNtshona Kapa; ukuqinisekisa ukubekwa emgangathweni; kwaye, apho kufanelekileyo, ukulungiselela ukucebisana noluntu malunga neenguqu eziphakanyisiweyo kula magama. ISebe linikezela ngenkxaso yobuchule kunye nenye inkxaso kwiKomiti yamaGama eeNdawo yePhondo leNtshona Kapa. Nje ukuba uthetha-thethwano lugqityiwe, iWCPGNC yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika.
UMthetho weNkomfa yeLifa leMveli weHlabathi, we-1999	uMthetho wama-49 we-1999	I-DCAS inoxanduva lokuchonga ummeli wephondo leNtshona Kapa ukuba lihlale kwiKomiti yeeNgcebiso ngeLifa leMveli yoMzantsi Afrika. ISebe likwanoxanduva lokuthobela imiqathango yoMthetho kunye neNdibano yeLifa leMveli yeHlabathi ngokubhekisele ekutyunjweni kweendawo ezinokubakho kuLuhlu loLingo loMzantsi Afrika, kunye nokonyulwa kweendawo ezikuLuhlu loLingo lwaseMzantsi Afrika ukuze kuqwalaselwe yiKomiti yeLifa leMveli ye-UNESCO.
UMthetho wezeMidlalo noLonwabo kaZwelonke, 1998	uMthetho we- 110 we-1998	UMthetho ubonelela ngokuthazo nokuphuhliswa kwezemidlalo kunye nolonwabo kunye nolungelelwaniso lobudlelwane phakathi kweSASCOC (uManyano lwezeMidlalo neKomiti ye-Olimpiki yoMzantsi Afrika), iSRSA, imibutho yemidlalo, amabhunga emidlalo kunye nezinye ii-arhente. Ngaphezu koko uMthetho ubonelela ngeendlela ezijolise ekulungiseni ukungalingani kwezemidlalo nokwezolonwabo; ukukhuthaza ukulingana kunye nentando yesininzi kwimidlalo nokuzonwabisa; kunye nokubonelela ngeendlela

Uwiso-mthetho lukaZwelonke	Khangela	Inkcazelo
		zokusombulula impikiswano kwimidlalo nakwezolonwabo.
UMthetho woKhuseleko kwiMicimbi yezeMidlalo noLonwabo, wama-2010 (iSASREA)	uMthetho wesi-2 wama- 2010	Ukubonelela ngeendlela zokukhuselwa kwempilo ngokomzimba kunye nokukhuseleka kwabantu nepropathi kwimidlalo, nolonwabo, inkolo, inkcubeko, umboniso, umnyhadala okanye imicimbi efanayo ebibanjelwe kumabala emidlalo, kwiindawo zemidlalo okanye ecaleni kwendlela; ukubonelela ngoxanduva lokuthatha inxaxheba kwabo badlala indima; ukubonelela ngezithintelo ezithile; ukubonelela ngolwahlulo lomngcipheko kwimicimbi; ukubonelela ngokusekwa kweendlela zokujongana nokhuselo nokhuseleko kwiminyhadala; ukubonelela ngokuqinisekiswa kwabathathi-nxaxheba kwiminyhadala; ukulungiselela ukuthengisa amatikiti; ukubonelela ngolawulo lokufikelela kwababukeli kunye nezithuthi kwimisitho; ukubonelela ngokukhutshwa kweziqinisekiso zokhuseleko kumabala emidlalo acetywayo okanye akhoyo; ukulungiselela iziqulatho zeziqinisekiso zokhuseleko kunye nezilungiso kwiziqinisekiso zokhuseleko; ukubonelela ngokuqeshwa kwabahloli kunye namandla abo okungena nokuhlola; ukulungiselela ukuthunyelwa kweenkonzo zokhuseleko; ukubonelela ngezaziso zokubekwa ngaphandle kwababukeli; ukubonelela ngezaziso zothintelo; ukulungiselela ukusekwa kweBhodi yeziBheno ukuze babhene; ukubonelela nge-inshurensi yamatyala kawonke-wonke kwimicimbi; ukubonelela ngentlawulo yemirhumo; ukulungiselela iziphoso kunye nezohlwayo; nokulungiselela imicimbi enxulumene noko.
UMthetho weMveli nobuNkokheli bama Khoi-San, wama-2019	uMthetho wesi- 3 wama- 2019	UMthetho ubonelela ngo: 1. ukwamkelwa koluntu lwemveli nolwama Khoi-San, izikhundla zobunkokeli kunye nokurhoxiswa ulwamkelo olunjalo; 2. imisebenzi kunye nendima yeenkokheli zemveli kunye nama Khoi-San; 3. ukwamkelwa, ukusekwa, imisebenzi, iindima kunye nolawulo lwamabhunga olalwamano okanye ubukumkanikazi, amabhunga olawulo emveli, amabhunga emveli, amabhunga ama Khoi-San kunye neekhansilana zemveli, kwakunye nenkxaso kumabhunga anjalo; 4. ukusekwa, ukubekwa kunye nokusebenza kweNdlu yeSizwe seeNkokheli zeMveli kunye nama Khoi-San; 5. ukusekwa kwezindlu zamaphondo zeenkokheli zemveli kunye nezamaKhoi-San; 6. ukusekwa nokwakhiwa kwezindlu zeenkokheli zemveli kunye nezamaKhoi-San; 7. ukusekwa nemisebenzi yeKhomishi yeMicimbi yamaKhoi-San; 8. umgaqo wokuziphatha wamalungu eNdlu kaZwelonke, izindlu zamaphondo, izindlu zengingqi nawo onke amabhunga emveli kunye namaKhoi-San; kunye

Uwiso-mthetho lukaZwelonke	Khangela	Inkcazelo
		9. Namandla olawulo loMphathiswa neeNkulumbuso.

Uwiso-mthetho lukaZwelonke	Khangela	Inkcazelo
UMthetho weeLwimi zaseNtshona Kapa, we-1998	uMthetho we-13we-1998 (iNtshona Kapa)	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Kapa esekwe ngulo Mthetho kufuneka, phakathi kwezinye izinto: • ibeke iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi nesXhosa nguRhulumente weNtshona Kapa; • yenze izindululo kuMEC nakwiPalamente yePhondo malunga nomthetho ocetywayo okanye okhoyo, inkqubo kunye nomgaqo-nkqubo ojongana ngqookanye ngokungathanga ngqo nolwimi eNtshonaKapa; • ikhuthaze ngokusebenzayo umthetho-siseko wokusetyenziswa kweelimi ezininzi; • ikhuthaze ngokusebenzayo uphuhliso lweelwimi zemveli ebezifudula zingaselwe so ngaphambilini; • icebise uMEC neKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa kwimicimbi yolwimi kwiPhondo; kunye • nokucebisa iPanSALB kwimicimbi yolwimi eNtshona Kapa. I-DCAS yongamele iWCLC kwaye ibonelela le Komiti ngenkxaso kulawulo nakwimali.
UMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa kunye namaBhunga eNkcubeko, we-1998	uMthetho we-14we-1998 (iNtshona Kapa)	Lo mthetho umisela iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa, phakathi kwezinye izinto, ukuqwalasela ubhaliso kunye nokubhaliswa ngokutsha kwamabhunga enkcubeko amele uluntu olwabelana ngenkcubeko kunye nelifa lemveli. I-WCCC inokwenza nezindululo koku kulandelayo: • ubugcisa bokubonwayo, obokwenza kunye noboncwadi; • ubunzululwazi bendalo nobobuntu; • imbali yenkcubeko; kunye • nokwazisa ngenkcubeko nokubandakanyeka kolutsha kwinkcubeko I-DCAS yongamela iWCCC kwaye ibonelela iKhomishini ngenkxaso kwezolawulo nezemali.
ImiMiselo yoLawulo lweziXhobo zeLifa leMveli leNtshona Kapa, yama-2002	iPN yama-336 omhla wama-25 kweyeDwarha wama-2002	I-DCAS yongamela iLifa leMveli eNtshona Kapa - igunya lezixhobo ezililifa lemveli lephondo elonyulwe ngokuhambelana neNHRA - kwaye libonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwimali. U-MEC unoxanduva lokumisela abasemagunyeni kunye nokuqesha iKhansile kwisikhundla ngasinye esilandelayo se-ofisi.
ImiMiselo yoLawulo lweziXhobo zeLifa leMveli leNtshona Kapa, yama-2003	iPN yama-298 omhla wama-29 kweyeDwarha wama-2003	I-DCAS yongamela iLifa leMveli eNtshona Kapa - igunya lezixhobo nto ezililifa lemveli lephondo elonyulwe ngokuhambelana neNHRA - kwaye libonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwimali. U-MEC unoxanduva lokumisela abasemagunyeni kunye nokuqesha iKhansile kwisikhundla ngasinye esilandelayo se-ofisi

Uwiso-mthetho lukaZwelonke	Khangela	Inkcazelo
UMthetho weNkonzo yooVimba neeRekhodi wePhondo leNtshona Kapa, wama-2005	uMthetho wesi-3 wama-2005 (iNtshona Kapa)	Lo Mthetho umisela iNkonzo yooVimba neeRekhodi wePhondo leNtshona Kapa ukuze kugcinwe iirekhodi zikarhulumente kunye nezizezoluntu ezingezizo ezoluntu zokugcina ixabiso lokusetyenziswa luluntu kunye noRhulumente; ukwenza ezo rekhodi zinjalo zifikeleleke; kunye nokukhuthaza ukusetyenziswa kwazo luluntu.
UmMiselo weMyuziyam, we-1975	uMmiselo wesi-8 we-1975 (iNtshona Kapa)	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana nemigqaliselo yalo Mmiselo ngokokuchaphazela iimyuziyam zephondo eNtshona Kapa. Umthetho omtsha weemyuziyam wephondo uyilwa ngokubonisana nabachaphazelekayo.
UmMiselo we-Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh), we-1979	uMmiselo we-11 lowe-1979 (kwiPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana nemigqaliselo yalo Mmiselo ngokokuchaphazela iimyuziyam zephondo eNtshona Kapa. Umthetho omtsha weemyuziyam wephondo uyilwa ngokubonisana nabachaphazelekayo.
UmMiselo weNkonzo yeThala leeNcwadi lePhondo, we-1981	Ummiselo we-16we-1981 (kwiPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuphunyezwa nokuthotyelwa kwemiqathango yalo Mmiselo ukulawula imicimbi ye-Oude Kerk Volksmuseum eTulbagh.
UmMiselo we-Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh), we-1979	uMmiselo we-11 lowe-1979 (kwiPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokwenza kunye nokuthobela izibonelelo zalo mthetho malunga namathala eencwadi eNtshona Kapa.

7.3 Amagunya oMgaqo-nkqubo

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
Imigaqo-nkqubo kaZwelonke	
IPhepha leNgcaciso kuBugcisa, kwiNkcubekonakwiLifa leMveli likaZwelonke (we-1996)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngenkqubo-sikhokelo somgaqo-nkqubo kubugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli, ithala leencwadi neenkonzo zovimba kwiphondo nakuzwelonke.
INkqubo-sikhokelo soMgaqo-nkqubo woLwimi (wama-2003)	Olu xwebhu lubonelela ngenkqubo-sikhokelo sikazwelonke sokusetyenziswa kwamalungiselelo oMgaqo-siseko kunye nemiyalelo yowiso-mthetho kuwo onke amacandelo karhulumente, kubandakanya iDCAS. Ikwabeka imithetho-siseko nezicwangciso zophunyezo ema lulandelwe.
UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi zikaZwelonke(iNcwadana yoMgaqo-nkqubo yoLawulo lweeRekhodi, wama-2007)	Olu xwebhu lulawula imida ethile apho amabhunga orhulumente kufuneka asebenze ngokubhekisele kulawulo lweerekhodi zawo kunye nendlela iDCAS ekufuneka ilubeke esweni ngalo ulawulo lweerekhodi zemibutho yaseburhulumenteni eNtshona Kapa.
Ukulawula iiRekhodi zezixhobo zombane kumaNqanaba kaRhulumente: uMgaqo-nkqubo, iMithetho-siseko neeMfuno (wama-2006)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokelo kumanqanaba karhulumente ukubanceda ukuba bahambisane neemfuno zomthetho ngokubhekisele kwiirekhodi zezixhobo zombane njengenxalenye ebalulekileyo yolawulo lwezixhobo. I-DCAS kufuneka ihambelane nemigangatho emiselweyo yesizwe kunye

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
	neyehlabathi jikelele ngokubhekisele kwizixhobo zekhompyutha, ezesoftware kunye nogcino lweendaba ukuze zigcinwe kuvimba.
IsiBhengezo sikaZwelonke seMidlalo noLonwabo se-Indaba (sama-2011)	Oku kufuna ukuba iDCAS ilungelelanise iinjongo zayo eziphambili nesicwangciso sesibhengezo esibonisa umbono wezemidlalo nolonwabokude kube ngowama-2020
IsiCwangciso sikaZwelonke seMidlalo noLonwabo (sama-2012)	IsiCwangciso sikaZwelonke seMidlalo noLonwabo (iNSRP) simisela umbono wezemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika kude kube ngowama- 2020.
IPhepha leNgcaciso likaZwelonke kwiMidlalo noLonwabo (lama-2012)	Lo mgaqo-nkqubo uqaqambisa oku kufunekayo kulandelayo: 1. ukunyusa izinga lothatho nxaxheba kwezemidlalo nolonwabo; 2. ukuphakamisa iprofayile yezemidlalo phambi kwezinto eziphambilieziphikisayo 3. ukwandisa amathuba okuphumelela kwiminyhadala; kwaye 4. kubeka ezemidlalo kwindawo ephambili kwiinzame zokunciphisaulwaphulo-mthetho. Uxanduva olupheleleyo lwezemidlalo nolonwabo luhlala kwi-SRSA.
INkqubo-sikhokelo soMgaqo-nkqubo weNkqubo kaRhulumente ngokubanzi yokuBek'esweni kunye noVavanyo (sama-2007)	Injongo yeNkqubo kaRhulumente ngokubanzi yokuBek'esweni kunye noVavanyo (iGWM & E) kukubanegalelo kulawulo oluphuculweyo kunye nokonyusa ukusebenza kwemibutho yecandelo likarhulumente kunye namaziko. Olu xwebhu lubonelela ngesakhelo somgaqo-nkqubo obanzi wokubekwa kweliso novavanyo (iM&E) eMzantsi Afrika. Ikhuthaza ulawulo olusekwe kwiziphumo
IPhepha loGayo-zimvo kuLawulo loMsebenzi wokuBeka esweni nokuVavanya (lama- 2009)	Olu xwebhu lujolise ekwenzeni amagosa aseburhulumente kunye negunya elilawulayo ukuba bajolise ekufezekiseni iziphumo kunye neendlela zokuphumeza okuqulathwe kwiNkqubo-sikhokelo sesiCwangciso sesiQingatha soNyaka (iMTSF). Yenzelwe ukukhuthaza ukusebenza kakuhle kwesebe kunye nokusebenza komntu wonke kuwo onke amanqanaba.
Izikhokelo zamaSebe ePhondo nakaZwelonke kuLungiselelo lweNkqubo-sikhokeloseM&E	Ezi zikhokelo zibonelela ngokuphuhliswa kwenkqubo-sikhokelo sokubeka esweni kunye nokuvavanya kuwo onke amaziko kaRhulumente ukuze amaziko akwazi ukuhlola inkqubela phambili ngokubhekisele kwiinjongo zawo ezichaziweyo athathe amanyathelo okulungisa apho kufanelekileyo. Le nkqubo ifuna amasebe abe nokuqonda okubanzi kwazo zonke iinkqubo zedatha yolawulo, iidatha zolawulo kunye nezalathisi zomsebenzi. Izalathisi kufuneka zinxityelelaniswe nemigaqo- nkqubo ethile efanelekileyo kwaye nohlalutyo lweeseti zezalathisi kufuneka lwenzelwe ukujonga ukuba ngaba bukhona na ubudlelwane obusebenzayo kunye nesiphumo.
Izikhokelo zeNkqubo yoKwandiswa kweMisebenzi yoLuntu (i-EPWP)	Izikhokelo zeziCwangciso zoShishino lwe-EPWP zeCandelo loLuntu (ezeMidlalo noLonwabo) kunye neCandelo leNdalo neNkcubeko (iMicimbi yeNkcubeko) zibonelela ngesakhelo ukuba iDCAS isebenzise inkxaso-mali yecandelo loluntu ukunciphisa nokudambisa intswela ngqesho.
Imigaqo-nkqubo yePhondo	
UMgaqo-nkqubo woLwimi eNtshona Kapa(iPN yama-369, ngomhla wama-27 kweyeNkangawama-2001)	I-DCAS nawo onke amanye amasebe ephondo kunyanzelekile ukuba baphumeze amalungiselelo oMgaqo-nkqubo woLwimi eNtshona Kapa noMthetho woLwimi lwePhondo eNtshona Kapa, uMthetho wesi-13 wama-1998. Ukongeza, iSebe linikwe umsebenzi ngokunikezela ngeenkonzo zenkxaso ngolwimi kuRhulumente weNtshona Kapangokusebenzisa iyunithi yakhe yecandelo lolwimi olusembindini.
UMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali kubuGcisa neNkcubeko (wama-2009)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kulwabiwo loncedo lwemali kwimibuthoyenkcubeko

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
Izikhokelo zeNkxaso-mali yeMidlalo noLonwabo (2012)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kulwabiwo loncedo lwemali kwimibuthoyezemidlalo
Umgaqo-nkqubo wokuThiywa nokuThiywa ngokutsha kwaMagama oBume beeNdawo(wama-2015)	Lo mgaqo-nkqubo ubeka indlela yokwenza ekufuneka iqwalaselwe kunye neenkqubo eziza kulandelwa yiDCAS kunye neKomiti yamaGama eeNdawo yeNtshona Kapa xa kusenziwa kwaye kunxityelelwano nabachaphazelekayo kunye noluntu malunga nokubekwa emgangathweni kokuthiywa ngokutsha kwagama, ukuguqula amagama, okanye utshintsho lwagama akhoyo endawo. La maqumrhu enza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika kunye noMphathiswa wezoBugcisa neNkcubeko kuzwelonke
Inkqubo yokuBeka esweni noVavanyo kwiPhondo ngokubanzi	Le seti yamaxwebhu isebenza njengempendulo yephondo kwiNkqubo kaRhulumente ngokubanzi yokuBek'esweni noVavanyo. Injongo kukuphucula ulawulo kunye nokunikwa kwengxelo yolawulo lwephondo ngokunika inkxaso: ukuphucula kokwenziwa kwezigqibo ezisekelwe kubungqina; ukuphuculwa komgaqo-nkqubo; ulwabiwo lwezixhobo olusebenzayo
UMgaqo-nkqubo weMyuziyam weNtshonaKapa (wama-2013)	UMgaqo-nkqubo weMyuziyam weNtshonaKapa (wama-2013)
UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi kumanqanaba oburhulumente baseNtshona Kapa(wama-2017)	UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi kumanqanaba oburhulumente baseNtshona Kapa(wama-2017)
UMgaqo-nkqubo wobuXhakaxhaka bamanqanaba oburhulumente baseNtshona Kapa (wama-2017)	UMgaqo-nkqubo wobuXhakaxhaka bamanqanaba oburhulumente baseNtshona Kapa(wama-2017)
Inkqubo-sikhokelo soLwimi lokuThetha ngeZandla lwaseMzantsi Afrika (iSASL) soRhulumente weNtshona Kapa.	Inkqubo-sikhokelo soLwimi lokuThethangeZandla lwaseMzantsiAfrika (iSASL) soRhulumente weNtshona Kapa.

Izicwangciso	Inkcazelo
Izicwangciso zikaZwelonke	
soXhomekeko: Inkqubo yokuBuyiselwa kweThala leeNcwadi yokuphucula iinkonzo zethala leencwadi loluntu	I-DCAS inoxanduva lokuphunyezwa ngempumelelo nolawulo lwale projekthi yeSibonelelo soXhomekeko eNtshona Kapa.
ImiGqaliselo: Ingxelo yeZikolo eziDibeneyo yoMsebenzi kwiPhondo (ngo-2012)	I-DCAS inikwe umsebenzi yiSRSA kunye neSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke ngokuseka IQela eliDibeneyo leMidlalo yeZikolo ukuze lilawule, lilungelelanise kwaye liphumeze isicwangciso semidlalo yezikolo, kunye nokuqinisekisa ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo ezikolweni.
Izikhokelo zoSeko lweeKomiti zeKhowudi yokuXhasa iMidlalo yeZikolo (zama-2013)	IDSAC kunye neSebe lesizwe lezeMfundo yeSiseko inikezela ngezikhokhelo ezicacileyo ukulungiselela ukusekwa kweekomiti ezingqamene ngqo neekhowudi zemidlalo yezikolo kwinqanaba lesekethe, lesithili, nakwiphondo. IDCAS ixhasa iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) ukuququzelela imisebebenzi enxulumene nemidlalo kwiikhowudi ezahlukeneyo, sijolise kwinqanaba elilandelayo lokuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba lephondo, lesizwe nakwelehlabathi. IWCED ngoko inoxanduva lwamacandelo eMidlalo yeZikolo, njengoko ebandakanya ootitshala. IDCAS, njengeseba lephondo leMidlalo,

Izicwangciso	Inkcazelo
	uBugcisa neNkcubeko, inesigunyaziso sokusebenza namacandelo emibutho emanyeneyo. Amacandelo olungelelwaniso lweMidlalo yeSikolo athe ngqo kwikhowudi, ngoko, akanakuzisebenzela nje ngokwawo. Adingeka okokuba alungelelaniswe, yaye anike ingxelo yaye athwale uxanduva lwemibutho emanyeneyo yemidlalo yekhowudi ethe ngqo. Ukusekwa, ngokunjalo nokuqulunqwa kwamacandelo eMidlalo yeSikolo ngokwakaloku nje kuphantsi kohlaziyo.
Izicwangciso zePhondo	
Imiqathango neMigangatho yamaThala eencwadi oLuntu eNtshona Kapa	Imiqathango nemigangatho zibalulekile ekuqinisekiseni ukubonelelwa kunye nophuhliso oluzinzileyo lweenkonzo zamathala eencwadi oluntu ukunika isiphumo kuyilo loMthetho oYilwayo weThala leeNcwadi zoLuntu loMzantsi Afrika kunye neNkcukacha zoTshintsho lweThala leeNcwadi noMqulu woGuqulo lweeNkonzo zeeNkcukacha wama-2014. Esi sicwangciso sijongana nemiqathango nemigangatho yemisebenzi yethala leencwadi, abasebenzi, amaziko, ukufikelela kwi-intanethi, uqokelelo kwithala leencwadi kunye neeyure zamathala eencwadi zoluntukumathala eencwadi eNtshona Kapa
Isikhokelo seMidlalo yeSikolo (sama-2013)	Olu xwebhu lweDCAS lubonelela ngesikhokelo kubathathi-nxaxheba ekuthobeleni amaxwebhu ohlukeneyo omgaqo-nkqubo emidlalo yesikolo kunye nesiCwangciso sikaZwelonke seMidlalo noLonwabo.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha eNtshona Kapa sama-2013	IsiCwangciso soPhuculo loLutsha eNtshona Kapa sijolise ekuboneleleni ngenkxaso ethe kratya, amathuba kunye neenkonzo kubo bonke abantu abatsha ukuba bazibandakanye bhetele nendawo zabo ukuze babe ngabantu abadala abanoxanduva, abazimeleyo nabazinzileyo. Injongo yesicwangciso kukuba ulutsha eNtshona Kapa luphefumlelwe, lufundiswe, lubenoxanduva, luzimele kwaye lube nabantu abasempilweni ukuba babenobuntu obuneziphumo ezihle, usapho kunye nobudlelwane ngokwasentlalweni kwiminyaka engama-25.
Isicwangciso-qhinga soPhuhliso lweCandelo (sama-2008)	Olu xwebhu lubonelela ngenkqubo-sikhokelo sophuhliso, inkuthazonolondolozo lweentlobo zobugcisa kwiNtshona Kapa.
Imatshi yeNdlela yonyaka nenkqubo- sikhokelo sokhuphiswano (-yama-2012/13)	Nikela ngezikhokelo kwizinto nakwipesenti eza kwabelwa imatshi yendlela yonyaka kunye nokhuphiswano lweeMinstrels, iKrisimesi neeKwayala zeMalay.
Inkqubo-sikhokelo sesiko loLwaluko eNtshona Kapa	Le nkqubo-sikhokelo inika isikhokelo malunga nenkcubeko yesiko lolwaluko kwimibutho yenkcubeko ekuhlaleni, koomasipala nakwabanye abasemagunyeni.
Inkqubo-sikhokelo seMbali yoMlomo weNtshona Kapa	Le nkqubo-sikhokelo sinikezela ngezona zikhokelo zingephi kunye nemigangatho yokuziphatha ekufuneka ilandelwe xa kuqhutywa udliwanondlebe lwembali yomlomo kubasebenzi beDCAS nakumaziko amanyeneyo asebenza kwicandelo.

8. Ubume bombutho

Ulwakhiwo lweSebe (ukusukela ngowama-31 kuMatshi wama-2020) luboniswa ngaphezulu. Uluhlu lwabasebenzi lubonisa unyaka ophantsi kovavanyo, ngoko iHOD entsha yaqeshwa ukususela ngomhla woku-1 ku-Agasti 2021.

Ubume beSebe



9. Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa

Itheyibhile engezantsi ibonisa amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa:

AmaQumrhu kaRhulumente:

Igama leQumrhu	IGunya lowiso-Mthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
IKhomishini yeNkcubeko yaseNtshona Kapa	IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa namaBhunga eNkcubeko, ye-1998 (uMthetho we-14 ye-1998)	I-DCAS yeyona iphambili ekuxhaseni ngemali iWCCC. Yenza udluliso lwentlawulo kwiKhomishini ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo	I-WCCC inoxanduva ngokusemthethweni lokubhaliswa kunye nokurhoxiswa kwamabhunga enkcubeko. Ikwanoxanduva lokongamela ukuphathwa kwamaziko enkcubeko asixhenxe athe abekwa nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo phantsi kolawulo lwayo
IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Kapa	uMthetho weeLwimi zePhondo leNtshona Kapa, we-1998 (uMthetho we-13 we-1998)	I-DCAS yeyona inikela ngenkxaso-mali kwiWCLC. Yenza udluliselo lwentlawulo kwiKomiti ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo.	I-WCLC inoxanduva: lokubeka iliso kusetyenziso lwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Kapa; ukwenza izindululo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo nakwiPalamente yePhondo; ukukhuthaza ngokusebenzayo ukuthethwa kweelwimi ezininzi; ukukhuthaza ngokusebenzayo uphuhliso lweelwimi zomthonyama ezazifudula zisingelwe phantsi; kunye nokucebisa uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye nePanSALB ngemicimbi yeelwimi eNtshona Kapa.
Ilifa leMveli laseNtshona Kapa	uMthetho weziXhobo zeLifa leMveli likaZwelonke, we-1999 (uMthetho wama-25 we-1999)	I-DCAS yeyona iphambili ekunikeni inkxaso-mali kwiHWC. Yenza udluliso lwentlawulo kwi-HWC ukunika inkxaso-mali kwimisebenzi yayo	I-HWC ligunya lezixhobo zelifa lemveli lephondo eNtshona Kapa elinoxanduva lokuchonga, ukukhusela, ukukhuthaza nokulawula izixhobo zelifa lemveli ngokwemigaqo yoMthetho weLifa leMveli kaZwelonke, we-1999

liNdawo zoLondolozo eziBhengezelwe ukuncedwa liPhondo:

Igama leQumrhu	IGunya lowiso-Mthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
iBartolomeu Dias Museum,iMossel Bay	Ummiselo weMyuziyam, we-1975 (umMiselo wesi-8 we-1975)	ISebe lixhasa ngemali imisebenzi yezi myuziyam njengenxalenye yokusekwa kwalo.	Njengoko kuchaziwe kwiimyuziyam zephondo, ezi myuziyam zinoxanduva olusemthethweni lokulawula, ukulondoloza, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza inkongozelo yazo ngokwemixholo evunyiweyo yemyuziyam nganye kunye neenjongo zesicwangciso zeDCAS.
iMyuziyam yaMayeza yaseKapa, iKapa			
iMyuziyam yaseKapa			
iMyuziyam yaseGeorge			
iMyuziyam yaseWorcester			

Iimyuziyam eziBhengezwe njengezifumana uncedo lwePhondo:

Igama leQumrhu	IGunya lowiso-Mthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
IMyuziyam yase-Beaufort West	uMmiselo weeMyuziyam, we-1975 (uMmiseo we-8 we-1975)	I-DCAS yeyona iphambili ekuncedeni iimyuziyam zePhondo. I-DCAS yenza ukuba isibonelelo sifumaneke ukulondoloza iimyuziyam kwaye inikezela abasebenzi abasekelayo ngokwesikhundla malunga nokusungulwa kwabasebenzi abavunyiweyo beDCAS, ngaphandle kweMyuziyam yeCango Caves.	Njengeemyuziyam ezibhengezwe njengezifumana uncedo kwiphondo, ezi myuziyam zinoxanduva olusemthethweni lokulawula, ukugcina, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza inkongozelo yazo ngokwemixholo evunyiweyo yemyuziyam nganye kunye neenjongo ezicwangcisiweyo zeDCAS.
Caledon Museum			
IMyuziyam yase-Caledon			
Drostdy Museum, Swellendam			
IMyuziyam yase-CP Nel, Oudtshoorn			
Hout Bay Museum, Cape Town			
IMyuziyam yase-Drostdy, Swellendam			
IMyuziyam yase-Genadendal			
Mission			
IMyuziyam yase-Hout Bay, Cape			
Town			
IMyuziyam yase-Huguenot			
Memorial, Franschhoek			
I-Cango Caves, Oudtshoorn			
IMyuziyam yase-Wheat Industry,			
Moorreesburg			
IMyuziyam yase-Lwandle Migrant			
Labour, Cape Town			
IMyuziyam yase-Montagu			
IMyuziyam yase-Old Harbour,			

Iimyuziyam zasekuhlaleni ezibhengeziweyo:

Igama leQumrhu	IGunya lowiso-Mthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
IMyuziyam yase-Elands Bay	uMmiselo weeMyuziyam, we-1975 (uMmiselo wesi-8 we-1975)	I-DCAS yeyona iphambili ekuxhaseni ngemali iimnyuziyam zasekuhlaleni. Yenza ukuba iintlawulo zesibonelelo-soncedo zifumaneke kulondolozo lweemyuziyam zasekuhlaleni.	Njengeemyuziyam zasekuhlaleni ezibhengeziweyo, iimyuziyam zinoxanduva olusemthethweni ukulawula, ukugcina, ukuphanda, ukufundisa kunye nokukhuthaza inkongozelo yazo ngokwemixholo evunyiweyo yemyuziyam nganye kunye neenjongo ezicwangcisiweyo zeDCAS.
IMyuziyam yase-Fransie Pienaar, Prince Albert			
IMyuziyam yase-Great Brak River			
IMyuziyam yase-Jan Danckaert, Porterville			
IMyuziyam yase-Robertson			
IMyuziyam yase-SA Fisheries, Laaiplek			

Ikomiti ecebisayo yesebe

Igama leQumrhu	IGunya lowiso-Mthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
IKomiti yamaGama eNdawo eNtshona Kapa	uMthetho weBhunga wamaGama eNdawo eMzantsi Afrika, wama-1998 (uMthetho we-118 we-1998)	I-DCAS yeyona iphambili ekuxhaseni ngemali iKomiti. Uhlahlo-lwabiwo mali lwayo luyinxalenye yohlahlo-lwabiwo mali lweSebe liphela.	IKomiti icebisa uMphathiswa ngemicimbi enxulumene notshintsho lwamagama eendawo kunye nokubekwa emgangathweni ngokoMthetho weBhunga lamaGama eendawo eMzantso Afrika.

Icandelo B

IINKCUKACHA ZOMSEBENZI

1. Ingxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele: Iinjongo eziMiselwe kwangaphambili

I-AGSA okwangoku yenza iinkqubo ezithile zophicotho kwiinkcukacha zomsebenzi ukubonelela ngesiqinisekiso esifanelekileyo ngohlobo lokuqukunjelwa kophicotho. Isiphelo sophicotho lokusebenza ngokuchasene neenjongo ezichaziweyo ngaphambili sibandakanyiwe kwingxelo eya kubaphathi, kungafumanekanga nto kwiziphumo zophando zingako zixeliweyo phantsi kwesihloko seeNjongo zakwangaPhambili ezichaziweyo kwiNgxelo kwelinye icandelo lezomthetho kunye nolawulo lweemfuno zengxelo yomphicothi zincwadi.

Khangela kwiphepha le-210 leNgxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele, epapashwe njengeCandelo E: Iinkcukacha zeMali zale Ngxelo yoNyaka wama-2020/21.

2. IsiShwankathelo soMsebenzi weSebe

IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo sisixhobo esisetyenziselwa ukunceda ekwakhiweni kokubandakanyeka koluntu eNtshona Kapa. ISebe linoxanduva lokuhambisa ezi nkonzo zilandelayo:

EYONA NKONZO IPHAMBILI	INKCAZELO NGENKONZO
Iinkonzo zenkxaso zoLolawulo	1. Kukubonelela ngenkxaso yolawulo olucwangcisiweyo nesebenzayo kwiSebe. 2. Kukubonelela ngeenkonzo zolawulo lwemali nolawulo lwentengo kwiSebe. 3. Ulungelelwaniso nenkxaso yolawulo olucwangcisiweyo lweenkonzo ze-EPWP kwiCandelo lezeNdalo neNkcubeko eDCAS
Ubugcisa neNkcubeko	4. Ukuququzelela uphuhliso, ulondolozo nenkuthazo yobugcisa nenkcubeko eNtshona Kapa ngokudalwa kwezakhelo zobugcisa nenkcubeko esebenzayo nenodlamko olusebenzayo, imisebenzi neemeko kunye nokunika inkxaso noncedo kwiKhomishini yeNkcubeko eNtshona Kapa (iWCCC) ukuphumeza igunya lowiso-mthetho layo.
IiMyuziyam, uLawulo lweziXhobo zeLifa leMveli, neeNkonzo zemaGama eeNdawo	5. Ukukhuthaza, ukulondoloza nokuphuhlisa ilifa lemveli lethu ngokubonelela ngeenkonzo zembali kwiimyuziyam ehambelana nazo nokubonelela ngobuchule nangenye inkxaso kumanqanaba karhulumente eemyuziyam ehembelana nazo. 6. Ukukhuthaza, ukulondoloza nokulawula izixhobo zelifa lemveli laseNtshona Kapa nokuququzelela imicimbi enxulumene noko kwiNgqungquthela yeLifa leMveli yeLizwe eNtshona Kapa. 7. Ukuncedisa ngolawulo lwezixhobo zelifa lemveli ngokuphumeza umthetho ofanelekileyo. 8. Ukuququzelela ukubekwa emgangathweni okanye ukutshintshwa, apho kuyimfuneko, kwamagama eendawo eNtshona Kapa. 9. Ukunika iingcebiso kumagunya asekuhlaleni nokusebenza nawo ekuqinisekiseni ukuba bayayisebenzisa imithetho-siseko ye-SAGNC kumagama aphantsi kolawulo lwabo lezobulungisa.
IiNkonzo zoLwimi	10. Ukukhuthaza nokuphuhlisa usetyenziso lweelwimi

EYONA NKONZO IPHAMBILI	INKCAZELO NGENKONZO
	ezininzi eNtshona Kapa; 11. Ukuphuhlisa ngokusebenzayo iilwimi ebezifudula zisingelwe phantsi eNtshona Kapa; 12. Ukuququzelela uphunyezo nobeko liso loMgaqo-nkqubo wee Lwimi weNtshona Kapa kunye 13. Nokubonelela ngobuchule nangenkxaso yolawulo kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Kapa (iWCLC) ukuphumeza igunya lowiso-mthetho layo.
Inkonzo yeThala leeNcwadi	14. Ukubonelela ithala leencwadi neenkonzo zenkcukacha nokukhuthaza inkcubeko nemfundo engakhulelwayo kubambiswano noomasipala.
IiNkonzo zooVimba	15. Ukubonelela ngofikelelo kwilifa lemveli elinguvimba nokukhuthaza ulawulo oluliqilima nokhathalelo lweerekhodi zoluntu.
IiNkonzo zeMidlalo	16. Ukubonelela iinkonzo ezikhethekileyo zemidlalo. 17. Ukubonelela ngenkxaso yomxhasi neyobunzululwazi.
Ulonwabo	18. Ukukhuthaza imisebenzi yezolonwabo.
IMidlalo yeSikolo	19. Ukukhuthaza imisebenzi ekhethekileyo yasemva kwesikolo namathuba othatho nxaxheba kwinqanaba elilandelayo.
INkqubo yeMOD	20. Ukukhuthaza uthatho nxaxheba ngobuninzi ngokubonelelwa kwemisebenzi yeentlobo ntlobo yasemva kwesikolo.
UmGuquli weZinto wenkqubo yaseMva kweSikolo	21. Ulungiselelwaniso, ulwandiso noxhotyiso lweenkqubo zesikolo zasemini okanye zasemva kwemini ezingahlawulelwa fizi okanye ezihlawulelwa iifizi eziphantsi kwiPhondo liphela nongokuxananazileyo kwiDCAS, iDSD, iWCED, iDoCS neDotP. umGuquli weZinto ukwasebenza neSixeko saseKapa namakhulu eeNGO.

Unikezelo lweSebe lweenkonzo zalo ngesithuba sowama-2020/21 luxoxwa kwicandelo 2.1 ngasezantsi.

2.1. Ubume bokunikezelwa kwenkonzo

Ubhubhane weCovid-19 ube nomngeni kuthi kwafuneka sikhangele ngokutsha uyilo, imisebenzi kunye nezixhobo, waze wasinyanzela ukuba sicinge, sisebenze ze samkele itheknoloji ukuqinisekisa ukomelela kubume bangaphandle obahlukeneyo nobungabalazileyo.

Ngethuba lonyaka ophantsi kovavanyo iSebe ladingeka ukuba lihlenga-hlengise imisebenzi yalo ngenxa yokuncitshiswa kohlahlo lwabiwo-mali ukulungiselela ukuxhasa ukusabela kwintlekele yempilo ze nolondolzo olunyanzelqeyo olunyanzelweyo olubangelwe yimbonakalo yoqoqosho engafunekiyo kunye neCovid-19 ethe yavela ngenxa yokukhula okucothayo koqoqosho, ukuhla kwexabiso lemali, izivumelwano zemivuzo eziphezulu kunoko bekulindelwe, nokungaqiniseki noqikelelo kubume boqoqosho. Ukunyina impembelelo kwiinkonzo nokukhusela unikezelo oluphambili lwenkonzo kwabo basesichengeni kakhulu, iSebe lisebenzise umthetho-siseko wexabiso lemalii nokusetyenziswa kwemali eyabelwe iSebe kangangoko kufanelekile yaye kusebenza ukuhlenga-hlengisa ushishin lwethu.

INKUNDLA EZIMELEYO YOMPHATHISWA

ICandelo 49(2) loMthetho weSizwe weLifa leMveli uMthetho 25 we-1999 (uMthetho) lixhobisa uMphathiswa ukuba atyumbe iNkundla eZimeleyo okokuba iqwalasele izibheno ezifakwe ngamalungu oluntu ezichasa izigqibo zeBhunga leHWC. INkundla yeZibhen eZimeleyo (iNkundla) idlala indima ebalulekileyo yomthetho ekuncedeni uMphathiswa ukuba azalisekise isigunyaziso sakhe ngokwemiqathango yoMthetho. Ngethuba eliphantsi kovavanyo, iNkundla iqwalasele izibheno ezisixhenxe. Izigwebo ibe nemiba erheshayo ebhekiselele kukugcinwa kweziboniso lwelifa lemveli.

Ngaphandle kokumilisela ukuzithemba kukarhulumente kunye nethemba kwiinkqubo zokubhena, iiNkundla igweba amatyala antsokothileyo nanobuchule, athi adinge uthantamiso okokuba lufikelelwe phakathi kwamalungelo ophuhliso, ugcino lwelifa lemveli, ukuba semthethweni, kunye nobulungisa. Zonke iZigwebo zeeNkundla zenza umsebenzi wolawulo. Ngethuba lonuaka-mali ophantsi kovavanyo izigqibo ezisixhenxe zathunyelqa kwiNkundla eZimeleyo yoMphathiswa.

UBUGCISA NENKCUBEKO

Ubugcisa bunekhono lokubumba ngokutsha imibono yethu nokuguqula ubomi bethu, bakhe uhambelwano lwentlalo, nokusinika iimbali ulungiselela ukuhamba kwihlabathi lethu. Oku kube kujolise okuhlakaniphileyo ngethuba lesithuba sokuvalwa ngci xa uBugcisa buthe banikezela intuthuzelo edingekayo ngabantu, ziingingqi zoluntu naluluntu luphela. ISebe linike ingqwalasela kwinto yokuba inguqu ayizenzekeli nje koko idinga indlela elungelelanisiweyo yaye ngoko inkqubo yokuhlaziya uMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali waqalswa ukuvelisa iimbono ezintsha nokuququzelela uyilo ngokuhlangeneyo kuso sonke isixokelelwano sexabiso. Ubugcisa bunempembelelo kwigqiqo yethu yabanye abantu kunye neenkcubeko yaye businceda okokuba siqhagamshelane nabanye. Bubulumko ngoko bokokuba iSebe lixhase uluhlu olwahlukeneyo lwemibutho kunye nemisebenzi ethi iyile, ivelise, ibonise yaye ikhuthaze ubugcisa kuyo yonke imimandla ekusetyenzwa kuyo yaye kuluntu olwahlukeneyo.

Izithintelo zeCovid-19 zibe nempembelelo etshabalalisayo kumashishini okuyila nakuzo zonke iinkonzo ezikwisixokelelwano sexabiso, kwi-ikhosistim yobugcisa nenkcubeko kubandakanywa ukhenketho nolwamkelo lweendwendwe. Njengoko ushishino luqalisa ukuvala, impembelelo yafezekisqa ngokulahlwka kwemisebenzi, impembelelo yoqoqosho kwiintsapho, yalubeka phandle ubungozi bohlobo lomsebenzi kushishino. ISebe libeke phambili isahlulo senkxaso-mali yobugcisa ukulungiselela ukubonelela ngomlinganiselo woncedo lwentlalo kushishino loyilo ukusabela kwimpembelelo yeCovid-19 kwicandelo. Ubume boshishino loyilo busahexa yaye ukukhululwa kwemithetho kubangele imisebenzi yoshishino iye ibuya kancinane ngokusetyenziswa kwendlela yekhompyutha kumaqonga okusetyenziswa kobuxhakaxhaka bekhompyutha obusetyenzisiweyo kulungiselelwa ukuqhubeka koyilo lwemisebenzi, ukuchazwa koyilo lwamava eCovid-19 kuluntu, nokusekwa ngokutsha kwezivumelwano zethemba nenkolo.

Ubume obukhoyo boqoqosho, obandiswe kukwanda kwibango leenkonzo, okunyanzeliise ubugcisa necandelo lenkcubeko okokuba lihlaziye amaqhinga alo ngendleka iinkonzo ezinikezelwe ngayo kuluntu, kummandla aphi ibango ligqithe kakhulu kunikezelo, isidingo sokuhlanganisa iinkonzo nokusebenzisana norhulumente wesizwe nomasipala bubue ziindlela zokufezekisa imiphumela eqikelelwayo. Ukwakhia kothelelwano olunentsingiselo kube kokubalulekileyo kwimpumelelo, ukwanda nokuzinziswa kweenkonzo ezinikezelwe liSebe.

IMYUZIYAM, ULAWULO LWEZIBONELELO ZELIFA LEMVELI KUNYE NEENKONZO ZAMAGAMA ENDAWO

Icandelo lemyuziyam, lelifa lemveli, kunye nelamagama endawo lidlala indima ebalulekileyo ekwakheni ubandakanyo lwentlalo, ukukhuthaza ukhenketho lwenkcubeko, nokunikela kukukhula koqoqosho lwengingqi, le yokugqibela iyiyo ebonakalayo ngokuthambekele kwimpembelelo yeCovid-19 kuqoqosho lwelizwe nokukhokhelela kukuphela kwemisebenzi. ISebe liyaqhubeka lixhasa iiprojekti zelifa lemveli ezifana neResistance and Liberation Heritage Route, the Cradle of Human Culture Tourism Project kunye nophuhliso lwefayili yezehlo zonyulo zamaZiko amabini eLifa leMveli leHlabathi ukulungiselela umbhalo ocetywayo njengamaZiko eHlabathi eLifa leMveli e-UNESCO. Unyulo luqulathe unyulo lwe-Early Cape Farmsteads, kunye nonyulo lwe-Early Modern Humans: Pleistocene Occupation Sites of South Africa.

UMphicothi-zincwadi Jikelele udingeka ukuba aqhube uphicotho-zincwadi lonyaka kwiimyuziyam ezincedwa liPhondo ngokuhambelana necandelo 32 loMthetho 8 weeMyuziyam we-1975. Le mirhumo ihlangeneyo yoMphicothi-zincwadi yowama-2019/20 yaba zizigidi ezi-R2.35 ze ngowama-2020/2021 yaba zizigii ezi-R 2.5. Nangona ibalulekile into yokokuba iimyuziyam ziphicothwe iincwadi zayo, uyi;o lophicotho-zincwadi olwahlukileyo oluzinzileyo ngokwasezimalini lwamkelwa kuMthetho oLungisiweyo weeMyuziyam, onguNombolo 2 wama-2021. Ngokunjalo, iiMyuziyam ezincedwa liPhondo ziya kuphicothelwa iincwadi ngabaphicothi-zincwadi avanobuchule nabaqinisekisiweyo ngaphandle koMphicothi-zincwadi Jikelele ukususela ngowama-2021/22 ukubheka phambili. Oku kuya kunceda ukuthula umthwalo noxinzelelo lwemali kwezi myuziyam.

Iintshukumo ezithatyathiweyo ezingenakufaniswa nanto ukuthoba inqanaba lobhubhane iCovid-19 zibe nomphumela wokuvalwa ngci kwayo yonke into kwimyuziyam ukususea kumhla wama-23 Matshi 2020 ukuya kumhla wesi-6 kuJulayi 2020, emva kwangoko zaba nakho ukwenza isicelo kuMphathiswa wesizwe weMidlalo, uBugcisa neNkcubeko okokuba zivulwe ngokuhambelana nemithetho epapashwe ngethuba lenqanaba eliphambili lenqanaba 3 lokuvalwa ngci kwayo yonke into kwiGazethi enguNo. 43507.

Iimyuziyam zilahlekelwe sisixa-mali esikhulu sengeniso ngosuku ngalunye oludlulayo lokuvalwa ngci kwayo yonke into kwesizwe. Iimyuziyam eNtshona Koloni zamelana nomngeni kangangoko zinakho ze zangena ekwisithuba sofikelelo ngokusetyenziswa konxibelelwano ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha kunye nemisitho engummandla omtsha kuninzi lwazo.

Ngeli thuba imiboniso yekhompyutha kunye nemisitho iqinisekisa ngento yokokuba uluntu lusafikelela kwiimyuziyam ngethuba lokuvalwa ngci yaye yazibeka iimyuziyam kakuhle kulungiselelwa abatyeleli ngethuba elizayo lovuselelo lobhubhane, ayawananza amathuba alahlekileyo kwingeniso evela kubantu abatyelela iimyuziyam (imirhumo yokungena) ngenxa yokuvalwa ngci. Ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba iimyuziyam eNtshona Koloni zinakho ukufikelela kwinkxaso-mali yoncedo ngokulahlekelwa yingeniso, uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo wamkela iQhinga leNkxaso-mali yoNcedo yeCovid-19 lowama-2020/21. Ngokuhambelana neQhinga loNcedo, isi-R 1 305 544 safumaneka ukuqinisekisa ngokuqhubela koShishino lweemyuziyam (kubandakanywa neemyuziyam ezingamanyenanga) ngethuba nasemva kobhubhane we-Covid-19.

IINKONZO ZEELWIMI

Okubalulekileyo kweelwimi kuMzantsi Afrika kubonakaliswe kwiCandelo 6 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996. Iilwimi ngaphezu kwayo yonke into, ngumjelo othi uhlanganise isizwe sethu njengoko sibuyekeza yaye sisakha ngokutsha kwimiphumela yobhubhane weCovid-19. Ulwimi yindlela yonxibelelwano, ethi ibonelele kwimpumelelo yemfundo. Oku ngokunjalo kunempembelelo kubandakanyo lwentlalo kunye nayo yonke imimandla ephambili yeqhinga yabo bonke oorhulumente nolwazi kubandakanyo lwentlalo kunye nayo yonnke imimandla ephambili yeqhinga yabo bonke orhulumente. Ngaphezulu, ulwiimi lwendelelise kulo iyantlukwano ekwiinkcubeko zethu kunye nolwazi lwengingqi zoluntu lwethu ezahlukeneyo, yaye ngoko kubalulekile ukunikezelwa kweenkcubeko kunye neenqobo ezisesikweni ezisuka kwisizukulwana zisiya kwesinye. Nangona ifakwe kuMgaqo-siseko njengelungelo labantu yaye ikhuselwe ngomthetho wesizwe nowephondo. Ibalulekile into yokuqhubeka kuphakanyiswa inqanaba lolwazi nokuqinisekisa ngomiliselo loMgaqo-nkqubo weeLwimi zeNtshona Koloni.

ISebe linikele koku kungasentla ngokubonelela ngeenkonzo zoguqulelo nezokutolika kuwo onke amasebe ephondo eNtshona Koloni, ngazo zontathu iilwimi ezisesikweni zephondo, ngokunjalo noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika.

I-UNESCO ibhengeze unyaka wama-2019 njengoNyaka weeLwimi zeMveli. Oku kube ngumkhombandlela weenzame zeprojekti ezijolisileyo kobu bume. Kule nkqubo iSebe liqhubile ukuphakamisa inqanaba nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kwezo lwimi zemveli ewonga lazo nokusetyenziswa kungazange kusiwe so ngaphambili. Ukuza kuthi ga ngoku, iSebe lizama ukukhumbula nokuhlola iindela zokukhuthaza nokuzinzisa iilwimi zeSan neKhoi.

Ukusabela kwimiqathango engqongqo kunye neziboneleli zemali ezinqongopheleyo, iSebe lijolise ekuqiniseni intsebenziswano kunye necandelo labachaphazelekayo namaziko afanelekileyo abelana ngezigunyaziso, ukunceda ngeziboneleloo nobuchule kulungiselelwa impembelelo enkulu. IBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika (Pan South African Language Board) ityumbe iKomiti yeeLwiimi yePhondo leNtshona Koloni (WCPLC) ngoAgasti 2019 ngokwemiqathango yeCandelo 8 (8)(a) yoMthetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika, uMthetho wama-59 we-1995. Oku kuyile ithuba leSebe, iWCPLC kunye nabanye abachaphazelekayo lentsebenziswano nokuhlanganiswa kweziboneleleo nobuchule ukuze kufumaneke impembelelo enkulu kumiliselo lokuphambili okungundoqo, ingakumbi kummandla apho ezinye iilwimi zemveli zijamelene nomngcipheko omkhulu kakhulu wokubhanga, umzekelo iNama neKhoekhoegowab.

Ubume besigama solwimi buyazinza kancinane malunga nolwimi kwiPhondo. Kwiinjongo zoguqulelo nokutolika, imimandla emitsha iyavela aphhi imithetho ngokwakaloku nje ingekhoyo. Oku kuzise isidingi kwiSebe sokunxibelelana neenkqubo neenkqubo ukulungiselela ukuphuhlisa isigama esitsha esilungiselelwe amacandelo awahlukeneyo, umzekelo iMithetho yeHlabathi yeBhola yoMnyazi ehe yaguqulela kwisiXhosa.

INKQUBO YOLWALUKO

Ngethuba eliphantsi kovavanyo ulwaluko lwesiko alukhange lube nokuqhubeka ngenxa yezithintelo zeCovid-19.

ISebe liphuhlise uthelelwano kunye neziko eliqinisekisiweyo loqoqosho eligxile kuLwaluko loNyango lwaMadoda kunye noqeqesho lothintelo iCovid-19. Inani elipheleleyo lamagcisa enkcubeko lothintelo angama-223 aqeqeshwa kwimiqathango yothintelo lweCovid-19 ukususela ngomhla we-13 kuMatshi 2021 ukuya kumhla wama-25 kuEpreli 2021. Uqeqesho lujolise ekwandisweni ulwazi lwamagcisa entlalo kuny nengqiqo ekuthinteleni ukusasazela kweCovid-19 ngokunjalo neemfuno zohambelwano ukulungiselela ukuqhuba isikolo solwaluko ngeli thuba ejamelene nobhubhane. Abathathi-nxanxheba bafumana isatifikethi sokuzimasa.

Ngaphezulu, iSebe liphuhlise iiNkqubo zoMgangatho wokuSebenza ezilungiselelwe izikolo zolwaluko ezisebenza phsntsi kwemiqathango yeCovid-19 ngothethwano neSebe lePhondo lezeMpilo ukuqinisekisa ngohambelwano kunye nemithetho yeCovid-19. ISebe lezeMpilo linikezele ngokunjalo isikhokhelo nengcebiso kokuqulathwe kuqeqesho lwamagcisa enkcubeko.

INKONZO YAMATHALA EENCWADI

Ngesithuba esiphantsi kovavanyo iSebe lixhase yaye lalolonga iindawo zenkonzo yamathalla eencwadi ezingama-374 ezisasazeke kulo lonke iPhondo njengoku kulandelayo: eCape Winelands - 88; e-Eden/Central Karoo - 84; eWest Coast - 93; kunye noMasipala oMbaxa - 108.

I-intanethi esimahla yanikezelwa kuluntu ngokusetyenziswa kweprojekti yoThungelwano lwamaThala eeNcwadi yaseMaphandleni kumathala eencwadi angama-228. Le projekti iyanxelenye yeBroadband Initiative kunye nezibonelelo zoluntu lwasemaphandleni olunengeniso ephantsi ukususela kuthungelwano lwebroadband.

Ngentsebenziswano kunye neSouth African Library for the Blind, iSebe ligcine amathala eencwadi amaNcinane angama-27 alungiselelwe iiMfama nabo Bangaboni kakuhle kulo lonke iPhondo.

Ngenxa yemithetho yeCovid-19 yokuvalwa ngci kwayo yonke into, utyelelo lokubekwa kweliso, iinkqubo zoqeqesho kunye neeprojekti zenkuthaza kumathala eencwadi achaphazeleka, yaye ezinye iinkqubo kwafuneka zirhoxiswe, amaThala eencwadi kaRhulumente akabannga nakho ukuqhubeka neenkqubo zokufunda nezofikeleleko njengoko kuqikelelwe; yaye amalungu oluntu akabanga nakho ngokunjalo ukutyelela amathala eencwadiu oluntu ngeli thuba okukhokhelele kubulungu bethala leencwadi ukuba bungahlaziywa.

IINKONZO ZOOVIMBA

Ukusetyenziswa kweeNkcukacha noBuchwepheshe boNxibelelwano ngofikelelo olukhawulezileyo kwizixhobo ezibalulekileyo nolawulo lweerekhodi ze-eloktoniki luyaqatshelwa ehlabathini. Ukuqhubeka ngokugcina uphuhliso, iSebe linikwe umsebenzi wokunatyiselwa koxhotyiso loLawulo loMxholo woShishino (i-ECM) kumasebe eWCG. Oku kusaqhubeka kwaye noqeqesho luyabonelelwa kubasebenzi abafanelekileyo.

I-ECM ibiqwalaselwe kwakhona kunyaka wama-2019/20 zaze iziCwangciso zoPhuculo neMeko yoShishino olutsha zaphuhliswa. Izindululo kuqwalaselo kwakhona ziqaqanjiselwe kangangokuba iWCG sisiphosiso esichanekileyo ngokuka-ECM. Imixholo emithathu ixhasa isiCwangciso soPhuculo oko kukuthi - uphuhliso loMbono neNkqubo-sikhokelo soMgaqo-nkqubo, uLawulo loTshintsho nokoMeleza uMthamo nokuXhobisa i-ECM. Ubuxhakaxhaka

obuqhubekayo bezixhobo ezibalulekileyo zibonelela ngolondolozo nofikelelo oluzayo lwezixhobo zombane kwilifa lemveli kuluntu lwehlabathi nakuzwelonke. Njenge nxalenye yeenkqubo zeSebe zobandakanyo loluntu, ooVimba babambe iVeki yePhulo looVimba bakaZwelonke kwiveki yesithathu kweyeKhala wama-2019. Le veki ivulelekileyo yokubhiyoza ibonelela amathuba kuluntu olwahlukileyo, izikolo, iiyunivesithi, nabanye abachaphazelekayo ukufumana ingqiqo eyongezelelekileyo kusetyenziso loovimba. Ikwabonelela ngamathuba ukuhambela izindlu ezomeleleyo apho iirekhodi ezibalulekileyo zilondoloziwe neenkonzo ezibalulekileyo zendlu engemva enje ngolondolozo lweerekhodi ezibalulekileyo. Ucweyo lwembali yosapho ibilolubalulekileyo emcimbeni. Ukwandisa ubandakanyo loluntu, iSebe libonelele ngamathuba kuluntu ukurekhoda amabali abo omlomo ukuvala imisantsa kwiirekhodi zembali. Okurekhodiweyo kugcinwe kumathala eencwadi, kwiimyuziyam, nakooVimba.

EZEMIDLALO NOLONWABO

Icandelo lalikuvalo ngci lwayo yonke into ukususela kumhla woku-1 kuEpreli 2020 2020 de kube phakathi ku-Agasti ngenxa yobhubhane weCovid-19 yaye iSebe lisabele ngokusingatha unxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha apho kufanelekileyo.

Ukutyhala okucwangcisiweyo negunya lesiCwangciso seMidlalo noLonwabo lukaZwelonke lokuhanjiswa "kweSizwe esiSebenzayo" "neSizwe esiPhumelelayo". Ulonwabo lugxile kuhanjiso lwenxalenye "neSizwe esiSebenzayo" seli gunya kunye nokunikezela ngemisebenzi edinga uthatho-nxaxheba ngokuvolontiya. Likwa nikezela ngofikelelo namathuba lize lisebenze njengeqonga labathathi nxaxheba ukuya kwinqanaba elilandelayo. Nangona kunjalo, uhlobo lokuvolontiya lezolonwabo kunganako ukukulibazisa ukusebenza kweSebe njengokuba abantu benako ukukhetha ukuba ngaba bangancedisa na okanye hayi okanye bathathe inxaxheba.

Imidlalo ngokwendalo isebenza noluntu lwezemidlalo, kuquka iimanyano zemidlalo yengingqi, amabhunga emidlalo amathandathu kunye neManyanyo yeMidlalo yeNtshona Kapa. ISebe lineeseshoni neemanyano zemidlalo esizinika inxaso-mali, ubuncinane kabini ngonyaka, ukubenza bayiqonde ukuba isebenza njani na inkqubo yokunika inkxaso nokuba izicelo zenkxaso-mali izakujongeka njani na ukuya phambili nokuthe kwanguwona mba ubalulekileyo kuxwebhu.

Iimanyano zemidlalo ezifumana inkxaso-mali, ngokusebenzisa inkqubo kaNxantathu, zizibandakanye kwiinkqubo eziphuhlisayo ezifumana inkxaso-mali kwiSebe, ezingaphelelanga ekuxhotyisweni kwamalungu azo, iiprojekthi zenguqu, iiprojekthi zabasetyhini namantombazana kunye nokubamba imicimbi.

Ngaphezulu, siququzelele yaye sanikela kwimisitho ephambili yemidlalo ethi imibutho emanyeneyo iyichophele yaye amalungu abasebenzi beSebe aba yinxalenye yale misitho yeeLOC, ukulungiselela into yokuba siqinisekisa ngento yokuba inkqubo ezikhokhelela kumsitho ziqhuba kakuhle. Iiklabhu zemidlalo ezikwimimandla esemaphandleni nakwiidolophu zasefama zifumana ngokukhethekileyo ngokubhekiselele kwinkxaso ukulungiselela ukubonelela imibutho emanyeneyo yemidlalo kunye nobulungu bay obahlukeneyo. INkqubo yoPhuhliso lweKlabhu ibonelela ngamashumi amahlanu eepesenti kwiiklabhu zasemaphandleni ezikwinkqubo ze zaxhaswa ngolwakhiwo lwamakhono, uthutho, izixhobo nempahla yemidlalo, kubandakanywa imirhumo yobhaliso. Ukwangezelela ukungxama okukhulu, iSebe linikele kukukhula kweqela leembaleki ezibaleka kwinqanaba eliphezulu,

ezithe zathabatha inxaxheba kwiinkqubo zamaziko emfundo yemidlalo. Ezi mbaleki zibe nakho ukusebenzisa iinkonzo ezinikezelwa yinkqubo yeziko lemfundo lemidlalo, ezibandakanya inkxaso yonyango neyenzululwazi, amakhono obomi, iindibano zengxoxo ezichasene nokusetyenziswa kweziyobisi, ukuqheliswa kweembaleki, ikampu zoqeqesho, isondlo, iinkonzo zokubuyiselwa kwisimo sangaphambili, inkxaso yengqondo, iinkqubo zophuhliso lwamakhono, kunye nazo zonke ezinye iinkqubo ezinxulumene nazo kwinqanaba elincitshisiweyo. Oku kuqinisekisa ngento yokuba inkqubo ephuhlayo yeembaleki zasemaphandleni nezasefama yandiswa ze yakhuthazwa. Ezi nkonzo zanikezelwa kwinqanaba elincintshisiweyo ngesithuba sowama-2020/21 ngenxa yobhubhane we-Covid-19.

Ukulungisa enye yeentsika zesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo, amaziko adlala indima ebalulekileyo ekukhuthazeni oomasipala beNtshona Koloni okokuba benze isicelo senkxaso-mali yoMnikelo kaMasipala weZakhiwo, eyathi yanikezelwa yiCOGTA. ISebe libe phambili ekwamkeleni iiprojekti ezikwiNtshona Koloni, ukuya kufikelela kwixabiso le-9 000 000 ezilungiselelwe umasipala waseMossel Bay ne-R 10 000 000 kumasipala waseMatzikama. Ngokuhambelana nenkxaso-mali yezibonelelo zeSebe, iiprojekti ezisi-7 zaxhaswa koomasipala abasixhenxe, abangaba owaseLaingsburg, owaseSwellendam, owaseKnysna, owaseHessequa, owaseSaldanha Bay, owaseCape Agulhas, nowaseLangeberg. Abathandathu oomasipala bokugqibela ayinxa-lenkqubo yeNetball 2023 World Cup Legacy.

Ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, iSebe lixhase izikolo ezithandathu njengenxalenye yenkqubo yemidlalo yeDSAC ejolise ezikolweni.

INkqubo yoPhuhliso lweeKlabhu iqhubile ukunceda kuphuhliso lweklabhu nabalawuli ze yayila amathuba angcono kwezo klabhu. Iiklabhu ezibe nakho ukusebenza zafumana kule nkqubo ngokuthuthwa kwiinkqubo zazo zeligi ezahlukeneyo kunye neenkqubo zophuhliso apho abalawuli beklabhu kunye nabaqeqeshi bephuhliswa kulungiselelwa iiklabhu zabo, aye iiklabhu ezili-180 zafumana impahla yemidlalo, izixhobo kunye neengxowa zempahla nezixhobo. Inkxaso yeligi yachatshazelwa ngubhubhane.

ISebe lisebenza nembutho yentlalo yolonwabo nemidlalo ekuququzeleleni amalinge olonwabo, ophuhliso lwemidlalo nokukhuthazwa kwemidlalo. Oku akuphelelanga kwizibonelelo zamaziko emidlalo, imisitho engundoqo yemidlalo kunye neeklabhu, njengoko iNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu iqhubeka ekuqinisekiseni ngento yokuba umbindi wemidlalo uxhaswe ngokupheleleyo ukunikezela ngamandla okuqhubela phambili kuphuhliso lwemidlalo aya kubandakanya abadlali, iimbaleki, abaqeqeshi, kunye namagosa obuchule, ingakumbi kwiikhowudi eziphambili zemidlalo ezili-16.

Ulonwabo liqonga apho imidlalo, ubugcisa nekcubeko engaphuhla khona ze ikhule, njengoko ikhuthaza imithetho yentlalo yabantu nefilosofi yokuphila ngempilo, imisebenzi yobomi bonke, kunye nokufunda kobomi bonke. Ulonwabo luvuse ngokunjalo abantu kwikhono, neetalente ezinokuthi zifunyanwe apho. Ngokuququzelela iiprojekti zolonwabo, iinkqubo, imisitho nemisebenzi, injongo kukwenza uqhagamshelwano phakathi kwabantu ngabanye, kuluntu, kulutsha, kwiintsapho kunye noluntu, kuluntu, kulutsha, kwiintsapho kunye noluntu lonke luphela. Ulonwabo, ngoko, lukhuthaza imisebenzi yalo ngokusebenzisa iNkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi loLoluntu iSiyadlala elungiselelwe uzinzo. Iluqathe amacandelo achongwe kwangaphambili olonwabo alungiselelwe iinjongo ezithe ngqo zophuhliso. Ubhubhane weCovid-19 kunyaka ophantsi kovavanyo wenze buthathaka

ukugxila okomeleleyo koPhuhliso lweMidlalo kwiMidlalo yeMveli, apho abemi banxibelelana ngemisebenzi yolonwabo ethi inxibelelanise exesha elidlulileyo nelangoku; iMidlalo yaBantu abaKhulileyo (Golden Games), elungiselelwe imisebenzi yabantu abakhulileyo; iiKampu zoLutsha, ezithi zahe ze zilungiselele abancinane Ikamva kunye neeBig Walks, ezinxulumanisa abancinane, ulutsha, abadala, abakhulileyo kunye nosapho, kumsebenzi omnye. Ngaphezulu, ukugxila kukwimisebenzi yolonwabo ehlenga-hlengisiweyo ngokunjalo, ngokunjalo nemidlalo enikezelweyo kuMaziko oLonwabo eSebe, apho ekujoliswe kuko kukubathathi-nxaxheba yenqanaba le-ECD.

Imisebenzi yaymaziko eMOD, eNkqubo yeMOD, ilandela imisebenzi esekwe kwi-ECD yaMaziko oLonwabo. Apha, kuMaziko eMOD, ekugxilwe kuko kukwinqanaba elilandelayo lemisebenzi yolonwabo, ngokunjalo nokusekwa kofikelelo kumathuba ophuhliso lwamakhono, okuthi kukhokhelele kufikelelo lokuthabatha inxaxheba kwinqanaba lezikolo ezininzi naphakathi kwesikolo nesinye, ngokunjalo nakwinqanaba lophuhliso lwetalente. Ngokubanzi, kukho umdla, okhulayo kuthatyatho lwenxaxheba lwasemva kokuphuma kwesikolo kuMaziko eMOD, ngoko, ngesithuba salo nyaka-mali, amaziko akabanga nakho ukusebenza ezikolweni isithuba eside sonyaka, ngenxa yobhubhane weCovid-19 kunye nezithintelo ezinxulunyaniswe nemisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo. ISebe linikezele inkonzo ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha kumaziko awahlukeneyo, umzekelo amaziko oluntu, apho kunokwenzeka. Inkqubo yesondlo yandiswa ngesithuba sowama-2020/21 ukulungiselela ukusabela kubhubhane weCovid-19 nale nkonzo, kunye noku sabela kulandelayo kufanelekileyo kwimithetho yeCovid-19, okufana noncedo ekugcinweni komgama owaneleyo phakathi komntu nomnye nokuthatyathwa kwamaqondo obushushu, nangethuba lamaqanaba elesi-5 nelesi-4, lokuvallwa ngci kwayo yonke into, ukulungiselela ukuhlangabezana neemfuno zoluntu. Inkqubo yeMOD inikezele kakhulu ngale nkqubo yePhondo isebenzisa abasebenzi bayo boqeqesho, abathe njengoko imidlalo, ubugcisa kunye/okanye abaqeqeshi bemisebenzi yenkcubeko, bephumele ngaphandle, yaye kakhulu, kunomsebenzi wabo wemihla ngemihla njengoko bezibeke kwimingcipheko emininzi enxulumene nobhubhane weCovid-19 ngenxa yokusebenzela iPhondo neengingqi zalo ezahlukeneyo.

KwiMidlalo yeSikolo, aMaziko eZikolo zoBumelwane, kusetyenziswa iNkqubo yeSikolo yoBumelwane, anxulunyaniswa naMaziko eMOD. KuMaziko eSikolo soBumelwane, inqanaba elilandelayo lokuthatyathwa kwenxaxheba ligxile kuthatyatho-nxaxheba kukhuphiswano oluphakathi kwesithili nesinye naphakathi wephondo nelinye kunye namanqanaba ehlabathi, ngokunjalo namanqanaba ophuhliso lwetalente, anxulumene, yaye ancedisa, kunikezelo "LweSizwe esiPhumelelayo". Ugxinininiso lokuphuhlisa olungaphezulu ngokunjalo nokukhula kwamakhono namanqanaba etalente abathabathi nxaxheba.

Ngaphezulu, ukunxulunyaniswa kwaMaziko oLonwabo kuMaziko Emod kunye nezikolo zawo ekugqibeleni kukhokhelele kuphuhliso lweNkqubo yeSikolo yoBumelwane, kunye naMaziko ayo eSikolo soBumelwan, ngokunjalo namalinge oPhuhliso loBumelwane, afana, nokuyilwa kweeklabhu ezintsha kubumelwane obufanelekileyo, kunikezele ngofikelelo kumathuba amatsha kulungiselelwa abathathi-nxaxheba.

IMidlalo yeSikolo, ngokusetyenziswa kwabasebenzi beZiko leSikolo soBumelwane, njengabasebenzi boqeqesho beNkqubo yeMOD, incede ngokusabela kwiinkqubo zoncedo zeCovid-19, umz. linkqubo zokutyisa, ngokunjalo nemisebenzi enxulumene nomgama omawushiywe phakathi komntu nomnye nokuthatyathwa kwamaqondo obushushu

kubumelwane obufanelekileyo nobahlukeneyo. Njengamaqabane eNkqubo yazo yeMOD, nabo ngokunjalo, njengenqanaba elilandelayo lolonwabo, lemidlalo, lobugcisa kunye okanye abaqeqeshi bomsebenzi wenkcubeko, baphumela ngaphandle, nangaphaya komsebenzi wabo wemihla ngemihla nokulindele ukuba bakwenze emsebenzini, njengoko bezibeke kwimingcipheko emininzi enxulumene nobhubhane weCovid-19, besebenzela iPhondo kunye neengingqi zoluntu lwalo ezahlukeneyo. Ngaphezulu, njengomphumela othe ngqo wentsebenziswano yamacandelo kunye nenkxaso engaphezulu, uncedo lwanikezelwa kumacandelo imibutho eManyeneyo yeMidlalo yePhondo ekusekeni kwaMaziko abo okuSebenza okuPhezulu (iiHPC), ukuknikezela ngenkxaso eqhubekayo eyodwa elungiselelwe ulutsha olusesikolweni olunetalente. Ngoko, imithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into yeCovid-19 kunye nezithintelo ithintelo, uthatyatho-nxaxheba kumaqanaba awahlukeneyo. Umsitho wokuqala phakathi kwezithili uqale ngo-Oktobha 2020, phantsi kohambelwano olungqongqo lwemithetho yeCovid-19. Apha, ekugxilwe kuko kwaba zikhowudi zemidlalo ekungekho luthintwano, ngokunjalo nemisebenzi yobugcisa neyenkcubeko. Akubanga kho lukhuphiswano lwesizwe, njengoko olu lwarhoxiswa yiDSAC, ngothethwano neDBE.

Ngaphezulu, inani lothungelwano nonxibelelwano kunye neMibutho eManyeneyo yePhondo yeMidlalo liqhubekile ngowama-2020/21, kubandakanywa iindibano ezibanjwa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha, ezithe zaququzelelwa ngamacandelo emibutho emanyeneyo yephondo. I DCAS, kusetyenziswa iCandelo: loPhuhliso lweMidlalo, ngentsebenziswano neWCED, liphuhlise ngokunjalo amaziko asetyenziselwa izinto ezininzi, nekwabelwana ngawo, kwinani lezithili kulo lonke iphondo, eMetro South (Lavender Hill), eCentral Karoo (eBeaufort West), eGarden Route (eThembalethu/George) nasweWest Coast (eMalmesbury).

ISebe linikele kwimisitho ephambili engama-41 kwiPhondo kuzo zonke zozithandathu izithili, ngoko kukhuthazwa ukhenketho lwemidlalo kwiPhondo, kodwa kubume obungadlulanga kwiminyaka engaphambili ngenxa ye-Covid-19. Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21, imisitho yeenkcubeko ezahlukeneyo efana neCape Town Marathon kunye neNelson Mandela Freedom Race yabanjwa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha nabanye abantu ababezimasile.

ISebe lisingethe amaBhaso eMidlalo yePhondo 2020 kumsitho omncinane ukuqinisekisa ngento yokuba imithetho yeCovid-19 iyaqwalaselwa. Sibe namabhaso amane omphathiswa alungiselelwe iimbaleki zemidlalo kunye nabalawuli abagqwesileyo kwimidlalo kunye neembaleki ezihlonitshiweyo ezingama-21 kunye nabalawuli abathe basweleka ngenxa ye Covid-19.

ISebe liqalise iinkqubo zemidlalo zabadlala kwinqanaba eliphezulu kuwo onke amaziko emfundo esithili kwiPhondo.

INKQUBO YOLUTSHA NEYASEMVA KOKUPHUMA KWESIKOLO

INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo

Iinkqubo zasemva kwesikolo ziyahlangabezana neenjongo zesiCwangciso soPhuhliso loLutsha lwePhondo ngokubonelela ngokhathalelo lwabantu abadala kulutsha lwethu, ukuphucula imfundo ngokubonelela ngenkxaso yemfundo ephakamileyo, imidlalo, ubugcisa nenkcubeko kunye nezakhono zobomi, ukudala 'amaqela' aqinisekisiweyo olutsha ukuba lubeyinxalenye, nokudala amathuba amatsha kulutsha oluthe lwahlukana nesikolo ukuze lunxityelelaniswe kwakhona.

Ngokuthambekela kubhubhane we-Covid-19 kunye nokuvalwa kwesikolo okunxulumene nayo, ekujoliswe kuko ngowama-2020/21 kwaguqulelwa ekusebenzeni noluntu kunye neentsapho ukulungiselela ukuxhasa @*ukufunda* ekhaya. INkqubo yoLutsha neyaseMva kokuPhuma kweSikolo isebenze nabachaphazelekayo ukufumana iindlela eziguqulweyo ukuqinisekisa ngento yokuba abafundi bahlala benxulumene kumathuba apheleleyo emfundo.

Ipotali yekhompyutha yasekwa ngokukhawuleza, iyila indawo enye ekufumaneka yonke into kulungiselelwe abantu kunye nemibutho efuna ukufikelela kokuqulathiweyo kulungiselelwa iiNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo. Iyavunywa into yokuba abafundi abaninzi bakwiingingqi zoluntu ezingenazibonelelo ngokwaneleyo ezingafikeleliyo kwi-intanethi, iqela liphuhlise imithamo emithathu yezibonelelo ezishicilelweyo, ezinesihloko "After School Treasure Box". I Treasure Box ifikelele kubafundi abangama-68 000 kuyo yonke iNtshona Koloni, ngokusetyenziswa kothungelwano lwezikolo namahlakani eNGO. Iprojekti yeTreasure Box ichongwe njengogqwesileyo kumaBhaso okuGqwesa kwiNkonzo kwicandelo leTeam Ground Breaker: Innovation.

Ngezi nkqubo zikhoyo, iNkqubo iYearBeyond isebenzela ukuqinisekisa ngento yokuba abafundi begreyidi 3 neye-4 baxhaswa ngezibonelelo zasekhaya (@*home* resources). Inkqubo yeHigh School Academic ikekelele ngasekusetyenzisweni kwamaqela eWhatsApp ukuxhasa abafundi begreyidi 8 kunye neye-9 ngemathematika, ifikelele kubafundi ngaphandle kweeyure eziqhelekileyo zaseMva kokuPhuma kweSikolo, eqinisa impembelelo yenkqubo.

Iqela liqhubile ukujolisa aBantu boMbutho waseMva kokuPhuma kweSikolo (*Humans of the After School Movement*), ngokusungulwa kwePhulo i "Lights on After School" elaqaliswa ngo-Oktobha. Iphulo lijolise kwisibane esikhanyayo ngempembelelo yeeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo. Eli phulo liya kukhula ze liqiniswe ngowama-2021.

Ngokwenene, ukubonisa ukomelela, imibutho yoluntu esebenza kwinkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo yakhula ngokunjalo. Njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2021, iiNGO ezingama-284 zahlanganisa zaze zabalelwa kwintsebenziswano neMfundo.

INkqubo yoLutsha kunye neyaseMva kokuPhuma kweSikolo asebenzisana neCape Higher Education Consortium kunye neYunivesiti yaseStellenbosch ekusingatheni iSimpoziyam yokuqala yoPhando yaseMva kokuPhuma kweSikolo, ngomhla wama-28 ukuya kuma-30 ku-Oktobha, isimpoziyam yophando yobuxhaka-xhaka bekhompyutha yeentsuku ezimbini evelise ungeniso lophando neentetho ezisuka kumaziko emfundo kukufunda okusekwe ekwenzeni okuvela kwiiNGO. Iimbophelelo ezivela kwiSimpoziyam yoPhando ijolise kwindlela yolwakhiwo oluqhubekayo olomeleleyo, inkuthazo esekwe kubungqina elungiselelwe impembelelo yeeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo kwiingingqi zoluntu ezinezibonelelo ezinqongophileyo. Ingxelo yokuvala inokufumaneka koku nxibelewano: https://drive.google.com/drive/folders/1IuW_0nLJIFvZmKEtYuXF-ZR3INJycHH3.

I-Ofisi iqhubile ngezibophelelo zayo olulungiselelwe amalinge olwakhiwo lwekhono, kususwa unxibelelwano olukwikhompyutha apho kuyimfuneko. Isambuku samachule angama-721 afumana uqeqesho kulo nyaka ngokusetyenziswa kwamalinge ajolise kwiinkqubo zolwakhiwo lokulungileyo ngokunjalo namalinge athe ngqo kwiCovid-19 ukuxhasa abasebenzi neenkqubo. I-Ofisi isingethe ngokunjalo imisitho emithathu yekhompyutha okuZilungiselela

kwaMachule oLuntu, iqinisekisa ngento yokokuba amagcisa kunye nemibutho anxulumene yaye axhasiwe apha enyakeni.

INkqubo yeNkonzo yoLutsha

Intlekele yolutsha yenziwe mandundu ngakumbi yiCovid-19 yaye intswela-ngqesho yolutsha inyuke yaya kutsho kuma-63.2%, kubeka ukungxama okuhlaziyiweyo kwisidingo sokusabela.

I-YearBeyond iyinxalenye yokusabela kwePhondo. Yinkqubo yoxabangrlo yenkonzo yolutsha ethi ibonelele ulutsha olungaqeshwanga olungaphantsi kwama-25 ngethuba lokubuyekeza uluntu lwalo ngeli thuba lusakha amakhono alo okulungela ukusebenza kunye nendlela eyiyo eya emsebenzini okanye kwizifundo.

Iqaliswe ngowama-2015 njengeyona nto ibalulekileyo yeqhinga lolutsha, iYearBeyond yowama-2019/2020 ijolise ekuphuhliseni iinkqubo zolwandiso. Kulo nyaka, wama-2020/21, ijolise kulwandiso, nangona kukho imingeni yeCovid. Ngethuba lonyaka wama-2020 ulutsha olungama-516 lwafunyanwa ze lwangeniswa kwinkonzo, ze amathuba angaphezulu angama-220 achongwa.

Ngaphezulu, kwiMfundo yeYearBeyond, exhasa ngokwakaloku nje abafundi begreyidi 3 neyesi-4 kwizikolo ezingaphezulu nje kancinci kwi-100, kunyaka wama-2020 inkqubo yandile kwavela ooVulindlela eZikolweni, @ukufundela ekhaya, inkqubo yeenkcukacha zamanani, inkqubo yenkxaso elungiselelwe ulutsha alunxulunyaniswe neYouth Basic Package of Service kunye nenkqubo yokufunda yeThala leeNcwadi.

Ukusabela kwiCovid-19 iYearBeyond yanyanzeleka okokukba ifuduse inkqubo yophuhliso lolutsha iye kwinkqubo yonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ze ngowama-2020/21 yaqalisa iqonga langaphakathi loqeqesho elinika naluphi na ulutsha ufikeleo kuphuhliso lokuqulathiweyo lomntu nobuchule, nangethuba lokuvalwa ngci kwayo yonke into. Ngaphezulu, inkqubo ixhathise kwiWhatsApp ukunxibelelana nolutsha yaye ukuqinisekisa kweempembelelo zengqondo nentlalo zokuvalwa ngci kwayo yonke into kwathintelwa.

Inkqubo iguqule ngokunjalo inkqubo yayo yonikezelo lwenkonzo yaye ulutsha luqhubekile ngomsebenzi walo kunye nabafundi ngezibonelelo zenkqubo @ukufundela ekhaya elungiselelwe abantwana abakwinkqubo. Oku kuncede inkqubo ukuba ixhase abafundi yaye iintsapho zabo zibe nakho ukuqhubeka ngokusebenza kwisiseko sokufunda nokubala ngendlela eyonwabisayo nenxibelelanayo.

Njengoko inqanaba lokuvalwa ngci kwayo yonke into lithotywa sibe nakho ukuxhasa ulutsha, okanye iYeBoneers, ngenkampu yoqeqesho lwenkqubela phambili equlunqa iCV namakhono odliwano-ndlebe kunye nendawo yemarike yamakhono kwiGraduate School of Business enikela ngonxulumano lomntu kushishino kunye namathuba emisebenzi elungiselelwe ulutsha.

Ezinye iinguqu zokuxhasa ukukhula zibandakanye uphuhliso uyilo loqeqesho lwabaqeqeshi nokuthotyelwa koqeqesho kwamanye amanqanaba ukusinceda okokuba sikhulise uphawu olugqitha ngaphaya kwimetro ngowama-2021/22.

Ngowama-2021 kuqaliswe inkqubo yethu yoPhuculo oluQhubekayo lokuLunga, izixhobo noqeqesho. Njengenxalenye yale nkqubo ilungu labasebenzi lityelela ihlakani elikwiPhondo ze liphonononge iimiba eyahlukeneyo yoqeqesho – ingakumbi uququzelelo. Imithetho

yeCovid-19, imilisele isithuba, uqeqesho lophuhliso lolutsha kunye noqeqesho lwemfundo. Incoko yengcebiso yabanjwa ngosuku kunye nehlakani ukulungiselela ukuluxhasa ngoqeqesho lwalo ukubheka phambili nokuqinisekisa ngokuba ukuqhutywa kwenkqubo elungileyo kuyanikezelwa.

Okokugqibela, kunyaka ophantsi kovavanyo iYearBeyond Alumni Network yaqaliswa. Iphepha leFacebook elingavulelekanga kuwonke wonke elivuleleko kubafundi bangaphambili baloo nkqubo imiliselwe yaye umsitho wokuqala wabafundi bangaphambili wabanjwa ngomhla wama-27 kuMatshi 2021.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lizibophelele ekuzinzeni iinkokheli zalo zecandelo ze lisingathe iForam yoLutsha elungiselelwe abachaphazelekao bakarhulumente nabangengabo abakarhulumente kwiPhondo ukuququzelela ukufunda nohambelwano ukuqinisa umsebenzi wophuhliso lolutsha kwiPhondo.

2.2. IsiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo

ISebe lisigqibile isiCwangciso soPhuculo lokuHanjiswa kweNkonzo. Iitheyibhile ezingezanzi ziqaqambise isicwangciso sohanjiso lwenkonzo kunye nempumelelo ukuza kuthi ga ngoku.

Iinkonzo ezingundoqo nemigangatho

Iinkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Owona mgangatho wenkonzo/wangoku	Umgangatho wenkonzo olindelekileyo	Eyona Mpumelelo
Ufikelelo kumaZiko eNkcubeko	Amaqela oluntu nabantu/imibu tho iKhomishini yeNkcubeko yaseNtshona Kapa (iWCCC) Amasebe kaRhulumente	15 112 AmaZiko eNkcubeko afikelelweyo nasetyenzisiweyo. ISebe landise ufikelelo nosetyenziso lwamaziko ukusuka kwisiseko se-14 504. Nangona kunjalo, umsebenzi ongaphantsi kobe kujoliswe kuwo ubangelwa kukuvalwa kweziko leSchoemanspoort ngonyaka mali 2019/20 ngokuqhutylwa phambili nokuphuculwa kweziko liSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu. Ukongeza, onke amaziko avalwa	24 795 (ekujoliswe kuko) ukufikelela nokusebenzisa amaZiko eNkcubeko	a) Abasebenzisi abali-171 abasebenzisa iZiko leNkcubeko laseMelkbos kunye neziko lenkcubeko iMelkbos Oppiesee ngokuhlangeneyo kulungiselelwa utyelelo lwemini xa libuyiselwe kwiSebe ekupheleni kukaNovemba2020 njengoko lingasadingeki njengeendawo ebekelwe ecaleni. Amaziko akazange asetyenziswe luluntu isithuba eside zonyaka njengoko lisetyenziswa njengeendawo ezibekelwe bucala ngethuba lobhubhane weCovid-19. Ngaphezulu iSchoemanspoort ayikabuyiselwa kwiSebe njengoko

Iinkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Owona mgangatho wenkonzo/wangoku	Umgangatho wenkonzo olindelekileyo	Eyona Mpumelelo
		phakathi kuMatshi ngenxa yesifo seCovid-19 nokuvalwa mba okwathi kwabhengezwa a) Intengo yeSOP yalungiswa ukugcina imithetho yezemali efunyenwe kuNondyebo wePhondo (PT) iqwalaselwe kwakhona. I-SOP yenkqubo yokubhukisha nge- intanethi yalungiswa ukuvulela bonke abadli-ndima abalungelelaniswe nenkqubo ye-intanethi a) Ukusebenza kakuhle kokugcinwa kweendawo kwabekwa iliso ze kwamkelwa ngamagosa anoxanduva yaye nemiba yemali iyaqwalaselwa ngabasebenzi benkxaso beCFO	a) Ukusebenza kakuhle kokubekwa kweliso ngoko	uhlaziyo lweziko lungekaqukunjelwa. b) Amaziko amabini avulwa ngoDismba 2020 alungiselelwe abaxhamli bangaphakathi kuphela ze phakathi kuJanyuwari 2021kulungiselelwe abaxhamli bangaphandle. **<u>Izifezekiso ezangezelelweyo:</u>** c) ISOP elungiselelwe ukuthengwa kwempahla (ISOP yokuThengwa kweMpahla iphantsi kohlaziyo yaye iinguqu ezifunekayo ziyaqhubeka ngamaShishini kaRhulumente: iNkxaso yeCFO, ngothethwano kunye neqela loBugcisa & beNkcubeko) yalungiswa ihambelana nemithetho ehlaziyiweyo yemali efunyenwe ivela kwiPT. ISOP elungiselelwe inkqubo yokubhukisaha ngekhmpyutha yalungiswa ukulungiselela bonke abathabathi nxaxheba

Iinkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Owona mgangatho wenkonzo/wangoku	Umgangatho wenkonzo olindelekileyo	Eyona Mpumelelo
				abanxulunyaniswa nenkqubo yekhompyutha Ukugcinwa kweendawo kubekwa iliso yaye kuvunywa ngamagosa anoxanduva loko yaye nemiba yemali iyaqwalaselwa ngabasebenzi benkxaso beCFO yamaShishini kaRhulumente
liNkqubo zeMfundo neeMyuziyam	**limyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29, Abafundi kunye naBemi abachongwe lungenelo**	(a) Kubonelelwe ngeenkonzo zemfundo kwiiMyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29 Ama-80% eeNkqubo eziqhutywa ziimyuziyam zeMfundo/zaMangenelelo avavanyiweyo	a) Ukunikezela ngeenkonzo zemfundo kwiiMyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29 (njengoko kuceliwe yaye nezibonelelo zivuma)	a) Iinkonzo zemfundo ezinikezelweyo kwiiMyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29 kusetyenziswa amaqonga ekhompyutha.
		b) Iipakethe zemathiriyeli yeMfundo zafumaneka ze zaguqulelwa kwiilwimi ezintathu zengingqi. (Iinkqubo zezinto zokudlala neyezinto ezaziphila ngaphambili (Toys and Fossil)	b) I-100% yeeNkqubo/yamaNgenelo eMfundo eziqhutywa yimyuziyam zivavanyiwe.	b) 100 % yeeNkqubo/yamaNgenelo eMfundo eziqhutywa yimyuziyam uvavanyo lugqityiwe.
		c) Ucweyo oluqhutywe kabini lwamakholo	c) Iipakethe zemathiriyeli yemfundo ezi-2 zafumaneka	c) Iipakethe zemathiriyeli yeMfundo ezi-2 zafumaneka ze zaguqulelwa

Iinkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Owona mgangatho wenkonzo/wangoku	Umgangatho wenkonzo olindelekileyo	Eyona Mpumelelo
		eMfundo lwaqhutywa	ngeelwimi zengingqi ezi-3	kwiilwimi ezi-3 zengingqi. (UMboniso weMyuziyam kunye neenkqubo zeGreat Brak River)
		d) Ukubekwa kweliso nokuvavanywa kwesicwangciso-nkqubo/sezixhobo kwamiliselwa	d) Ukuguqulelwa kwemathiriyeli yemfundo kwividiyo	d) Iividiyo ezirekhodiweyo zeMisitho yeMfundo elungiselelwe uSuku loLutsha. uSuku lukaMandela, uSuku lwabseTyhini, iNkqubo yeMiqondiso yeSizwe, kunye neNkqubo eyaziwa njenge-"I am the Flag".
		e) Iimyuziyam zaxhotyiswa kukubekwa kweliso/kukuvavanywa kweenkqubo zoqeqesho	e) Ucweyo oluqhutywe kabini lwamakholo eMfundo	e) Ucweyo oluqhutywe kabini lwamakholo eMfundo lwaqhutywa ngekhompyutha,
		f) Ukubekwa kweliso nokuvavanywa kokumiliselwa nempembelelo yongenelo kwimfundo kwenziwa	f) Uhlaziyo lwamangenelo emfundo	f) Ukubekwa kweliso nokuvavanywa komiliselo nempembelelo yongenelo lwemfundo kwaqukunjelwa ukugqiba ukuvalwa ngci kwayo yonke into yaye kuya kuqaliswa kwakhona emva kwangoko.
		linkcukacha eZiza kuQwalaselwa/isiCwangciso-nkqubo seMfundo seMyuziyam zaqukunjelwa kulungiselelwa iiNkqubo zeMfundo zeMyuziyam	g) Ukuvavanywa kwempembelelo yenkonzo yemfundo yemyuziyam nokulingana ubungakanani bokunikezela kweemyuziyam kubafundi.	g) Ukubekwa kweliso nokuvavanywa kwesicwangciso-nkqubo/sezixhobo kwamiliselwa yaye sisetyenzisiwe.

linkonzo ezingundo qo	Abaxhamli	Owona mgangatho wenkonzo/wangoku	Umgangatho wenkonzo olindelekileyo	Eyona Mpumelelo
			h) Ukumiliselwa kwesicwangciso-nkqubo sokubekwa kweliso novavanyo ukunceda ucwangciso lwexa elizayo	h) Ilmyuziyam zaxhotyiswa ngeenkqubo zokubekwa kweliso/zovavanyo kusetyenziswa amaxwebhu ayiliweyo ovavanyo. **<u>Izifezekiso ezangelelweyo:</u>** linkcukacha eZiza kuQwalaselwa/isicwangciso-nkqubo semfundo semyuziyam saqukunjelwa saze samiliselwa phambi kokuphela kokuvalwa ngci kwayo yonke into yaye kuya kuqaliswa kamva kulungiselelwa iinkqubo zemfundo yemyuziyam.

Amalungiselelo eBatho Pele nabaxhamli (IiNgcebiso, ufikelelo njl.njl)

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
Ufikelelo kumaZiko eNkcubeko **Uthethwano:** a) Izixhobo zombane, imbalelwano ebhaliweyo neyomnxeba	**Uthethwano:** a) Izixhobo zombane, imbalelwano ebhaliweyo neyomnxeba	**Uthethwano:** a) Izixhobo zombane, imbalelwano ebhaliweyo neyomnxeba Idilesi yemeyile yohlobo oluthile ivuselelwe ukuze isetyenziswe ngabaxhamli. Yavuselelwa yaze yabonakala kwiwebhusayiti yeDCAS.
b) Idilesi yemeyile yohlobo oluthile ivuselelwe ukuze isetyenziswe ngabaxhamli. Yavuselelwa yaze yabonakala kwiwebhusayiti. Imbalelwano yabekwa iliso yarekhodwa	b) Iwebhusayiti yeWCCC ihlaziyiwe ngengcaciso ephathelelene namaziko, imigaqo-nkqubo neendawo zamaziko.	b) Iwebhusayiti yeWCCC ibekwa iliso kunye nenkqubo ye-elektroniko yokubhukisha inakho ukufikelelwa kusetyenziswa iwebhusayiti.
c) Iwebhusayiti yeWCCC ihlaziyiwe kunye	c) Ingcebiso efunyenweyo kwiimpendulo zeefomu	c) Amaziko ebengasetyeselwa

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
nenkqubo ye-elektroniki yokubhukisha inakho ukufikelelwa kusetyenziswa iwebhusayiti ngokunjalo. d) Iimpendulo ezivela kubaxhamli kunye neenkcukacha zamanani zokuhlala kwabelwana ngazo kunye namalungu ukulungiselela ukuba iingcebiso zentengiso ukulungiselela ukutsala abaxhamli abaninzi kunye neengcebiso zophuculo kumaziko kunakho ukufunyanwa. e) Iingcebiso kunye neempendulo zifunyanwa zivela kubaxhamli kwingxelo yefomu yokubhukisha yaye iinkxalabo ziqatshelwe ze zalungiswa.	zovavanyo ezifunyenwe zivela kubaxhamli icholwa-cholwe yaze yaqwalaselwa ngethuba locwangciso naxa kuyilwa isicwangciso sololongo.	ukubhukisha ngenxa yobhubhane weCovid-19, imithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into nokusetyenziswa kwamaziko njengeendawo zokubekela bucala kulo nyaka, ngokoakubangakho zinkcukacha zamanani ezivelisiweyo. Ngoko iimbono ezintsha ezimalunga nentengiso yamaziko yahlolwa ze zaqwalaselwa ngethuba locwangciso.
Ufikelelo:	**Ufikelelo:**	**Ufikelelo:**
a) Protea Assurance Building, 3 rd Floor, Green Market Square, Cape Town	a) Protea House Building, 7th Floor, Green Market Square, Cape Town	a) Protea House Building, 3rd Floor, Green Market Square, Cape Town sisakhiwo esiza kusetyenziswa, ngoko amaziko akasetyenziselwanga ukubhukisha ngenxa yobhubhane weCovid-19, imithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into nokusetyenziselwa kwamaziko njengeendawo zokubekela bucala.
b) Amaziko amabini asemaphandleni, eVredendal naseOudtshoorn	b) Ii-ofisi ezimbini zasemaphandleni, eVredendal naseOudtshoorn	b) Amaziko amabini asemaphandleni angala iziko lenkcubeko laseKoekenaap kumasipala wengingqi waseMatzikamma kunye neziko lenkcubeko lomasipala wengingqi wase-Oudtshoorn

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
c) Kusetyenziswa iwebhusayiti esesikweni yesebe https://www.westerncape.gov.za/generalpublication/bookingcultural-facility	c) Kusetyenziswa iwebhusayiti esesikweni yesebe https://www.westerncape.gov.za/general-publication/booking-cultural-facility	c) Kusetyenziswa iwebhusayiti esesikweni yesebe https://www.westerncape.gov.za/general-publication/booking-cultural-facility
d) Uphawu olucacileyo lokufikelela kwesitulo esinamavili, ishawa ozingenelayo	d) Amaziko ayatheniswa kusetyenziswa iibrosha ezithi zinikezelwe kwiziko loluntu, ezikolweni, nakumathala eencwadi	d) Amaziko abhengezwa kwipotal yewebhusayiti yorhulumente weNtshona Koloni. Amaziko abhengezwa ngemfono-mfono kubo bonke abaxhamli ababuzisa ngamaziko enkcubeko.
e) Uphawu lubonisa inani labantu abakhubazekileyo abanakho ukuba bangangeniswa kumaziko. Mane kumaziko enkcubeko asixhenxe athi amkele abakhubazekileyo.	e) Abaxhamli bafumana uncedo oluvela kumagosa ukuzalisa iifomu ngokunjalo nembalelwano ye-elektroniki iyanikezelwa ephathelelene ngenqanaba lesicelo ngasinye.	e) Abaxhamli baycetyiswa okokuba babekelwe imihla kwikhompyutha, amagosa anceda abaxhamli ngobhaliso, ngokufaka amaxwebhu kwikhompyutha, inkqubo yentlawulo, ngokunjalo nenkqubo yokufika.
f) Iibhodi zempawu zikho kwiziko ngalinye yaye zicacile zingeelwimi zontathu ezisesikweni zephondo kunye neenombolo zoqhagamshelwano	f) Inkqubo yokubhukisha yekhompyutha elungiselelwe abaxhamli ukuhlaziya ubukho beziko ngalinye	f) Inkqubo yekhompyutha yokubhukisha inika ithuba abaxhamli okokuba bahlaziye, bakhethe nawaphi na amaziko enkcubeko nokuhlola nemihla efumanekayo, inkqubo iyilelwe ukunceda abaxhamli ukufezekisa ukugcinwa kweendawo ezibhukishiweyo ngokukhutshwa kwenombolo yokubhukishwa kwendawo, nokunikezela ngokunjalo ngoluhlu lwabo bonke abaxhamli ababhukishileyo kunye nenqanaba lengxelo.
g) Abasebenzi kwiziko asemsebenzini yaye bayafumaneka nasemva kweeyure zomsebenzi	g) Ufikelelo lwenkonzo nalo luphuculwe ngokunjalo ngokusetyenziswa: • kofikelelo lwesitulo esinamavili kwiindawo zezakhiwo • Sinamaziko enkcubeko amane (4) kwasixhenxe (7) alungele abakhubazekileyo	g) Uphawu olucacileyo lokufikelela kwesitulo esinamavili, ishawa ozingenelayo. Uphawu kumaziko enkcubeko athile lubonisa inani labantu abakhubazekileyo abanakho ukuba bangangeniswa kumaziko. Amahlanu kwasixhenxe

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
h) Izinja ezikhokhela iimfama zivunyelwe kwiziko	• Iibhodi zophawu zikho kwiziko ngalinye yaye zicacile ngazo zo-3 iilwimi ezisesikweni zephondo • Iiyure ezandisiweyo zomsebenzi (ngeentsuku ezithile); kunye • Izinja ezikhokhela iimfama zivunyelwe kwiziko	amaziko enkcubeko abalungele abantu abakhubazekileyo. Iibhodi zophawu zikho kwiziko ngalinye yaye zicacile ngeelwimi ezi-3 ezisesikweni zephondo kunye neenombolo zoqhagamshelwano (ingcaciso kwiibhodi iya kuhlaziywa ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22 ngokuhambelana nohlahlo lwabiwo-mali olufumanekayo). Abasebenzi kwiziko llenkcubeko basemsebenzini yaye bayafikeleleka emva kweeyure zomsebenzi. Izinja ezikhokhela iimfama zivunyelwe kwiziko njengoko kuchaziwe kuMgaqo-nkqubo woSetyenziso lwaMaziko eNkcubeko.
Imbeko: a) Lonke ubhukisho olwenziweyo luqinisekiswa phambi kokufika b) Abasebenzi basemsebenzini ngaso sonke isithuba esihleliwe ngabaxhamli ukulungiselela ukubanceda nokulungisa ukungaqondi kwabo c) Imbeko kunikwa ingxelo ngayo ze ilinganiswe ngokusetyenziswa: ○ Kweefomu zengxelo zokubhukisha kwabaxhamli ○ Ngembalelwano ye-elektroniki d) IIntlanganiso zeziko zarhoqo ngekota	**Imbeko:** a) Lonke ubhukisho luqinisekiswa phambi kokufika b) Abasebenzi basemsebenzini ngaso sonke isithuba esihleliwe ngabaxhamli ukulungiselela ukubanceda nokulungisa ukungaqondi kwabo c) Imbeko kunikwa ingxelo ngayo ze ilinganiswe ngokusetyenziswa: ○ Client feedback forms ○ Electronic correspondence d) IIntlanganiso zeziko zarhoqo ngekota zabanjwa, apho kukho	**Imbeko:** a) Lonke ubhukisho luqinisekiswa phambi kokufika b) Abasebenzi basemsebenzini ngaso sonke isithuba esihleliwe ngabaxhamli ukulungiselela ukubanceda nokulungisa ukungaqondi kwabo c) Imbeko kunikwa ingxelo ngayo ze ilinganiswe ngokusetyenziswa: ○ Kweefomu zengxelo zokubhukisha ○ Ngembalelwano ye-elektroniki d) IIntlanganiso zeziko zakabini ngonyaka zabanjwa, apho kukho inkxalabo neengxelo

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
zabanjwa, apho kukho inkxalabo neengxelo zalungiswa yaye imiqathango/neenkxalabo zaqwalaselwa njengoko kudingeka	inkxalabo neengxelo zalungiswa yaye imiqathango/neenkxalabo zaqwalaselwa njengoko kudingeka	zalungiswa yaye imiqathango/neenkxalabo zaqwalaselwa njengoko kudingeka. Uhlolo/utyelelo olwenziwa rhoqo kwiziko ngumlawuli kuqinisekise ngento yokokuba imingeni kujongwana nayo ilungiswe kwangethuba ze iqukunjelwe.
Izifezekiso ezangelelweyo: e) IKhowudi yokuZiphatha yahanjiswa kubo bonke abasebenzi kumaziko.		**Izifezekiso ezangelelweyo:** e) Ikhowudi yokuziphatha yahanjiswa kubo bonke abasebenzi kumaziko. Yonke ingcaciso enxulumene neCovid-19 yanikezelwa kubasebenzi yaye uphawu nemithetho enxulumene nokunqanyulwa kokusasazeka kwentsholongwane lubonakala ngokucacileyo kuwo onke amaziko.
Ukungafihlisi nokuba selubala:	**Ukungafihlisi nokuba selubala:**	**Ukungafihlisi nokuba selubala:**
a) linkcukacha zabo bonke abasebenzisi ziphuhlisiwe yaye zihlaziyiwe, ziyafumaneka ngokunjalo kwinkqubo ye-elektroniki	a) linkcukacha ziqulathe abaxhamli bowama-2019/20 nabowama-2020/21, yonke ingcaciso ngabaxhamli kunye nohlobo lweenkqubo ezibanjwe kwiziko lenkcubeko	a) linkcukacha zabo bonke abasebenzisi zenza inxalenye yerekhodi ezenzekelayo yengcaciso njengolunye uphawu lwenkqubo yeKhompyutha yokuBhukisha. Iyafumaneka ngokusetyenziswa kwenkqubo ye-elektroniki
b) Zonke iingxelo zoNyaka zeWCCC ngokunjalo nesiCwangciso soNyaka sokuSebenza ziyafumanaeka kwi-ntranethi, ngokunjalo nakwiwebhusayiti yobugcisa nenkcubeko – phantsi kwamashishini karhulumente	b) Zonke iingxelo zoNyaka zeWCCC ziyafumanaeka kwi-ntranethi, ngokunjalo nakwiwebhusayiti yobugcisa nenkcubeko – phantsi kwamashishini karhulumente	b) IiNgxelo zoNyaka zeWCCC, iziCwangciso zeQhinga kunye neziCwangciso zoNyaka zokuSebenza zeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ziyafumaneka kwiwebhusayiti kaDCAS, ngokunjalo nakwiwebhusayiti yobugcisa nenkcubeko – phantsi kwamashishini karhulumente.
c) Umgaqo-nkqubo wengeniso nokuSetyenziswa uyahlaziywa ukuwulungelelanisa	c) Ukunikezela abaxhamli ngomgaqo-nkqubo weNgeniso nokuSetyenziswa	c) UMgaqo-nkqubo wokuSetyenziswa kwamaZiko eNkcubeko ulungelelaniswe nenkqubo yeKhompyutha

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
nenkqubo ye-elektroniki yokubhukisha		yokuBhukisha yaye ibekwa iliso ukuqinisekisa ngomiliselo olululo ngoko. **<u>Izifezekiso ezangelelweyo:</u>** Imbalelwano esesikweni ithunyelwa kubasebenzisi abatsha abangakho ababuza malunga nenkonzo yokubhukisha/ebazisa ngenkqubo yeKhompyutha yokuBhukisha, unxulumano lokubhukisha olubandakanya imiyalelo ngendlela ongazalisa ngayo ifomu yokubhukisha ekwi-elektroniki.
d) linkcukacha zabasebenzisi zikho. Imbalelwano esesikweni yathunyelwa kubo bonke abasebenzisi abakwisizinda seenkcukacha ibazisa malunga nenkqubo ye-elektrooniki yokubhukisha enonxulumano lokubhukisha kunye nemiyalelo ngendlela ekubhukishwa ngayo		d) Ileta yathunyelwa ng-imeyile isazisa abasebenzisi abakuluhlu lweenkcukacha ngokuba amaziko avaliwe ngenxa yeCovid-19.
Ixabiso lemali:	**Ixabiso lemali:**	**Ixabiso lemali:**
a) Amaziko alolongiwe ze aqalisa ukusetyenziselwa izinto ezimbini apho amaqela amancinci anakho ukukhetha ukubhukisha amagumbi eengxoxo kulungiselelwa abantu abali-12 okanye abambalwa.	a) Abasebenzi banikezela ngolwazi olumalunga nesakhiwo kubaxhamli xa beceliwe – abaxhamli bafumana ingcaciso eluncedo nabanakho ukuyisebenzisa ngaphandle kwendleko.	a) Amaziko athile enkcubeko aqalise ngosetyenziselo lwezinto ezimbini apho amaqela amancinci anakho ukukhetha ukubhukisha amagumbi eengxoxo kulungiselelwa abantu abali-12 okanye abambalwa
b) Amathuba alungiselelwe ukunikezelwa kwemidlalo yangaphakathi neyangaphandle	b) Ukwandiswa kwabaxhamli abaphuma kwiingingqi ezihlelelekileyo ukulungiselela ukuba basebenzise izibonelelo zasemaphandleni, kuyilwa iqonga leenjongo zemfundo.	b) Uhlobo olubanzi lwabaxhamli kuyo yonke iNtshona Koloni lunethuba lokusebenzisa amaziko.
c) Uhlobo olubanzi lwabaxhamli kuyo yonke iNtshona Koloni lunethuba lokusebenzisa amaziko	Indleko zokubhukisha zihamba ngokwendlu yamaplanga ngobusuku obunye	c) Iindleko zokubhukisha zixhomekeke kwindawo eza kusetyenziswa. Iindleko zibalwa ngokuhambelana nerejista yomrhumo.
d) Iindleko zokubhukisha zixhomekeke kwindawo eza kusetyenziswa. Iindleko		

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
zibalwa ngokuhambelana nomrhumo / nerejista yendleko. **<u>Izifezekiso ezangelelweyo:</u>** e) lindleko zosetyenziso ngosuku ukususela ngentsimbi yesi-08:00 – 16:00 ngama-R2500 kubandakanywa nokusetyenziswa kwekhitshi neholo. Ukuhlaziywa kwe-Okkie Jooste, Schoemanspoort kunye neBien Donne manor House kubeke uxinzelelo olukhulu kwimiqathango yolondolozo lweendleko ngoko iiphanele zesola zokwenza shushu amanzi zifakelwe. Ngaphezulu amakhitshi kunye namagumbi angasese kunye nokhuseleko ahlaziyiwe	ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2018	**<u>Izifezekiso ezangelelweyo:</u>** lindleko zosetyenziso ngosuku ukususela ngentsimbi yesi-08:00 – 16:00 ngama-R2500 kubandakanywa nokusetyenziswa kwekhitshi neholo. Ukuhlaziywa kwe-Okkie Jooste, Schoemanspoort kunye neBien Donne manor House kubeke uxinzelelo olukhulu kwimiqathango yolondolozo lweendleko ngoko iiphanele zesola zokwenza shushu amanzi zifakelwe. Ngaphezulu amakhitshi kunye namagumbi angasese kunye nokhuseleko ahlaziyiwe. Ukuqeshwa kweenkonzo zoNogada abaXhobileyo bokuSabela endaweni yonogada ababonakalayo (onogada bokhuseleko abanezinja zokhuseleko) kunciphise iindleko zokhuseleko nokunciphisa uxinzelelo kuhlahlo lwabiwo-mali olunciphileyo lweKhomishoni.
IiNkqubo zeMfundo zeeMyuziyam **Uthethwano:** a) Izimvo ezivela kwiimyuziyam ezimanyeneyo zanikezelwa kwiintlanganiso zonyaka ze oku kwanceda kwizicelo zoqeqesho zexa elizayo. b) Iingxelo zokuBekwa kweLiso noVavanyo ziyasetyenziswa rhoqo ngonyaka ukunceda imisebenzi yexa elizayo **Ufikelelo:** a) Iqela lincedise iimyuziyam ngokwenziwa kwesicelo b) Iqela lihambele iimyuziyam njengoko kuceliwe	**Uthethwano:** a) Inkonzo iqhutywa zizicelo nangona kunjalo, izimvo ezivela kwiimyuziyam ezimanyeneyo zinikezelwe kwiintlanganiso kwaye oku kukwazisa ngoqeqesho oluzayo b) Iingxelo zokuBekwa kweLiso noVavanyo ziya kusetyenziswa ukunceda imisebenzi yarhoqo ngonyaka **Ufikelelo:** a) Iqela lincedise iimyuziyam ngokwenziwa kwesicelo b) Iqela lihambele iimyuziyam elinikezela ngeenkonzo kuzo	**Uthethwano:** a) Izimvo ezivela kwiimyuziyam ezimanyeneyo zanikezelwa kwiintlanganiso zonyaka ze oku kwanceda kuqeqesho lwexesha elizayo njengoko kuceliwe. b) Iingxelo zokuBekwa kweLiso noVavanyo ziyasetyenziswa rhoqo ngonyaka ukunceda imisebenzi yexa elizayo **Ufikelelo:** a) Iqela lincedise iimyuziyam ngokwenziwa kwesicelo b) Iqela lihambele iimyuziyam njengoko kuceliwe okanye ngeentlanganiso

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
		zonxibelelwano ezenziwa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha.
c) Zonke iimyuziyam ezimanyeneyo zinoluhlu lweenkcukacha zoqhagamshelwano kulungiselelwa abaLondolozi beNdalo kunye namaGosa eMfundo yaye banakho ukuqhagamshelana ngqo ukuphepha izithitelo	c) Zonke iimyuziyam ezimanyeneyo zinoluhlu lweenkcukacha zoqhagamshelwano kulungiselelwa abaLondolozi beNdalo kunye namaGosa eMfundo yaye banakho ukuqhagamshelana ngqo ukuphepha izithitelo	c) Zonke iimyuziyam ezimanyeneyo zinoluhlu lweenkcukacha zoqhagamshelwano kulungiselelwa abaLondolozi beNdalo kunye namaGosa eMfundo yaye banakho ukuqhagamshelana ngqo ukuphepha izithitelo
d) Umboniso ojilelezayo weNkonzo yeMyuziyam oneMiqondiso yeSizwe wahanjiswa kulo lonke iPhondo kukhuthazwa iinkonzo zawo ezngaphezulu kwiimyuziyam ezimanyeneyo	d) Umboniso ojikelezayo weNkonzo yeMyuziyam oneMiqondiso yeSizwe wahanjiswa kulo lonke iPhondo kukhuthazwa iinkonzo zawo ezngaphezulu kwiimyuziyam ezimanyeneyo	d) Umboniso ojikelezayo weNkonzo yeMyuziyam oneMiqondiso yeSizwe wahanjiswa kulo lonke iPhondo kukhuthazwa iinkonzo zawo ezngaphezulu kwiimyuziyam ezimanyeneyo
e) Iipakethe ezimbini ezintsha zoqeqesho zenziwa zafumaneka ngeelwimi ezintathu kulo nyaka. ezi ibe yi-Imam Haron kunye neNkqubo yeMfundo yeMigaqo yeMyuziyam yeSizwe.	e) Malunga neepakethe ezi-2 ezintsha zoqeqesho ziyafumaneka ngeelwimi ezi-3 kulo	e) Iipakethe ezimbini ezintsha zoqeqesho zenziwa zafumaneka ngeelwimi ezintathu kulo nyaka. ezi ibe yi-Imam Haron kunye neNkqubo yeMfundo yeMigaqo yeMyuziyam yeSizwe.
f) Iindawo ezikhethelwe uqeqesho zizinike iingqwalasela iimfuno ezizodwa ngokuphathelelene nofikelelo kwizakhiwo	f) Iindawo ezikhethelwe uqeqesho zizinike iingqwalasela iimfuno ezizodwa	Iindawo ezikhethelwe uqeqesho zizinike iingqwalasela iimfuno ezizodwa ngokuphathelelene nofikelelo kwizakhiwo
Imbeko:	**Imbeko:**	**Imbeko:**
a) Amagosa oqeqesho aziphatha ngembeko kubo bonke enxibelelana nabo ngokuhambelana neenkqubo	a) Amagosa oqeqesho aziphatha ngembeko kubo bonke enxibelelana nabo ngokuhambelana neenkqubo	a) Amagosa oqeqesho aziphatha ngembeko kubo bonke enxibelelana nabo ngokuhambelana neenkqubo
b) INdlela yokuZiphatha elungiselelwe iNkonzo kaRhulumente	b) INdlela yokuZiphatha elungiselelwe iNkonzo kaRhulumente iyaqwalaselwa	b) INdlela yokuZiphatha elungiselelwe iNkonzo kaRhulumente
c) Imbeko kwanikwa ingxelo ngayo ze yalinganiswa	c) Imbeko kwanikwa ingxelo ngayo ze yalinganiswa	c) Imbeko kwanikwa ingxelo ngayo ze yalinganiswa

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
ngokusetyenziswa kovavanyo nezimvo ezivela kubathabathi-nxaxheba nabachaphazelekayo (umz. iimvavanyo zootitshala) kwiinkqubo zemfundo ezisekwe kwimyuziyam.	ngokusetyenziswa kovavanyo nezimvo ezivela kubathabathi-nxaxheba nabachaphazelekayo (umz. iimvavanyo zootitshala) kwiinkqubo zemfundo ezisekwe kwimyuziyam.	ngokusetyenziswa kovavanyo nezimvo ezivela kubathabathi-nxaxheba nabachaphazelekayo (umz. iimvavanyo zootitshala) kwiinkqubo zemfundo ezisekwe kwimyuziyam.
d) Iingxelo zokuBekwa kweLiso noVavanyo zasetyenziswa ukubekela ecaleni nokulungisa imiba nabalawuli beMyuziyam rhoqo ngekota.	d) Iingxelo zokuBekwa kweLiso noVavanyo zasetyenziswa ukubekela ecaleni nokulungisa imiba nabalawuli beMyuziyam rhoqo ngekota.	d) Iingxelo zokuBekwa kweLiso noVavanyo zasetyenziswa ukubekela ecaleni nokulungisa imiba nabalawuli beMyuziyam rhoqo ngekota.
Ukungafihlisi nokuba selubala:	**Ukungafihlisi nokuba selubala:**	**Ukungafihlisi nokuba selubala:**
a) INkonzo yeMyuziyam inike ingxelo nemisebenzi yayo kwiimyuziyam ezimanyeneyo ezihlangene kwiSimpoziyam yoNyaka	a) INkonzo yeMyuziyam inike ingxelo nemisebenzi yayo kwiimyuziyam ezimanyeneyo ezihlangene kwiSimpoziyam yoNyaka	a) INkonzo yeMyuziyam inike ingxelo nemisebenzi yayo kwiimyuziyam ezimanyeneyo ezihlangene kwiSimpoziyam yoNyaka
b) INgxelo yoNyaka yeSebe iyafumaneka kwiwebhusayiti	b) INgxelo yoNyaka yeSebe iyafumaneka kwiwebhusayiti	b) INgxelo yoNyaka yeSebe iyafumaneka kwiwebhusayiti
c) Ukunikezelwa kwengxelo rhoqo kuyaqhubeka ePalamente ngeKomiti eSigxina	Ukunikezelwa kwengxelo rhoqo kuyaqhubeka ePalamente ngeKomiti eSigxina	c) Ukunikezelwa kwengxelo rhoqo kuyaqhubeka ePalamente ngeKomiti eSigxina
Ixabiso lemali:	**Ixabiso lemali:**	**Ixabiso lemali:**
a) IiMyuziyam zifumana inkxaso zingakhe zibe zihlawule iindleko zabasebenzi, iindleko zoqeqesho kunye neendleko zokuvelisa imathiriyeli, ngaphandle kokuba imathiriyeli leyo yeyemiboniso yazo. Oku ngoko lulondolozo lweendleko olubonelela iimyuziyam.	a) IiMyuziyam zifumana inkxaso zingakhe zibe zihlawule iindleko zabasebenzi, iindleko zoqeqesho kunye neendleko zokuvelisa imathiriyeli, ngaphandle kokuba imathiriyeli leyo yeyemiboniso yazo. Oku ngoko lulondolozo lweendleko olubonelela iimyuziyam.	a) IiMyuziyam zifumana inkxaso zingakhe zibe zihlawule iindleko zabasebenzi, iindleko zoqeqesho kunye neendleko zokuvelisa imathiriyeli, ngaphandle kokuba imathiriyeli leyo yeyemiboniso yazo. Oku ngoko lulondolozo lweendleko olubonelela iimyuziyam.
b) Iindleko zoqeqesho noshicilelo zeNkonzo yeMyuziyam zinoqoqosho kangangoko njengoko zisenziwa ngamaqela, ingezizo ezemyuziyam nganye, yaye umthetho-	Iindleko zoqeqesho noshicilelo zeNkonzo yeMyuziyam zinoqoqosho kangangoko njengoko zisenziwa ngamaqela, ingezizo ezemyuziyam nganye, yaye umthetho-siseko	Iindleko zoqeqesho noshicilelo zeNkonzo yeMyuziyam zinoqoqosho kangangoko njengoko zisenziwa ngamaqela, ingezizo ezemyuziyam nganye, yaye umthetho-siseko

Awona/awangoku amalungiselelo	Amalungiselelo alindelekileyo	Eyona Mpumelelo
siseko wokusetyenziswa kwekowuti esezanzi uyasetyenziswa xa kuthengwa kubanikezeli benkonzo.	wokusetyenziswa kwekowuti esezanzi uyasetyenziswa xa kuthengwa kubanikezeli benkonzo.	wokusetyenziswa kwekowuti esezanzi uyasetyenziswa xa kuthengwa kubanikezeli benkonzo.

Isixhobo sengcaciso yokunikezelwa kwenkonzo

Izixhobo zengcaciso ekhoyo/eyiyo	Izixhobo zengcaciso enqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
Ufikelelo kumaZiko eNkcubeko		
a) liBrowusha zmaZiko eNkcubeko ziyafumaneka kwikhompyutha yaye zibonisa ngokucacileyo izibonelelo ezikhoyo kumaziko.	a) liPhamflethi	a) Abaxhamli abaphelelanga ekuhloleni amaziko enkcubeko kuphela kwiibrowusha, inkqubo yotyelelo elungiselelwe abaxhamli okokuba bahlole iziko ivunyelwe phakathi kweyure yesi-08:00 – 16:00
b) Iintlanganiso zarhoqo ngekota ziqhubekile njengoko bezicwangcisiwe	b) INgxelo yoNyaka	b) INgxelo yoNyaka iyafumaneka
c) Iiseshoni zentlanganiso yomntu ngamnye nomphathi zabanjwa ngethuba ekwakuhlolwa amaziko ngabaxhamli abangakho.	c) IPhepha laMalungelo eNkonzo leSebe	c) AmaPhepha aMalungelo aphuhliswa ze athunyelwa kumaziko
d) INgxelo yoNyaka iyafumaneka	d) Ingcaciso inakho ukufumaneka ngqo ivela kwigosa	d) Yonke ingcaciso enxulumene namaziko enkcubeko iyafumaneka kwiwebhusayiti. Uhlaziyo lubonakaliswe kwiNgxelo yoNyaka ze kwabelwana namalungu eKhomishoni.
e) AmaPhepha aMalungelo aphuhliswa ze athunyelwa kumaziko	e) Inkqubo yokubhukisha ngekhomyutha inayo yonke ingcaciso enxulumene neziko lenkcubeko elikhoyo kwikhompyutha.	e) Yonke ingcaciso edingekayo iyabonakala kwinkqubo, ngoncedo lwwethebhu ukunceda abaxhamlayo abangaqinisekanga.
f) Yonke ingcaciso enxulumene namaziko enkcubeko iyafumaneka kwiwebhusayiti. Uhlaziyo lubonakaliswe kwiNgxelo yoNyaka ze kwabelwana namalungu eKhomishoni.	f) Ukuhlola ngobuxhaka-xhaka bonxibelelwano bekhompyutha kweziko ngalinye lenkcubeko Ingcaciso (liPhamflethi /iiposta/iibrowusha/njl.njl.) eboniswe ngasentla inakho ukufumaneka kwiwebhu.	f) Imiboniso ikwiwebhusayiti yaye inakho ukuhlolwa kunye nemirhumo nezibonelelo ezikhoyo. Njl.njl. g) Ingcaciso inakho ukufumaneka ngokunjalo ngokusetyenziswa

Izixhobo zengcaciso ekhoyo/eyiyo	Izixhobo zengcaciso enqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
Ingcaciso inakho ukufumaneka ngokunjalo ngokusetyenziswa komxeba woncedo wemfono-mfono ongahlawulelwayo, idilesi ye-imeyile kawonke – wonke enikezelwe kwiwebhu njl.njl.		komxeba woncedo wemfono-mfono ongahlawulelwayo, idilesi ye-imeyile kawonke – wonke enikezelwe kwiwebhu njl.njl.
IiNkqubo zeMfundo zeeMyuziyam a) Ingcaciso yeenkonzo enikezelwa njengoko ichaziwe kwiwebhusayiti yeSebe yahlaziywa. Umboniso ojikelezayo weNkonzo yeMyuziyam (iiseti ezimbini) wahanjiswa kulo lonke iPhondo ukukhuthaza iinkonzo zayo ngaphezulu kweemyuziyam ezimanyeneyo, ezizeze iMiqondiso yeSizwe.	a) Ingcaciso yeenkonzo enikezelwa njengoko ichaziwe kwiwebhusayiti yeSebe yahlaziywa okokuba inike inkcazelo Umboniso ojikelezayo weeseti ezintathu weNkonzo yeMyuziyam wahanjiswa kulo lonke iPhondo ukukhuthaza iinkonzo zayo ngaphezulu kweemyuziyam ezimanyeneyo.	a) Ingcaciso yeenkonzo enikezelwa njengoko ichaziwe kwiwebhusayiti yeSebe yahlaziywa. Umboniso ojikelezayo wahanjiswa kulo lonke iPhondo ukukhuthaza iinkonzo zayo ngaphezulu kweemyuziyam ezimanyeneyo, ezizeze iMiqondiso yeSizwe.

Indlela yokukhalaza

Indlela yezikhalazo ezikhoyo/ezizizo	Indlela yezikhalazo enqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
Ufikelelo kuMaziko eNkcubeko a) Ipateni zosetyenziso kunye neenkcukacha zamanani zahlaziywa ukuqinisekisa ngempembelelo ukuba ikho yenkqubo ye-elektroniki Iingcebiso ezifunyenweyo ezivela kwifomu yezimvo ezaliswe ngabaxhamli ziyaqwalaselwa xa kuyilwa isicwangciso sololongo ziyalungiswa ngokunjalo kwiintlanganiso zecandelo lekomiti	a) Ipateni zosetyenziso kunye neenkcukacha zamanani zahlaziywa ukuqinisekisa ngempembelelo ukuba ikho yenkqubo ye-elektroniki b) Ziyarekhodwa kwirejista yezikhalazo Inkqubo yokubhukisha yekhompyutha indilesi ye-imeyile kawonke wonke apho iinkxalabo, iingcebiso njl.njl. ziya kubekwa iliso ze zilungiswe.	a) Ukufakwa okusesikweni kunye nengxelo ngeenkcukacha zamanani zosetyenziso zeziko ngalinye lenkcubeko rhoqo ngenyanga. b) Zonke iinkxalabo/ izikhalazo ziya kulungiswa ngenkqubo eqhelekileyo yaye ziya kurekhodwa kwasekufunyanweni kwazo de ziyokugqitywa I-imeyile kawonke-wonke inika ithuba kubaxhamli okokuba banxibelelane ngqo kumagosa ngokuphathelelene nemibuzo nangako nakuphi na ukubhukisha.
IiNkqubo zeMfundo zeeMyuziyam		

Indlela yezikhalazo ezikhoyo/ezizizo	Indlela yezikhalazo enqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
a) Akukho zikhalazo zisesikweni ezithe zafunyanwa. Nangona kunjalo, isaziso sokufunyanwa kwembalelwano, uphando kwimeko yesehlo, ukuveliswa kwengxelo, kunye nokusabela okusesikweni kwisikhalazo kuyamiliselwa.	a) isaziso sokufunyanwa kwembalelwano, uphando kwimeko yesehlo, ukuveliswa kwengxelo, kunye nokusabela okusesikweni kwisikhalazo kuyamiliselwa.	a) Akukho zikhalazo zisesikweni ezithe zafunyanwa. Nangona kunjalo, isaziso sokufunyanwa kwembalelwano, uphando kwimeko yesehlo, ukuveliswa kwengxelo, kunye nokusabela okusesikweni kwisikhalazo kuyamiliselwa.
b) IIngcebiso zaqwalaselwa kwiintlanganiso zeqela/zolawulo kunye nokusabela kwisikhalazo kumiliselwe.	b) IIngcebiso zaqwalaselwa kwiintlanganiso zeqela/zolawulo kunye nokusabela kwisikhalazo kumiliselwe.	b) IIngcebiso zaqwalaselwa kwiintlanganiso zeqela/zolawulo kunye nokusabela kwisikhalazo kumiliselwe.
Ixesha lokuphendula lokuthumela isaziso sokufunyanwa kwezikhalazo ziiyure ezingama-48	Ixesha lokuphendula lokuthumela isaziso sokufunyanwa kwezikhalazo ziiyure ezingama-48	Ixesha lokuphendula lokuthumela isaziso sokufunyanwa kwezikhalazo ziiyure ezingama-48

2.3. Ubume bombutho

Ukurhoxa emsebenzini kunye/okanye ukuqeshwa kwabasebenzi abangudoqo

UMlawuli: weMyuziyam, weLifa leMveli kunye naMagama eNdawo uhoxile emsebenzin ngomhla wama-30 kuNovemba 2020.

USekela Mlawuli: uMbutho oseMbindini (iNkonzo yeThala leeNcwadi) uthathe umhlalaphantsi ngomhla wama-31 kiJanyuwari 2021.

Iinzame zohlenga-hlengiso

Azikho

Ukusilela kwenkqubo

Akubangakho kusilela okubonakalayo kwenkqubo okuchaphazela ikhono leSebe kunikezelo lwalo lweenkonzo zalo.

Amatyala obuqhopholo norhwaphilizo

IiNkonzo zePhondo ezijongene noBuqhopholo (PFS) zikhupha isiQinisekiso sokuHlanganswa kweTyala esibonisa ukuhanjiswa okulandelayo kwamatyala eSebe (aphathelelene nobuqhopholo norhwaphilizo) kulo nyaka-mali:

Amatyala avuliweyo njengoku kunjalo ngomhla woku-1 kuEpreli 2020	0
Amatyala amatsha achaziweyo ngowama-2020/21	0
Amatyala avaliweyo (2021/21)	0
Amatyala asavuliweyo njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2021	0

Uqhankqalazo

Akubanga kho luqhankqalazo ngamagosa esebe ngesithuba sowama-2020/21.

2.4. Uphuhliso lomgaqo-nkqubo olungundoqo kunye neenguqu zomthetho

Ukulungiselela ukulungiswa kwemingeni yokusebenza ekhawulezileyo nokulungelelaniswa koMgaqo-siseko, iSebe liphuhlise uMthetho oyilwayo oyi-Museums Ordinance Amendment Bill. IKhabhinethi yePhondo ikwamkele ukuqaliswa koMthetho oYilwayo oLungisiweyo woMthetho weeMyuziyam weNtshona Koloni, 2020, kwiPalamente yePhondo ngomhla wama-28 Julayi 2020 phantsi kweNqaku leKhabhinethi elinguNombolo 476. Ngomhla wama-30 ku-OKtobha 2020, uSomlomo ubhengeze ngokuqaliswa koMthetho oYilwayo woMthetho weeMyuziyam, ngokuhambelana noMthetho oSigxina 170(1)(b). Ngomhla wama-31 kuMatshi 2021 uMthetho iWestern Cape Museums Ordinance Amendment Act onguNombolo 2 wama-2021 wasayinwa ngokusesikweni kumthetho kunye neGazethi yePhondo enguNombolo 8408 ukulungiselela ukuba uqalise ngomhla woku-1 kuEpreli 2021.

UMthetho oYilwayo weSiko loLwaluko (B7-2018, waphunyezwa yipalamente ngomhla we-16 kuMatshi 2021 waze wathunyelwa kuPrezidenti kulungiselelwa imvume. UMthetho oYilwayo uzama ukunikezela ngemithetho esebenzayo wokuqhutywa kwesiko lolwaluko njengoku kuladelayo:

- Ukunikezela kwiKomiti yeSizwe yokoNgamela uLwaluko kunye nemisebenzi yazo
- Ukusekwa kweeKomiti zePhondo zoLungelelwaniso loLwaluko kunye nemisebenzi yazo
- Ukunikezela kuxanduva, kwiindima nemisebenzi yabachaphazelekayo abahlukeneyo ababandakanyekayo kwimisebenzi yolwaluko
- Ukunikezela kwimithetho esebenzayo yezikolo zolwaluko
- Ukunikezela kumagunya alawulayo oMphathiswa neeNkulumbuso
- Ukuikezela kukubekwa kweliso kumiliselo lomthetho kunye
- Ukunikezela kukungafani kwiphondo.

Ikhabinethi yeSizwe yamkele upapasho loMthetho oYilwayo weeNkonzo wamaThala eencwadi kunye neeNgcebiso wama-2019 olungiselelwe izimvo zoluntu. Lo Mthetho oYilwayo uza kuqwalaasela imiba yenguqu ekunikezelweni kwamathala eencwadi karhulumente kuluntu, ingakumbi kuluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili. Ukhuthaza ngokunjalo ulawulo lwentsebenziswano nolungelewaniso kuwo omathathu amacandelo karhulumente

ngokubhekiselele kwiinkonzo zamathala eencwadi nengcaciso. ISebe leSizwe leMidlalo, uBugcisa neNkcubeko lithe thaca iindleko zomiliselo lwalo Mthetho uYilwayo kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali (intlanganiso ehlangeneyo yamaCandelo oLawulo lweMali eSizwe nawePhondo) ngomhla we-17 kuJanyuwari 2020. ICandelo loLawulo-mali leSizwe lichaze into yokuba ngenxa yezithintelo zemali ezikhoyo licebisa into yokokuba uMthetho oYilwayo ukhe ubanjwe. I DSAC emva kwangoko ithathe isigqibo zokubamba umiliselo ngesithuba esingangeminyaka emithathbu ubuncinane.

ISebe lamkele ngokunjalo ze lamilisela uMgaqo-nkqubo weMpilo eNgqeshweni noKhuselo lweCovid-19. Ngokuhambelana nalo mgaqo-nkqubo, iSebe lityumbe iGosa loHambelwano kunye neKomiti eQuquzelelayo yeSebe yeCovid-19 eNgqeshweni neMpilo. Ikomiti iqinisekise ngento yokuba yonke imiba yeCovid-19 ixoxiwe ze yaqwalaselwa, kubandakanywa ukuthengwa nokubonelela kweMpahla yoKhuseleko loMntu (PPE) kulungiselelwa bonke abasebenzi.

3. Izifezekiso zeMpembelelo yeZiko neMiphumela

Impembelelo ecwangcisiweyo yeSebe kunye nemiphumela ngokuhambelana nesiCwangciso salo seQhinga zidweliswe apha ngasezantsi, zilandelwa yinkqubela phambili eyenziweyo ebhekiselele kwizifezekiso zengxelo yempembelelo yamaSebe.

Ingxelo yempembelelo	INtshona Koloni ebandakanya ngokwentlalo, eyilayo esebenzao nehlangeneyo

INani	Umphumela	UMgqalisela woMphumela	Isiseko	Ekujoliswe kuko kweminyaka emihlanu
1	Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho kunye noluntu ulukhuselekileyo noluhambelanayo.	Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo kuBugcisa, iNkcubeko necandelo leLifa leMveli eNtshona Koloni.	400 250	551 075
2	Ufikelelo kwingcaciso nolwazi ukuxhasa inkcubeko yokuthanda ukufunda kunye nokufunda kobomi bakho bonke.	Inani elibhalisileyo labasebenzisi bethala leencwadi.	731 456	735 000
		INani lotyelelo ngabaphandi	8 700	8 700
3	Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo.	Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo zemidlalo necandelo lolonwabo eNtshona Koloni.	444 210	500 000

UMphumela 1	Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho kunye noluntu ulukhuselekileyo noluhambelanayo.

UMgqalisela woMphumela	Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo kuBugcisa, iNkcubeko necandelo leLifa leMveli eNtshona Koloni.

Ukunikela kulo mphumela, iSebe linikele ngezibonelo kwiimyuziyam ezimanyeneyo, kwiLifa leMveli leNtshona Koloni, kunye neKomiti yaMagama eeNdawo. Ezi zibonelelo zibandakanya inkxaso-mali ngokukhutshelwa kweentlawulo, abasebenzi, kunye noomabhalane, abanobucule, iingcaphephe zenzuiulwazi. Ngaphezulu, iSebe lidlale indima ekhokhelayo ebhekiselele kukusekwa kweCradle yeHuman Culture, umgaqo wokhenketho welifa lemveli zenzululwazi ngezinto zakudala kwiNtshona Koloni. ISebe likumanqanaba aphambili olungiselelo lweNomination Dossier elungiselelwe iNdawo yeLifa leMveli yeHlabathi.

Ngenxa yezithintelo ezinxulumene neCovid-19 kwiindibano, icandelo lophuhliso lobugcisa layirhoxisa inkqubo yalo ngesithuba seekota eyoku-1 neyesi-2 yonyaka-mali. Ngesi sithuba iSebe liququzelele ukuqaliswa kwengxowa-mali yoNcedo lweNtlalo yeCovid-19 kubugcisa, iNkcubeko, neLifa leMveli exhibe ekunikezeleni umqathango woncedo lwemali kumagcisa oshishino lokuYila eNtshona Koloni kunye nemibutho. Kwisiqingatha sesibini sonyaka, izithintelo ezncitshisiweyo zinike ithuba lonxibelelwano olunyiniweyo lweprojekti yophuhliso lobugcisa. Iiprojekti ziqalisiwe kusetyenziswa uyilo lokuhlanganiswa kweendlela ezimbini apho imiba yeeprojekti iqhutywa ebantwini, ze ukuboniswa okanye uqeqesho luqhutywe kwiqonga lonxibelelwano ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha. ISebe ngoko libe nakho ukumilisela ubugcisa bokufunda – iprojekti yababhali abasakhulayo, iprojekti yophuhliso lwedrama – ucweyo lokubhalwa komdlalo nokuboniswa kokudlala, iprojekti yophuhliso lomdaniso – Kaapse Dans Kaleidoscope, iiprojekti zophuhliso loMculo – ukhuphiswano lokubhalwa kwengoma, kulo lonk iPhondo.

UMphumela 2	Ufikelelo kwingcaciso nolwazi ukuxhasa inkcubeko yokuthanda ukufunda kunye nokufunda kobomi bakho bonke.
UMgqalisela woMphumela	Inani elibhalisileyo labasebenzisi bethala leencwadi. INani lotyelelo ngabaphandi.

Ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo isebe liqhubile ngokunceda oomasipala ekunikezeleni ngeenkonzo zamathala eencwadi karhulumente nengcaciso kwiindawo zenkonzo yamathala eencwadi karhulumente ezingama-374:

a) Asimahla, alinganayo nafikelelekayo.
b) Anikezela ngengcaciso, ngeemfuno zokufunda zabantu; kunye
c) Nokukhuthaza ukuthanda ukufunda ukusetyenziswa kwethala leencwadi kunye nokufunda kobomi bonke.

Ukuzisa inguqu kwinkonzo yethala leencwadi nokubandakanywa kwenkqubela phambili yetheknoloji, amaziko ethala leencwadi ukuza kuthi ga ngoku angama-228 anikezelwe ngofikello kwi-intanethi efumaneka simahla kumalungu oluntu. Amathala eencwadi amancinane angama-27 alungiselelwe iiMfama nabangaboni kakuhle abonelelwe kulo lonke iPhondo.

Ukukhuthaza ulwakhiwo lwesizwe nobandakanyo lwentlalo, ufikelelo koovimba lwanikezelwa kubaphandi ukususela kwinyanga kaSeptemba 2020 linenani elincitshisiweyo labaphandi ngexesha ngalinye de kube sekupheleni konyaka-mali. Inani elipheleleyo labaphandi abangama-2 649 latyelela umthombo wooVimba ngeenjongo zophando. Uqokelelo

lweeprojekti zembali yomlomo luqhutyiwe kwikota yesithathu ukuqinisekisa ngogcino lweembali zomlomo. Isambuku samangenelo asixhenxe oqeqesho lolawulo lweerekhodi aqhutywa, ze kwaqhutywa uphicotho-zincwadi lolawulo lweerekhodi ezili-22 ukwendelelisa iindlela ezilungileyo zolawulo lwerekhodi kumaqumrhu karhulumente. Iindlela zolawulo lwerekhodi zaqiniswa, ngentsebenziswano namaqumrhu karhulumente ukumilisela iinkqubo zolulahla okulungelelanisiweyo kunye neenkqubo zohlelo olufanelekileyo lweerekhodi.

UMphumela 3	Ufikelelo namathuba okuthabatha inxaxheba kwimidlalo nolonwabo.
UMgqalisela woMphumela	Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo zemidlalo necandelo lolonwabo eNtshona Koloni.

ISebe lenze inkqubela phambili ngokubhekiselele ekuhlangabezeni iinjongo zesiCwangciso seQhinga seminyaka emihlanu, kunyino lwezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into. IiNkqubo zalungelelaniswa ukulungiselela iinjongo zesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo. Iinkqubo zemidlalo nolonwabo kunye neeprojekti ziqalisiwe kuzo zonke iZithili zeNtshona Koloni. Unxibelelo olwakhayo lwabanjwa kunye namaBhunga amathandathu eMidlalo yeSithili kunye neWCPSC.

3.1. Izifezekiso ezibonakalayo ezibhekiselele kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi sowama-2019-24 kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo

Ngesithuba sowama-2020/21, iSebe linikele kwiMiphumela yeSizwe yesiCwangciso-nkqubo seQhinga esiThuba esiPhakathi (MTSF) sowama-2019-2024 njengoku kulandelayo:

Umnikelo weSebe kufezekiso lokuPhambili kweSizwe kwesi-7 unjengoku kulandelayo:

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
OkuPhambili 1: Urhulumente onekhono,onenqobo ezisesikweni nophuhlayo	IMidlalo noLonwabo kwiPhondo iqhutywa sisiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo yaye iinkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano noluntu, imibutho emanyeneyo yemidlalo, amabhunga emidlalo kunye noomasipala. UPhuhliso lwesiCwangciso soPhuculo loNikezelo lweNkonzo (SDIP) luqinisekisa ngento yokuba iSebe lijolise kwinkqubo yokwandisa nokuphuculwa kweenkonzo ezichongiweyo.
OkuPhambili 2: Inguqu yoqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi	Ubonelelo lwemisitho engundoqo kukhuthaza ukhenketho lwemidlalo. ISebe lisebenza kunye nemibutho ehlangeneyo yemidlalo kwiPhondo ethi ifikelele kwinkxaso-mali yemisitho engundoqo. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linoxanduva lenkqubo yenkonzo yolutsha lwephondo. Oku kuboniswa kwiNkqubo ye-YearBeyond. INkqubo yeYearBeyond inikezela ngamathuba kumavolontiya angaphezulu kwama-400 ngonyaka ngamnye kulutsha lwethu kunye noqeqesho olubanzi lobunkokheli kunye neendledlana ezihanjiweyo ukuya kwingqesho. Ukuza kuthi ga ngoku, ama-82%

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
	amavolontiya akumgangatho omnye aguqulelwe kwingqesho okanye kwizifundo, yaye phantse isiqingatha siyaqhubeka ukukba ngamavolontiya rhoqo ngeveki kwingingqi zawo zoluntu. INkqubo yoLonwabo, iNkqubo yeMOD kunye neNkqubo yeMidlalo yeZikolo enikezela ngamathuba engqesho eliungiselelwe abantu abaninzi abaphuma kwiingingqi zoluntu ezamkelayo. Amathuba omsebenzi we-EPWP kulonwabo, kwimidlalo, kubugcisa, inkcubeko kuye namacandelo entlalo anikezelwe. ISebe liququzelela amathuba emisebenzi kunye namathuba olwakhiwo lwekhono awahlukeneyo ngokusetyenziswa kweenkqubo ezijolise kukufunyanwa kwamakhono lulutsha ukuququzelela ukungena kwalo kwimarike yokusebenza. ICovid-19 ibe nomphumela wokurhoxiswa kokhekhetho lwenkcubeko ngenxa yokurhoxiswa kwemisitho yenkcubeko, nangona kunjalo, imibutho ibeke phambili ngokutsha ze yaqhuba iinkqubo ngonxibelelwano lobuxhaxa-xhaka bekhompyutha apho kunakho ukwenzeka. ISebe linikezela ngekxaso-mali elungselelwe abasebenzi bethala leencwadi likarhulumente. Amathuba engqesho ayiliwe ngokusetyenziswa kolwakhiwo nokukhlaziywa kwamathala eencwadi karhulumente.
Okuphambili 3: Imfundo, amakhono nempilo	Isahlulo esikhulu sohlahlo lwabiwo-mali lweSebe sichithwa kubonelelo lweenkonzo zamathuba eencwadi nokuthengwa kwemathiriyeli yethala leencwadi, kuxhaswa ukuphuculwa kwemiphumela yokufunda. ISebe, ngokusetyenziswa kweYearBeyond linikezele ngokunjalo ngeencwadi kwezi zikolo. Isithuba semfundo phakathi kwabafundi abanezibonelelo nabangabonelelwanga ngokwaneleyo kunokubalelwa kufikelelo lwabo olwahlukeneyo kwiincwadi ekhaya, kwiiholide zosapho, kwi-intanethi, kwimisebenzi yemidlalo nolonwabo, ukuchanatywa nenkxaso. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linceda ukuvala esi sithuba ngokunikezela ngeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo kubafundi abasahamba isikolo ngokusetyenziswa kwamaZiko eMOD kwizikolo ezili-181, namaZiko eZikolo zoBumelwane ezili-134 nakwiindawo ze YearBeyond ezili-140. Ukuthatyathwa kwenxaxheba ngumfundi kwezi nkqubo kunceda ngokuphuculwa kokuzinyaswa kwesikolo ngomfundi, ukuqeqesheka komfundi, intsebenziswano kunye, ngokunjalo nokugcinwa kwabafundi benomdla wokuza esikolweni. AmaZiko eMOD abonelela abafundi ngochanatyo kulonwabo nemidlalo efundwa ngokuksetyenziswa kwekharityhulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso zezifundo ezijolisa ngokunjalo kuphuhliso lwamakhono obomi. AmamZiko eZikolo zoBumelwane anceda ngokuchonga nokulolonga italente kwiikhowudi ezichongiweyo. INkqubo yeMidlalo yeSikolo ijolise kwimisebenzi

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
	yasemva kokuphuma kwesikolo elungselelwe abantwana abahamba isikolo. INkqubo yoLonwabo ijolise kumaZiko ukukhuthaza imisebenzi yolonwabo nemidlalo ukususela kwinqanaba le-ECD ukuya kwinqanaba labaGugileyo. I-YearBeyond ijolise ekuqwalaseni kwizithuba kwimfundo kukufunda nokubala, ukwakha uthando lokufunda nokwakha uthando lwemicimbi angaphandle kweklasi. ISebe likhuthaza ulonwabo olusebenzayo nemisebenzi yemidlalo yePhondo. Ulonwabo kunye nemidlalo lukhuthaza iinqobo zokuziphatha zomsebenzi wobomi bonke. Amaziko eSebe enkcubeko aguqulwa aba zindawo zokubekela bucala kunye novalelo ngenxa yesifo esasulelayo kulungiselelwa ulawulo lwezigulane zeCovid-19. ISebe liqhube uqeqesho lolwakhiwo lwekhono kulungiselelwa amagcisa ecandelo lemiboniso.
Okuphambili 4: Ukuzinziswa kwemivuzo yentlali ngeenkonzo zesiseko ezithembekileyo nezilungileyo	Ngokusetyenziswa kweenkqubo ezibandakanyayo zentlalo, iSebe landise imigaqo-nkqubo yokhuselo lwentlalo ngokudanjiswa kokuba sesichengeni kwintlalo kumabhinqa, abantwana, umntwana oyintombazana, abakhubazekileyo, nabagugileyo, ngokusetyenziswa kobugcisa kunye nenkcubeko, kunye neenkqubo zolonwabo nemidlalo.
Okuphambili 5: Uhlanganiso lwesithuba ukuhlaliswa kwabantu kunye nomasipal;a	IProjekti yoThungelwano lwamaThala eencwadi aseMaphandleni iyamiliselwa yaye iyalolongwa kumathala eencwadi karhulumente asemaphandleni. Iprojekti iyandiswa ngokuqaliswa kofikelelo lwebroadband neWi-Fi. Amathala eencwadi amancinane asekwa kwimimandla yasemaphandleni enabemi abangebaninzi ukulungiselela ukunikezela ngofikelelo kumaziko amathala eencwadi. Iiklabhu kwimimandla yasemaphandleni zixhaswa ngokusetyenziswa kweNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu. AmaZiko eNcubeko, amaZiko eMOD, amaZiko eZikolo zoBumelwano anikezela ngeenkonzo zemidlalo nolonwabo kwingingqi zoluntu lwasemaphandleni. AmaZiko aseMaphandleni eMOD abandakanyiwe ngokunjalo kwinkqubo yesondlo. Ngokusetyenziswa kweenkqubo zalo zobugcisa nezenkcubeko, kunye nenkxaso yengxowa-maluii yeSebe ziqinisekisa ngokulondolozwa kwenkcubeko nokukhuthazwa kobugcisa kwizithili zasemaphandleni. ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli yinxalenye ebalulekileyo yocwangciso nolawulo lophuhliso lwezakhiwo. Ngoko iSebe, ngentsebenziswano noomasipala, lijolise ekuqinisekiseni ngokuba ilifa lemveli lihlanganisiwe kucwangciso lwedolophu nolwengingqi, kunye nophuhliso kumanqanaba asekuqaleni ocwangciso. Oku kwenziwa ikakhulu ngenkxaso yogunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo elinoxanduva lolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli.

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
	Unikezelo lweZiko leMidlalo luququzelelwe kubo nabo bonke oomasipala kunye nemibutho emanyeneyo yemidlalo, ukulungiselela uphuhliso nolungelelwaniso lwemidlalo kuzo zonke iingingqi zoluntu kwiPhondo. Amaziko enkcubeko anikezela kuluntu nakwimibutho ngezakhiwo okokuba ziyisebenzisele imisebenzi enxulunyaniswe kwisigunyaziso seSebe. Kunyaka ophantsi kovavanyo, amaZiko eNkcubeko asetyenziselwa indawo zokubekela bucala zeCovid-19. Ngaphezulu, iLifa leMveli eNtshona Koloni liyila iindlela zokuhlanganiswa kwemicimbi yendalo neyelifa lemveli kwinkqubo yocwangciso lwesithuba nophuhliso. Inkcubeko sisithuthi sokunikezela kolwazi kunye neenqobo ezisesikweni zentlalo. Ukukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko nokulondolozo kunceda kuzinziso lwenkcubeko yentlalo yoluntu ethi inikele kuzinzo lokuhlaliswa kwabantu. INkqubo yoLawulo lweRekhodi inceda amaqumrhu karhulumente, kubandakanywa oomasipala, ukulungiselela ukulawulwa kweerekhodi ukuphucula ukuthatyathwa koxanduva kunye nolawulo olulungileyo. ISebe libonise ngokunjalo ukuzibophelela kulungelelwaniso lwe-IDP ngonxibelelwano lwe-IDP kunye nomasipala obelubanjwe ngobuxha-xhaka bekhompyutha ngowama-2020 ngenxa yeCovid-19. Iimyuziyam ezimanyeneyo zeSebe zinikezela ngeenkqubo zemfundo ezithi zikhuthaze usetyenziso oluzinzileyo lwezibonelelo zendalo. Ngaphezulu, iLifa leMveli laseNtshona Koloni liyila iindlela ezilungiselelwe ukuhlanganiswa kwemicimbi yendalo neyelifa lemveli kwinkqubo yocwangciso lwesithuba noohuhliso.
Okuphambili 6: Ulungelelaniso lwentlalo nokhuselo loluntu	ISebe likhuthaza iinqobo ezisesikweni zomgaqo-siseko kunytye nemiqodiso yesiizwe ngokusetyenziswa kwemiboniso, kweenkqubo zikarhulumente, iincoko zoluntu, iinkqubo zemfundo, ulawulo lwezibonelelo zeliifa lemveli, uphuhliso lolutsha, imidlalo nolonwabo, kunye neenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. ILifa leMveli leNtshona Koloni, iShishini likaRhulumente elisekwe ngokwemiqathango yoMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, linoxanduva lokuchonga, lokukhusela, lokulondoloza, lokukhuthaza nokulawula izibonelelo zelifa lemveli ezibalulekileyo ezithi zibonise iinqobo zethu ezisesikweni esabelana ngazo. IKomiti yaMagama eNdawo yeNtshona Koloni ikhuthaza ubandakanyo lwentlalo ngolwazi nenkxaso elungiselelwe inkqubo yokuthiywa ngokutsha. Inkqubo isekelwe zinkqubo zokuthatyathwa kwenxazheba luluntu. Injongo yeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukukhuthaza, ukulondoloza nokuphuhlisa inkcubeko. Inkqubo ezixhaswe yiWCCC

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
	zijolise kukukhuthaza kunye nemisebenzi yokulondoloza nokuzamela ukuyila uncomo nentlonipho yeenkcubeko ezahlukeneyo kwiNtshona Koloni. Ngokusetyenziswa kwesibonelelo sokuhlela, soguqulelo neenkonzo zokutolika, iSebe linikele ngokubhekiselele kubandakanyo/ kuhambelwano lwentlalo ngokuphuculwa konxibelelwano ngeelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni, ngokunjalo noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. ISebe ngentsebenziswano kunye neKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni likhuthaza ukuthethwa kweelwimi zonke, iilwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili kunye noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika ngokusetyenziswa kweenkqubo zalo ukwandisa ulwazi nokusetyenziswa kwezi lwimi kubahlali beNtshona Koloni. Ngokusetyenziswa kophuhliso lobugcisa nenkcubeko neenkqubo zenkuthazo, iSebe linikezela ngamathuba alungiselelwe ulutsha, amabhinqa, abantwana nabakhubazekileyo abaphuma kwiingingqi zoluntu ezahlukeneyo ukulungiselela ukunxibelelana nokufumana amakhono obugcisa nawobomi. La mathuba alungiselelwe abasesichengeni nabanganikwanga amathuba ngaphambili anikezela ngamaqonga onxibelelwano lwentlalo kunye nengxoxo, ngeli thuba eqinisa ubandakanyo/uhambelwano lwentlalo phakathi kweengingqi zoluntu. Iimyuziyam zikhumbula iintsuku ezininzi zesizwe ezikhunjulwayo ngofikelelo kunye neenkqubo zikarhulumente ezikhuthaza ubandakanyo/uhambelwano lwentlalo. Imiboniso ibonisa ikakhulu imiba ebingakhathalelwe ngaphambili yengingqi kunye nembali ezihlangeneyo zoMzantsi Afrika, zinikela ngaphezulu kubandakanyeko/kuhambelwano lwentlalo. AmaThala eencwadi asebenza njengesizinda soluntu akhuthaza nexhasa ubandakano lwentlalo. ULonwabo, iNkqubo yeMOD, kunye nemisebenzi yeMidlalo yeZikolo eqhutywa koomasipala abahlukeneyo luxhasa intlalo elungileyo, unxibelelwano lolonwabo nemidlalo kwiingingqi zoluntu. Imidlalo ngentsebenziswano kunye nemibutho yoluntu iqhubile ukuxhasa uphuhliso lwemibutho emanyeneyo yemidlalo, iimbaleki, abaphathi namagcisa obuchule. Uthatyatho lwenxaxheba sisininzi kwimidlalo nakulonwabo, nakubugcisa nenkcubeko, lunikela lulwakhiwo lobunye besizwe kuluntu olwahlukeneyo, nolulungelelwaniswe ngokwentlalo, yaye iSebe lixhasa oku ngokusebenzisa amalinge alo. IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo elilungiselelwe iMidlalo noLonwabo (2012) liqaqambisa ukubaluleka kwimidlalo ngenjongo zokunciphisa ulwaphulo-mthetho. IiNkqubo zoPhuhliso lweMidlalo zibandakanya ikharityhulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
	zesifundo esijolise ngokunjalo kuphuhliso lwamakhono. Imidlalo iya kuba yinxalenye yenkqubo apho sakuba sinikele kwisiCwangciso soKhuselo sorhulumente weNtshona Koloni ngokubonelelwa kwemisebenzi enxulumene nemidlalo kwiingingqi zoluntu ezahlukeneyo, njengoko kuchaziwe yikhabhinethi. INkqubo yeMOD ibandakanya ikharityhulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso zezifundo ezijolise ngokunjalo kuphuhliso wamakhono okuphila. Abafundi abasahamba isikolo bathabatha inxaxheba kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo kumaZiko asekwe kwisikolo eMOD kunye namaZiko eZikolo zoBumelwane, ngoko iyila indawo ekhuselekileyo nesimo esilungiselele ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimisebenzi ezaliswe lulonwabo, umdlalo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko, ngokunjalo nemisebenzi yemfundo.
Okuphambili 7: I-Afrika engconi neHlabathi	Ngokuxhasa uhlanganiso lwengingqi nelizwekazi, inkqubo yeNyanga ye-Afrika yeSebe ikhuthaza ukuzingca ngobu-Afrika ukukhuthaza ubandakanyo lwentlalo nokuguzula impatho-mbi yabantu abangangcuchalazi kweli lizwe. Inkxaso kwiMibutho eManyeneyo yeSizwe ukuphuculwa ngaphezulu kokuthatyathwa kwenxaxheba kwilizwekazi lase-Afrika. INkonzo yeMyuziyam ikhumbule uSuku lwe-Afrika ngomsitho wenfundo owenziwa kwikhompyutha ngomhla wama-29 kuMeyi 2020. Inkqubo ibandakanye ukuthatyathwa kwenxaxheba kolutsha oluphuma kuyo yonke iNtshona Koloni. Ulutsha luthabathe inxaxheba ngokuzimisela kwinkqubo ngokunikela ngomculo, iingxoxo, ividiyo ezithe cwaka nezibongo ezimemeza uhambelwano lwentlalo nokupheliswa kobundlobongela nongquzulwano.

Ngesithuba sowama-2020/21, iSebe linikele kokuPhambili okuVuselelwa nguMbono kwePhondo (iiVIP) nakwiimixholo yeqhinga:

UMmandla weqhinga	Umnikelo weSebe wama-2020-2021
Ukukhula nemisebenzi	• Ukuxhasa ngemali abasebenzi bethala leencwadi likarhulumente. • I Youth Beyond eyile amathuba kuqala omsebenzi ilungiselela ulutsha olungaqeshwanga. • Amathuba omsebenzi ngokusetyenziswa kwe-EPWP. Amathuba omsebenzi kushishino lokuyila: ukuveliswa kwemidlalo, iminyhadala yeThiyetha, ulawulo lomsitho, iqela labasebenzi bomboniso, uphuhliso lomsebenzi wobugcisa nentengiso. Iinkqubo eziqhutywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha zamiliselwa apho kufanelekileyo ngenxa kabhubhane. • INkqubo yeNkxaso-mali yoBugcisa neNkcubeko inikezela ngenkxaso ukuseka kunye noqeqesho olulungiselelwe amachule obugcisa. Imidlalo, eLifa leMveli nemisebenzi yezinto zakudala, kunye nokhenketho lwenkcubeko.

UMmandla weqhinga	Umnikelo weSebe wama-2020-2021
	• Inkxaso-mali yemidlalo inikezela ngenkxaso ukuseka imibutho emanyeneyo yemidlalo yeSithili, imibutho emanyeneyo yeNtshona Koloni, amaBhunga eMidlalo eSithili, iMibutho eManyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo kulungiselelwa uphuhliso kunye nokukhula kwemidlalo kwiphondo. • Amathuba omsebenzi, uLonwabo, imidlalo, ubugcisa nenkcubeko. • INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo – ukuvala isithuba sethuba. • Ukukhula koshishino lolonwabo nemidlalo, ngenxa yohlobo lwayo kudinga abasebenzi abaninzi, ngokusetyenziswa kweenkqubo zophuhliso lwemidlalo (iNkqubo yoLonwabo, iNkqubo yeMOD, iMidlalo yeZikolo) ezikhokhelela kwingqesho kunye namathuba oshishino kwiingingqi zoluntu. • INkqubo yoPhuhliso loBumelwane.
Ukuxhotyiswa kwaBantu	• Amathala– ayaqhubeka ekhuthaza ukuthandwa kokufunda nemfundo yobomi bonke. • IProjekti yoThungelwano lwamaThala eencwdi aseMaphandleni inikezela ngofikelelo olusimahla lwe-intanetihi ukunceda ukuqukunjelwa kwezicelo zemisebenzi kwikhompyutha, ukufunda kwiinkqubo zekhompyutha, iipotali zokufunda zekhompyutha, njl. njl. • Uthelelwano neSebe lezeMfundo, amaziko eNal'ibali kunye ne-ICAN ukukhuthaza ukukwazi ukufunda. • Inkqubo yoxabangelo kukufunda nezibalo zegreyidi 3 neyesi-4 yeYearBeyond • Unxibelelwano nolutsha olusemngciphekweni kwi-ASP • INkonzo yoLutsha, iYearBeyond, eyila amathuba okuqala omsebenzi alungiselelwe abaminyaka eli-18 ukuya kwengama-25 • Ufikelelo kwingcaciso yovimba olulungiselelwe abaphandi nabafundi • Igumbi lokufundela kooVimba elilungiselelwe uikelelo loluntu kulwazi namakhono • Uqeqesho olunikezelwa kubaxhamli be-EPWP • Ukunikezelwa kwesithuba esilungiselelwe uqeqesho lwenkonzo yangaphakathi • Ukunikezelwa isithuba sabaqeqeshelwa engqeshweni bePAY • Unikezelo lwekhompyutha loLawulo lweRekhodi, uLawulo lweRekhodi, ze-Elektroniki nezifundo zoMabhalane zeNdawo ekugcinwa kuyo iirekhodi ukulungiselela ukuxhobisa abantu. • Isibonelelo samathuba oqeqesho kwabanye abachaphazelekayo • Uqeqesho lwenkqubo yolwaluko. • Ubandanyo lolwimi nenkcubeko umz. Ukuqhutyelwa phambili kokusetyenziswa kweelwimi zemveli ezazilahlekelwe sisidima ngaphambili. • Ubonelelo lweenkonzo zenkaso yolwimi nokukhuthazwa kweelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni, kubandakanywa uLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. • Iinkqubo zolonwabo (ECD, imisebenzi yesisinda). • Imisebenzi yemidlalo kunye neeprojekti ezinikezela amathuba ukulungiselela ukukhula nengqesho. • IiNkqubo zeMOD nezeZikolo zoBumelwane. • UPhuhliso loBugcisa beMidlalo yeQonga – ulwakhiwo lwamakhono • IiNkqubo yeMidlalo yeZikolo (uphuhliso lweKhowudi, uphuhliso lweMbaleki, uphuhliso lwaBaqeqeshi).

UMmandla weqhinga	Umnikelo weSebe wama-2020-2021
	• INkqubo yoPhuhliso loBumelwane. • Isibonelelo semisebenzi yobugcisa nenkcubeko lubeke isiseko esilungiselelwe amagcisa kunye nokuboniswa kwenkcubeko, ukukhuthazwa kwenkathalelo esekele unyamezelo, ulwamkelo nohanjelwano lwentlalo. • Ukuxhaswa kwemisebenzi yenkcubeko kuvumela ukuphuhliswa kwabantu benkcubeko yengingqi nokugcinwa kweentlobo zobugcisa bemveli. • Ukuchanatywa kophuhliso lwamakhono obugcisa ukunikezela ithuba kuphuhliso lwamakhon obomi alungiselelwe ulutsha nokunikela kumathuba kumashishini oyilo. • Ukubonelela ngamathuba oqeqesho kumagcisa asakhulayo. • I-ASP ijolise kulutsha olusemngciphekweni • INkqubo yeNkonzo yoLutsha
Uguquko neNguqu yesiThuba	• ISebe likho kuzo zonke iidolophu kwiPhondo, umzekelo, ngohlobo lwamathala eencwadi, iimyuziyam, okanye ii-ofisi zemidlalo. • Izibonelelo zentlalo umz. Amathala eencwadi, izibonelelo zemidlalo, iimyuziyam, oovimba njl. njl. • Inguqu yesithuba sembonakalo yelifa lemveli ngenkxaso yomsebenzi weziko leHWC. • IZibonelelo zenkcubeko zinikela kuluntu kunye nemibutho yoluntu kune nesithuba esikhuselekileyo semisebenzi ekhuthaza inguqu yentlalo kodwa ezi zakhiwo zasetyenziselwa njengeendawo zokubekela bucala zeCovid-19 ngowama-2020/21. • Amaziko oPhuhliso lweMidlalo (amaziko oLonwabo, iMOD naweZikolo zoBumelwane) kwisithili ngasinye sikamasipala nakuninzi lweedolophu ezikwiPhondo. • Amaziko emfundo yemidlalo eSithili ayafumaneka kuzo zonke izithili ezithandathu kwiNtshona Koloni, axhaswa ngoomasipala abahlukeneyo apho bahlala khona. • Ukukhuthazwa kwezibonelelo kuququzelelwa ngentsebenziswano kunye nabo bonke oomasipala kwiphondo ukulungiselela uluntu ukuba luzuze. Oku kuyinxalenye yonikezelo lwenkonzo yemidlalo nolonwabo.
Ukhuselo noHambelwano loLuntu	• Amathala eencwadi karhulumente anikezela ngesithuba esikhuselekileyo kulungiselelwa abantwana emva kokuphuma kwesikolo kunye namalungu oluntu. • Ukubonelelwa kwamathuba olonwabo, emidlalo, obugcisa kunye nenkcubeko kulungiselelwa iingingqi zoluntu njengenxalenye yokuyilwa kwamaqonga angamanye ukwakha uhambelwano. • Ukuqinisekiswa ngenkonzo ehlangeneyo yoovimba kunye nengcaciso evulelekileyo nefikelelekayo kubo bonke abaxhamli. • Abantu banakho ukufunda ukuba bangobani, ingcaciso yezinto zabo zakudala, imisitho yembali, amaxwebhu amafa afana (iiwili, izaziso zokufa), umtshato, iirejista zokuzalwa nezababhubhileyo ze ngoko babe nengqiqo yokuba bangabaphi. • Isithuba esikhuselekileyo siyanikezelwa, inkonzo esimahla kunye neenkonzo ezandisiweyo. • Inkqubo yophuhliso lobugcisa inikezela ngemisebenzi ekhuselekileyo neyakhayo kulutsha, eyenye kwindlela yokuziphatha etshabalalisayo, amaqonga ayila izithuba ezikhuselekileyo kuluntu okokuba luthabathe inxaxheba kwimisebenzi yophuhliso loBugcisa neyokuthengisa eqhutywe

UMmandla weqhinga	Umnikelo weSebe wama-2020-2021
	ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha apho imithetho yeCovid-19 ithintela unxulumano lobuso ngobuso. • Ukubonelelwa ngofikelelo kwiirekhodi ezingentswela-bulungisa bexesha elidlulileyo nokuxhatshazwa kwamalungelo abantu ukuqhubela phambili ukuphila, ubulungisa noxolelwano. • Unxibelelwano noluntu kunye nemibutho yentlalo yemidlalo ukujhuthaza uhambelwano lwentlalo nolwakhiwo lwesizwe. • Uthelelwano namasebe esisebenzisana nawo ayakhuthazwa ukulungiselela uluntu luzuze nokuyila izithuba ezikhuselekileyo zemidlalo nolonwabo kunye nophuhliso loluntu. • Ulwakhiwo lohambelwano lwentlalo ngemidlalo nolonwabo. • Ulutsha olusemngciphekweni oluchongiweyo ukunciphisa ukungaziphathi kakuhle. • Ukusetyenziswa kwezikolo njengeendawo ezikhuselekileyo kulungiselelwa uluntu olusekwe esikolweni emva kweeyure zesikolo, (okt. AmaZiko oLonwabo, amaZiko eMOD kunye namaZiko eZikolo zoBumelwane kunye nezakhiwo ekwabelwana ngazo) • Ukubandakanyeka kwinkqubo yoPhuhliso loBumelwane.
Inguqu neNkcubeko	• Ukusetyenziswa kwamavolontiya kumathala eencwadi ukwandisa ikhono lokufunda apha kufanekileyo ngenxa yobhubhane. • Ukuqaliswa kwezibonelelo ze-elektroniki ngaphezulu kumathala eencwadi. • Uyilo lothelelwano lwamashishini karhulumente nawangasese. lokunikezelwa kweenkonzo kwinkonzo yolutsha nophuhliso lwemidlalo • Uphuhliso lwezithethe nemigangatho yenkonzo yolutsha. • Ulwakhiwo lwesimo sorhulumente osabelayo kuzo zonke iinkonzo. • Uwakhiwo lothando lokufunda ngokusetyenziswa kwamathala ethu eencwadi, inkonzo yolutsha, oovimba neemyuziyam. • Ukugcinwa ngedijithali kweerekhodi zoovimba. • Imiboniso ekwikhompyutha kunye neenkqubo zofikelelo. • Ukuqiniswa kwenkqubo yoLawulo lweeRekhodi ze-Elektroniki enoxanduva yolawulo olufanelekileyo nolucwangcisiweyo loyilo, lokufunyenweyo, lolongo, lokusetyenzisqa nokulahlwa kweerekhodi ze-elektroniki, kubandakanywa iinkqubo zokuchola-cholwa nokugcinwa kobungqina kunye nengcaciso emalunga nemisebenzi yeshishini neentengiselwano. • ULawulo lweRekhodi ze-Elektroniki. • Inkqubo yokugcina yekhompyutha yamaziko enkcubeko. • Ukubhukisa kwikhompyutha ukuncedwa ngoomabhalane bogcino lwerejista. Ulawulo lwerejista nezifundo zolawulo lweerekhodi ze-elektroniki. • Isifundo esikwikhompyutha soMabhalane bokugcina irejista. • Ukumiliselwa kwe-AtoM • Isizinda sePhondo zeMbali yoMlomo esiya kudwelisa zonke iiperojekti zembali yomlomo eqhutywe eNtshona Koloni. Ukumiliselwa kweemvanyo zohlolo kwikhompyutha ezilungiselelwe ooVimba beNtshona Koloni kunye nee-ofisi zomxhamli zeNkonzo yeeRekhodi. • ULawulo lokuQulathiweyo kwiShishini. • Ukwandiswa kwabasebenzi abanikezelwa yinkqubo yoLawulo lokuQulathiweyo kweShishini (ECM) ukunceda ishishini okokuba lifezekise ulawulo olungcono lwexwebhu kunye nolawulo lweerekhodi.

UMmandla weqhinga	Umnikelo weSebe wama-2020-2021
	• Uyilo lothelelwano kwiYearBeyond • Uyilo oluguqulweyo lwenkxaso-mali luyilo lwelungelo lwentlalo elinikezela ngoyilo lolwabelwano lweendleko phakathi kweWCG, abanikeli nokumiliselwa kweeNGO. • INkqubo yoPhuhliso loBumelwane. • Indlela yeziko lolwabelwano lwamaziko inikezela kubafundi abasahamba isikolo kunye noluntu olusekwe kwisikolo ngolonwabo olulungileyo, kwimidlalo, kubugcisa kunye nezibonelelo zenkcubeko. • Kuphuhliswe inkqubo yezicelo ezikwikhompyutha zenkxaso-mali yeMidlalo ezilungiselelwe imiButho emanyeneyo yemidlalo.

4. INgcaciso yoMsebenzi ngokweNkqubo nganye

4.1. Inkqubo 1: ULawulo

Injongo

Ukunikezela ngolawulo oluveleleyo lwezemali nolawulo lweqhinga kunye nenkxaso yokuphatha kwiSebe leMicimbi yeMidlalo noLonwabo.

Iinkqutyana

Inkqutyana 1.1: I-Ofisi kaMphathiswa wePhondo

Ukunikezela ngolawulo, unxibelelwano nabathengi kunye neenkonzo zenkxaso kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Inkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo lweMali

Ukunikezela ngenkonzo yenkxaso yokulawula imali kwi-DCAS, kuquka iinkonzo zolawulo lwamasolotya amathathu anika ingxelo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Inkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo

Ukunikezela ngenkxaso yolawulo kwiNtloko Eweebe ngokunikezela inkonzo yonxibelelwano olululo kunye neqhinga lecebo lenkonzo yokusebenza, kuquka inkonzo yokubeka iliso neyokuhlola, ukunikezela iinkonzo zokuphucula amanyathelo okunikezela ngeenkonzo, okanye ulawulo olululo okanye unxibelelwnao lukarhulumente/wangaphakathi/nambaxa, nokunikezela iinkonzo zokugcinwa nedawo wokulondozwa kwezinto.

Umnikelo ukuMilisela iMiphumela

INkqubo 1 ixhasa yomithathu iMiphumela yeSebe.

Imiphumela yeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifezekiso ezizizo

IsiCwangciso soLawulo lweMali sisebenza njengesixhobo sokubeka iliso kwiziphumo zophicotho-ncwadi zangaphakathi nangaphandle. Ngokumiselwa kwesicwancgiso, indawo engqonge ulawulo yaphucuka kakhulu. Oku kwakuquka ukubeka iliso ngamandla nokulandela iziphumo ngekota nganye. Kunyaka ophantsi kohlaziyo, kwasetyenziswa zonke izindululo ezaphakanyiswayo

Uxanduva lweNkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo ziquka amanyathelo okumiliselwa kweBatho Pele amalinge kwiSebe nokuBekwa kweliso noVavanyo lwemisebenzi Eweebe kunye nocwangciso kwiimfuno zolawulo lwe-asethi eshukumayo. Yonke imiqondiso yaphunyezwa equkethe uphuhliso, nokwamkelwa kwephepha lamalungelo ngekota zokuBekwa kweLiso kuMsebenzi, kwanokugqitywa kohlolo novavanyo kunye nesiCwangciso soLawulo loMsebenzisi we-Asethi.

Iinjongo zeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifezekiso ezizizo ziboniswe kwezi theyibhile zingezantsi:

Itheyibhile yeMiphumela, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo

INKQUBO 1: ULAWULO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/2021	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso ezizizo 2020/2021	Izimvo ngokunxaxha
INkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo lweMali									
All	IsiCwangciso soNyaka soPhuculo soLawulo lweMali (FMIP)	1.2.1	INani lezicwangciso ezimiliselweyo kulungiselelwa ukuphuculwa kwemiphumela yophicotho-zincwadi nokuncitshiswa kokufunyenweyo kuphicotho-zincwadi okuphakanyiswe nguMphicothi-zincwadi Jikelele kunye nomphicothi-zincwadi waNgaphakathi ukufezekisa inkonzo echubekileyo.	1	1	1	1	-	-
All	Izindululo zoPhicotho-zincwadi ezimiliselweyo.	1.2.2	Ipsenti yezindululo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi emiliselweyo	-	-	100%	97%	-3%	Ngenxa yempembelelo yeCovid-19 iintlanganiso/utyelelo olubanjelwa kwiziko alubanga nakumiliselwa.
INkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo									

INKQUBO 1: ULAWULO									
Umphumela	lingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/2021	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso ezizizo 2020/2021	Izimvo ngokunxaxha
All	INgxelo yoNyaka eya kuBemi; iNgxelo yoNyaka engesiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo	1.3.1	INani lophuculo lwmaxwebhu aqulunqiweyo eBatho Pele/onikezelo lwenkonzo	2	2	2	2	-	-
All	UVavanyo	1.3.2	INani leemvavanyo eziqhutyiweyo (ukubekwa kweliso novavanyo olunxulumene noko)	1	1	1	1	-	-
All	IiNgxelo zarhoqo ngekota zokuSebenza	1.3.3	IiNgxelo zarhoqo ngekota zokubekwa kweliso kumsebenzi eziqulunqiweyo	4	4	4	4	-	-
All	UAMP	1.3.4	INani lee-UAMP ezingenisiweyo	1	1	1	1	-	-
All	Departmental Business Continuity Plan	1.3.5	IsiCwangciso sokuQhubeka koShishino lweSebe sivavanywa rhoqo ngonyaka ze sihlenga-hlengiswe njengoko kuyimfuneko	-	-	1	1	-	-

INKQUBO 1: ULAWULO									
Umphumela	lingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/2021	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso ezizizo 2020/2021	Izimvo ngokunxaxha
All	INgxelo yePERSAL	1.3.6	Inani labaqeqeshwa besengqeshweni beNkqubela Phambili yoLutsha yeNkulumbuso (PAY)	-	-	32	32	-	-
All	IsiCwangciso soNxibelelwano	1.3.7	IsiCwangciso soNxibelelwano seSebe esamkelweyo	-	-	1	1	-	-

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza engaphantsi kweqondo elilindelweyo

Okunye ekujoliswe kuko akuzange ukfezekiswe ngenxa yeCovid-19. Umhla ohlaziyiweyo sele ubekiwe ukufezekisa oku kujoliswe kuko.

Ukusebenza ngokuhambelana neeNgcebiso eziseMgangathweni omiselweyo kunye neMigqalisela yeNgebiso elungiselelwe amaCandelo aneMisebenzi eQhutywa kunye

Akubanga kho ngcebiso zisemgangathweni omiselweyo kunye nemigqalisela yengcebiso elungiselelwe iNkqubo 1.

Unxulunyaniso lokusebenza nohlalo lwabiwo-mali

Inkcitho yenkqutyana yeNkqubo 1: Ulawulo lwaba njengku kulandelayo:

INkqutyana	2020/21			2019/20		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela R'000	INkcitho eyiyo R'000	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R'000	ULwabiwo-mali lokuGqibela R'000	INkcitho eyiyo R'000	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R'000
IOfisi yeMEC	9 239	9 239	-	10 014	9 839	175
IiNkonzo zoLawulo lweMali	32 560	31 737	823	30 246	29 780	466
IiNkonzo zoLawulo	23 127	23 061	66	26 773	26 272	501
Iyonke	**64 926**	**64 037**	**889**	**67 033**	**65 891**	**1 142**

Inkcitho engaphantsi ibangelwe ikakhulu ngenxa yolityaziso kukuzaliswa kade kwezithuba (CoE), kunye neMpahla neeNkonzo ezinxulumene kukuthengwa kwefanitshala ye-ofisi evulekileyo elungiselelwe abasebenzi abaninzi engakhange ibe ithunyelwa ngomhla wama-31 kuMatshi 2021. Isicelo soqengqelo esilungiselelwe inkcitho esele ibotshelelwe ekuthengeni ifanitshala ye-ofisi sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Injongo

Ukubonelela ngeenkonzo zobugcisa nenkcubeko, zemyuziyam, zelifa lemveli, kunye nezinxulumene nolwimi kubemi beNtshona Koloni.

IiNkqutyana

INkqutyana 2.1: ULawulo

Ukubonelela ngenkxaso kulawulo lweqhinga kwicandelo leMicimbi yeNkcubeko.

INkqutyana 2.2: UbuGcisa neNkcubeko

Ukuququzelela uphuhliso, ukulondolozwa nokukhuthazwa kwezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokusekwa kobume obubandakanyayo, namacandelo obugcisa nenkcubeko asebenza ngokufanelekileyo navuselelayo; nokuxhasa nokunceda iKhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni ukuba imiliselo izigunyaziso layo zoMthetho.

Inkqutyana 2.3: IiNkonzo yeMyuziyam

Ukukhuthaza ukukhawuleziswa yenguqu kwilifa lemveli eNtshona Koloni ngokuzisa iinkonzo eziluthotho zolondolozo, ukulondolozwa, ukuphuhliswa nokukhuthazwa kwelifa lemveli kwiPhondo, oko kusenziwa ngokusetyenziswa kweemyuziyam ezimanyeneyo.

Inkqutyana 2.4: INkonzo yolawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli

Ukuxhasa nokunceda iLifa leMveli leNtshona Koloni ukuchonga, ukukhusela, ukulondoloza, ukulawula nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli ezibalulekileyo; ngokuhambelana noMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, 1999; ukuququzelela imiba enxulumene neWorld Heritage Convention Act 1999; ukuququzelela iinkqubo zokubeka emgangathweni okanye ukuguqulwa, apho kuyimfuneko, kwamagama endawo eNtshona Koloni ngokumilisela kwinqanaba lephondo izigunyaziso zoMthetho woMzantsi Afrika weBhunga laMagama eNdawo, 1998.

INkqutyana 2.5: IiNkonzo zeeLwimi

Ukukhuthazwa kokuthethwa kweelwimi zonke eNtshona Koloni ukuphuculwa kokunikezelwa kernkonzo nokufikeleleka; ukukukhuthaza ngamandla ukuphuhliswa kweelwimi zemveli ebezivinjwe amathuba ngaphambil; ukuququzelela ukumiliselwa nokubekwa kweliso kuMgaqoo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni; nokunikezela inkxaso yolawulo kwiKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni ukumilisela izigunyaziso zayo ezisemthethweni.

Umnikelo kwiMiphumela yeZiko

INkqubo inikele kuMphumela 1 weSebe ngokunikezela ngofikelelo kumathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho, kunye neengingqi zoluntu ezikhuselekileyo nezihambelanayo.

Imiphumela yeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo

Impembelelo yesimo sentlekele sesizwe ngenxa yeCovid-19 ixhokonxe iSebe okokuba linciphise ejolise kuko kwalo ngokuhambelana nofezekiso lwesigunyaziso salo somthetho ukukhuthaza ukuthethwa kweelwimi zonke, iilwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili kunye nezidingo zabangevayo. Oku kujoliswe kuko kuncitshisiwe ngoku ukususela kwiiprojekti ezintandathu ukuya kwiiprojekti ezintathu ezifezekisiweyo ngokwangowama-2020/21. Amaqonga angamanye ekhompyutha kunye nentsebenziswano kunye namanye amahlakani aya kufunwa ukulungiselela ukumilisela esi sigunyaziso kwizibonelelo zemali ezincitshiswe kakhulu.

Ngethuba lesimo sentlekele sisizwe, iSebe lifumene izicelo ezihambelana neenkonzo zenkxaso yolwimi. Ngowama-2021/22, iSebe liqhubile ukunikezela ngeenkonzo zenkxaso zolwimi ezingohlobo lokuhlela, ezoguqulelo nemisebenzi yokutolika kwiilwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni kunye noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. Liqhubile ngokunjalo ukuxhasa ukukhuthaza koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni ngokukhutshelwa kwentlawulo kwiKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni, isebe likarhulumente elungushedyuli 3C ngokuhambelana noMthetho woLawulo-mali kaRhulumente, uMthetho 1 we-1999.

ISebe liqhubile ukuxhasa umsebenzi ogunyazisiweyo ngokomthetho ngogunyaziso lwezibonelelo zelifa lemveli lephondo, iLifa eMveli leNtshona Koloni, ngokukhutshelwa

kweentlawulo zonyaka nokubonelela ngabasebenzi abaphuma kwiHRMS ukuqalisa umsebenzi weziko. ICandelo leeMyuziyam, iiNkonzo zeLifa leMveli kunye naMagama eeNdawo linceda ngamangenelo athi anikele kuSahluko seNkcaso sePhondo leNtshona Koloni kunye neprojekti yoMgaqo weNkululeko weLifa leMveli.

INkqubo yoPhuhliso loBugcisa, eqiniswe zizigunyaziso zomthetho kunye neenjongo zeqhinga, iyile inkqubo yophuhliso lobugcisa esekelwe ngeentsika zayo ezintathu zokuchongwa kwetalente, uphuhliso nenkuthazo. Ngokusetyenziswa kwedrama, umdaniso, umculo, ubugcisa bokufunda nophuhliso lobuchule iyunithi ixhibe ngokumilisela iinkqubo zoqeqesho eziya kujolisa ekuphuhliseni amakhono obugcisa olutsha kwizithili zasemaphandleni. Iiprojekti zoqeqesho ziya kuphelela ekuboniseni umsebenzi kwiminyhadala nemiboniso. Inkqubo yophuhliso lobugcisa izamela ukuqinisa uthelelwano lwemibutho yecandelo likarhulumente nelangasese kubandakanywa imibutho yentlalo. Ngenxa yempembelelo etshabalalisayo yobhubhane kuhlahlo lwabiwo-mali lukarhulumente, uhlahlo lwabiwo-mali olusebenzayo ukubheka phambili iya kuchaphazeleka kakubi yaye ngokunjalo nezabelo zeCOE, izibonelelo zayo, ezabasebenzi nezemali, azisayi kuhlangabezana namabango ezithethe ezitsha yaye iyunithi iya kudinga ukuxhathisa kweqhinga kumahlakani ayo kwicandelo. Iyunithi iya kukwenza oku ngokwamkela uyilo lweziko "lothungelwano olulawulwayo" ngokuhambelana namahlakani ayo. Le ndlela iya kuqulatha imibutho engamahlakani, amaziko kunye namaqumrhu ombono wawo ulungelelaniswe nalowo weDCAS yaye ngokusetyenziswa kwezivumelwano ezisesikweni ziya kunikela ngokubhekiselele kunikezelo kwisigunyaziso seDCAS. Ubudlelwane bothungelwano obulawulwayo kunye nonxibelelwano buya kujolisa kwiingcebiso (nayimibutho) – kunye nokumiselwa kwe-ajenda ehlangeneyo – kubandakanywa ubunkokheli obuphuma kwiDCAS ze zenziwe zibe sesikweni ngendlela yezivumelwano.

Ulawulo

INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente idale amathuba omsebenzi engama-366 kwiinkalo zokwenza inkqubo yololongo lwezakhiwo, imiboniso yobugcisa, nolawulo, ilifa lemveli, iimyuziyam, amathala eencwadi noovimba. ISebe liyaqhuba ngokubhekiselela kude imida yophuhliso lwamathuba omsebenzi kwi-EPWP kummandla weMicimbi yeNkcubeko kwiPhondo lonke ngokwandisa amathuba omsebenzi amaninzi nawahlukeneyo.

UBugcisa neNkcubeko

ISebe ngenkqubo yayo yenkxaso-mali yonyaka liqinisekisa ngento yokuba izibonelelo zobugcisa ezifunyenweyo kuzo zonke iingingqi zoluntu. Inkxaso enikezelwa kwimibutho, inceda ekwandiseni ikhono labantu lobomi ngokuyinceda ukuba iqondo, itolike ze ihambelane nehlabathi eliyingqongileyo. Inkxaso yemali ivulela amathuba kubantu abasezidolophini kodwa ngaphezulu kwimimandla yasemaphandleni ukunikezela ngeendawo ezikhuselekileyo yokwakhiwa kwamakhono, ukuzithemba nokuzixabisa ngokusetyenziswa kobugcisa. Inkxaso ekhutshiweyo inceda imibutho okokuba isebenzise ubugcisa ukwenza impilo yomntu ngamnye ibe ngcono nokwakha iingingqi zoluntu ezikhuselekileyo nezisebenzisanayo kakhulu.

Kunyaka ophantsi kovavanyo, iSebe lifumene izicelo ezili-128 ezivela kulo lonke iPhondo yaze iSebe laxhasa imibutho engama-79 ukumilisela iinkqubo zayo kulo lonke iphondo. Imibutho exhasiweyo ibe nakho ukuguqula iinkqubo zazo nemisebenzi ihambelane nemithetho yeCovid-19 njengoko inezibonelelo eziyimfuneko kunye nobuchule enayo. Imibutho ibe

neenkqubo zokusebenza zobuxhaka-xhaka bekhompyutha kunye noqeqesho ngeli thuba eminye benamanani ambalwa akhoyo kwimisebenzi yawo.

ISebe likhuthaza intsebenziswano phakathi kwemibutho kunye neenkqubo njengoko oku kunikezela amava ayilayo nokuyila kunye kwemisebenzi yobugcisa yaye ilithabathela ingqalelo ikhono lobugcisa ukwakha ukomelela koluntu ngethuba lamaxesha amabi nanzima njengoko ingamandla alungiselelwe uvuselelo nempiliso.

Ngoko, kunyaka ophantsi kovavanyo, imisitho yokhenketho engundoqo ayibanga nakho ukuqhubeka ngenxa yezithintelo ezinxulumene nobhubhane. Inkqubo eziqhutywa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha kunye neeseshini zabanjwa ukuzama ukufikelela kubantu kunye nokubonisa ubugcisa. Imisebenzi kule minyhadala ixhibe ukunikezela ngeziubonelelo zoluntu kulo lonke icandelo lobugcisa; kunye nobugcisa/nenkcubeko; uluntu noqoqosho. I Klein Karoo Nasionale Kunstefees (KKNK), iCape Town Internationala Jazz Festival, iCape Town Carnival kunye nemisebenzi yeMinstrel yachaphazeleka sisibhengezo sesimo sentlekele yesizwe ukulungiselela ukunqanda ukusasazeka kweCovid-19 yaye ngoko kufuneka kurhoxiswe iminyhadala zayo. Oku kubeke umthwalo woqoqosho omkhulu kubaququzeleli, amagcisa, abanikezeli benkonzo, nabathabathi-nxaxheba bale misitho ingundoqo.

ISebe lizamela ukuvula amathuba okukhulu, ngoququzelelo lweenkqubo zophuhliso lwamakhono kunye namathuba oyilo lomsebenzi, ukwandisa ukuthatyathwa kwenxaxheba kuqoqosho nokukhuthazwa kwenguqu nokomelela kubume bangaphandle obungxabalazileyo. Ukugxila okukhulu kube kuvuselelo lwezibonelelo, intsebenziswano nothelelwano ukulungiselela ukuhlangabezana nokulindelwe luluntu kunye namabango. Ukufezekisa oku ukuza kuthi ga ngoku, iqela limilisele inkqubo yekhompyutha yezicelo kumjikelo wenkxaso-mali yonyaka yowama-2021/22.

AmaZiko eNkcubeko awanakho ukusebenza ngokwesiqhelo, njengoko ebesetyenziswa njengeendawo zokubekela bucala abantu isithuba esikhulu sonyaka. I Schoemanspoort laliphantsi kohlaziyo laze alabinakho ukusetyenziswa isithuba sonyaka. Oku kube nempembelelo njengoko kungekho ngeniso yololongo ebenakho ukuveliswa. Iindlela ezintsha zenguqu apho amaziko anganakho ukwandisa abaxhamli bayo zisahlolwa yaye isibonelelo senziwe ukulungiselela oku.

Iiprojekti zoPhuhliso loBugcisa zachatshazelwa nguBhubhane we-Covid-19 yaye imithetho yakhe yokuvalwa ngci kwayo yonke into elandelayo. Iiprojekti zekota yoku-1 neyesi-2 yarhoxiswa ze kwaqhutywa endaweni yazo inkqubo yoNcedo yoBugcisa neNkcubeko ejolise ekunikezeleni umqathango woncedo lwentlalo kubasebenzi boshishino lwamagcisa kunye noyilo abachatshazelwe kakubi yimithetho yokuvalwa ngci. Abaxhamli abapheleleyo abangama-582 baxhaswa ngemali yiNgxowa-mali yoNcedo eNtshona Koloni.

Inkqubo yoPhuhliso lweDrama imilisela iiprojekti zayo kwiKota yesi-3 neyesi-4 njengoko izithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into ziyekiswa ukuba ngqongqo. Inkqubo ngoko isajamelene nokuncipha kwenani labathabathi nxaxheba njengabaxhamli lirhoza ngenxa yoloyiko lolwasuleleko. Oku kunyanzelisa uhlaziyo loyilo lomiliselo lweprojekti ze imisebenzi yathiwa thaca kwiqonga lonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha okokuqala kunye nomqathango othile wempumelelo.

Inkqubo yoPhuhliso loMdaniso yaba nakho ukumilisela iiprojekti zayo kwiKota yesi-3. Oku kubangele ukuqaliswa kweKaapse Se Dans Kaleidoscope ejolise ekunikezeleni ngezifundo ezikwikhompyutha ezilungiselelwe abadanisi ababethathe inxaxheba kukhuphiswano

lomdaniso ojolise ekubaluleni iRiel Dans ehlanganiswe kunye nehiphop kunye noMngqungqo wale mihla. Iprojekti yamiliselwa ngentsebenziswano ne-ATKV, Iziko Museums, Artscape, Indoni, Jazz Art kunye ne-Uitsig Riel Dansers.

IiNgqugquthela zoLuntu zoHambelwano lweNtlalo zaqaliswa ngentsebenziswano neKhomishoni yokuKhuthazwa kwaMalungelo eNkcubeko, iNkolo neeLwimi zoLuntu (IKhomishoni yaMalungelo eCRL) kunye neSixeko saseKapa. Oluxhaswe kukugxila kukarhulumente kubundlobongela obusekwe kwisini kunye nokubaliswa kwamabali kugcinwa amabali afundisa iinqobo zokuziphatha.

Inkqubo yoPhuhliso loMculo yaqaliswa kwiKota yesi-3 neyesi-4 njengoko kukho unyenyiso kwizithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into. Ngentsebenziswano kunye noomasipala abachongiweyo, iyunithi iqalise ukhuphiswano lokubhalwa kweNgoma olujolise ekuchongeni italente, lunikele kuphuhliso lwamakhono nenkqubo yengcebiso kunye nabavelisi bomculo abasele bemile kwilizwe. Le nkqubo yamkelwa kakuhle kulo lonke iphondo yaye ababhali abaselula bachanatywa kulawulo loshishino lomculo, ukuqonda imithetho yelungelo lombhali lokushicilela, ukuqaliswa kweqonga ledijithali ukukhuthaza imveliso nokuveliswa kwabaxhamli.

Inkqubo yoPhuhliso loBugcisa bokuFunda iqalise ngeeprojekti kwikota yesi-3 neyesi-4 kunye nocweyo lwababhali abasakhulayo olwabanjelwa kwiThala leeNcwadi laseHarare eKhayelitsha. Ucweyo lwaluxhibe ukunikezela ababhali abasakhulayo ngamakhono ukulungiselela ukwandisa ngobuchule nangobugcisa ikhono labo lokubhala ngokusetyenziswa kweeseshoni ezikhokhelweyo zokubhala, uvavanyo lomqeqeshi ngamnye kumntu ngamnye, iiseshoni zohlelo lweqela lohlelo kunye neentetho zonikezelo zoyilo lomsebenzi wabo. Ucweyo lokubaliswa kwamabali lwabanjelwa eDu Noon yaye lwaluxhibe ukumilisela uthando lokubaliswa kwamabali nokukhuthazwa ukufana kanye kwesizwe.

Inkqubo yolwaluko iqhubile ukunikezela ngesimo esikhuselekileyo nesincedayo kubakhwetha kunye nesiko lenkcubeko. Iingcibi zemveli zisembindini kufezekiso itiletile elikhuselekileyo lokugqitha yaye zithatyathwa njengomthombo wolwazi lwemveli kweli siko. ISebe liqhubile ngokuphuhlisa imigangatho ephantsi yophuculo lwesiko ngokufunyaniswa kweNgcibi okokuba zityumbe amaKhankatha aqeqeshiweyo ze adweliswa kuluhlu okukwiinkcukacha zolwazi. EzeMpilo kunye nemiqathango yothintelo lweCovid-19 ibekelwe phambili ukulungiselela ukunciphisa imingcipheko kwisiko lolwaluko.

ISebe linxibelelana ngokwakaloku nje noomasipala ukulelezela inkxaso yezibonelelo nokuqukumbela izivumelwano ezisesikweni. IKomiti yePhondo yoLungelelwaniso equlathe oomasipala namasebe anezigunyaziso ezikho kuwo onke ammasebe zixhase iinkonzo zolungelelwaniso nezoququzelelo lweenkonzo nezixhobo ukuqinisekisa ngesiko elikhuselekileyo kuso sonke isithuba esiphantsi kovavanyo. Amacandelo olwaluko adlale indima ebalulekileyo yokuhambisa ingcaciso phakathi kweSebe kunye noluntu.

IiMyuziyam, uLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli kunye neeNkonzo zaMagama eeNdawo

Ngowama-2020/2021 iintshukumo ezingazange zibonwe ezithatyathiweyo ukuthoba ulwamvila lobhubhane weCovid-19 zibe nomphumela kukvalwa ngci ngokupheleleyo kwayo yonke into yeemyuziyam kulo lonke ilizwe ukususela ngomhla wama-23 kuMatshi 2020 de kwaba ngumhla wesi-6 kuJulayi 2020, emva kwangoko zaba nakho ukwenza isicelo kuMphathiswa weSizwe wezeMidlalo; uBugcisa neNkcubeko ukuba kuvulwe kwakhona ngiokuhambelana nemithetho yenqanaba lesi- epapashwe kwiGazethi enguNombolo 43507.

Iimyuziyam emanyeneyo yokuqala ukufumana imvume yokuvula kwakhona yaba yiHuguenot Memorial Museum ethe yavula kuphela ngomhla we-17 ku-Agasti 2021.

IiMyuziyam zalahlekelwa zizixa-mali ezibonalakayo kwingeniso kusuku ngalunye oludlulayo lokuvalwa ngci kwayo yonke into kwesizwe. IiMyuziyam eNtshona Koloni zimelene nomngeni kangangoko zinakho yaye zingene kwisithuba sonxibelelwano ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha sofikelelo kuluntu, imiboniso ngekhompyutha kunye nemisitho esasingummandla omtsha kuninzi lwazo. Ngeli thuba le miboniso ekwikhompyutha kunye nemisitho iqinisekisa ngento yokuba uluntu lusafikelela kwiimyuziyam ngethuba lokuvalwa ngci kwayo yonke into, azikwazanga ukulolonga amathuba alahlekileyo engeniso evela kubantu abatyelele iimyuziyam (imirhumo yokungena) ngenxa yokuvalwa ngci. Ukulungiselela ukuba iimyuziyam eNtshona Koloni zibe nakho ukufikelela kwinkxaso-mali yoncedo yokulahlekelwa yingeniso, uMphathiswa u-Anroux Marais wamkele iQhinga leNkxaso-mali yoNcedo lweCovid-19 yeMicimbi yeNkcubeko lowama-2020/21. Ngokunjalo, iqhinga loncedo linikele nge-R 1,305,544.00 ukuqinisekisa ngokuqhubeka koshishino lweemyuziyam kwiPhondo ngethuba nasemva kobhubhane weCovid-19.

Iimyuziyam ezili-19 kulo lonke iPhondo zenze izicelo ngempumelelo zaze zafumana inkxaso-mali yoncedo. Ezi zibandakanya iimyuziyam ezine ezingamanyananga ezizezi: iDistrict Six Museum, iDarling Museum, iSouth African Perfume Museum kunye neSouth African Jewish Museum

ISebe liqinisekise ngokunjalo ngokuba izicwangciso zokusebenza eziyimfuneko zemyuziyam zikho ze labonelela iimyuziyam ezimanyeneyo ngePPE edingekayo ukulungiselela ukuhambelana nalo lonke ukhuselo lwempilo. Oku kwenziwa ukuqinisekisa ngento yokokuba iimyuziyam ezimanyeneyo ziyahambelana nemithetho yesizwe yaye zinakho ukuvula ngokhuselekileyo kuluntu.

Ngaphezulu, iNkonzo yeMyuziyam incede iimyuziyam ezingams-31 kuyo yonke iNtshona Koloni zinenkxaso yomculo, ubuchule bolawulo lokuqokelelweyo, iinkqubo zemfundo, nophuhliso lwemboniso. INkonzo yeMyuziyam ihlawule inkxaso-mali yonyaka kwiiMyuziyam ezili-19 ezincedwa liPhondo kunye nomnikelo woncedo kwiMyuziyam zeNgingqi ezintandathu ngesithuba sowama-2020/21.

Ngaphezulu, iNkonzo yeMyuziyam ngowama-2020/21 iqhube ucweyo ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha kunye nabaphathi bemyuziyam emanyeneyo kunye namalungu equmrhu elilawulayo ukulungiselela ukuxoxa ukumiswa ngokutsha kweemyuziyam kulungiselelwa ukukhula emva kweCovid-19. Ucweyo lunikezele ngoqeqesho kubaphathi bemyuziysm emanyeneyo kunye nabameli bequmrhu lolawulo. Ngaphezulu, abaphathi bemyuziyam kunye nozihlalo bamaqumrhu olawulo lwemyuziyam emanyeneyo baxoxa imicibi ebalulekileyo kunye neSebe.

Uvuselelo ngokutsha lwemiboniso yemyuziyam emanyeneyo lwalityaziswa ngowama-2020/21 ngenxa yempembelelo yeCovid-19. Nangona kunjalo, umboniso wegumbi lolwamkelo lweGeorge Museum wamiselwa ngokutsha ukubonisa imeko yendawo leyo ukulungiselelwa ukubonisa ubukho babantu bemveli ngexesha leVereenigde Oost-Indische Compagnie (VOC) waqaliswa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ngomhla wama-30 kuSeptemba 2020.

INkonzo yeMyuziyam isingethe ngokunjalo imisitho emininzi ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ngowama-2020/2021 kubandakanywa uSuku lweMyuziyam lweHlabathi (olusingethwe ngomhla we-18 kuMeyi 2020), uSuku lukaMandela (olusingethwe ngomhla we-17 kuJulayi 2020), uSuku lwaMabhinqa (lusingethwe ngomhla wesi-7 kuAgasti 2020) kunye noSuku loLutsha (olusingethwe ngomhla we-16 kuJuni 2020).

ISebe liqukumbele ukulungiswa koMthetho weeMyuziyam. IKhabhinethi yePhondo inikezele ngemvume yokuqaliswa koMthetho oYilwayo woLungiso loMthetho weeMyuziyam weNtshona Koloni, 2020, kwiPalamente yePhondo ngomhla wama-28 kuJulayi 2020 phantsi koMzuzu weKhabhinethi onguNombolo 476. Ngomhla wama-30 ku-Oktobha 2020, uSomlomo ubhengeze ukuqaliswa koMthetho oYilwayo woMthetho weeMyuziyam, 2020, ngokuhambelana noMthetho oSisigxina 170(1)(b). Ngomhla wama-31 kuMatshi 2021 uMthetho onguNombolo 2 wama-2021 oLungiswayo woMthetho weeMyuziyam weNtshona Koloni wasayinwa ngokusesikweni waba ngumthetho kunye neGazethi yePhondo enguNombolo 8408 yaye uya kuqala ukususela kumhla woku-1 ku-Epreli 2021.

INkonzo yeMyuziyam iququzelee ngaphezulu ngempumelelo ukungcwatywa ngokutsha kwamathambo kaKoos Sas kwiMontagu Museum. UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo usingethe umsitho wokunikezelwa ngokusesikweni kwamathambo omntu ngomhla wesi-9 kuMatshi 2021 ewanikezela kuluntu eMontagu (iMontagu Museum).

Inkxaso kwiimyuziyam ezimanyeneyo iya kuqhutywa kunyaka-mali olandelayo ngendlela yenkxaso-mali, intengiso nenkuthazo, imfundo noqeqesho, uphuhliso lomboniso, umsebenzi wlondolozo, ukubekwa kwemboleko kwabasebenzi, ukucetyiswa. Apho izibonelelo zikhoyo, iinkonzo ziya kwandiselwa kwiimyuziyam ezingamanyananga ngokunjalo.

ngaphezulu, iNkonzo yeMyuziyam iya kuqhuba isenza umnikelo obonakalayo ngokubhekiselele kuyilo lwemisebenzi kwiPhondo ngokubekwavkwabaxhamli be-EPWP (abaqeqeshwa besengqeshweni) kwiimyuziyam ezimanyeneyo kwiiprojekti ezinxulumene nophicotho-zincwadi nokufakwa kwidijithali koqokelelo lwemyuziyam, ukhenketho, ulawulo nololongo.

I Resistance and Liberation Heritage Route (RLHR) yiprojekti yesizwe eqhubekayo yeSebe lesizwe leMidlalo, uBugcisa neNkcubeko, equlathe ukuqaliswa kumaziko angama-27 okanye kwiindawo ezibalulekileyo ezinxulunyaniswe kwinkcaso yelizwe kunye nelifa lemveli lenkululeko. ISebe liyinxalenye lale projekti yesizwe ukukhuthaza amaziko abalulekileyo anxulumene nenkcaso nenkululeko yelifa lemveli kwiPhondo. IZifundo zokuLungela zaqaliswa kulungiselelwa iMadiba House yeZiko loLungiso laseDrakenstein, eliyinxalenye yeRoad To Freedom: AmaZiko anxulumene neNelson Mandela's Route to Freedom ngomhla we-11 kuFebruwari 1990.; kunye neprojekti ekubhekiselelwe kuyo njengeTussen Die Riviere: kuKhunjulwa ilifa lokuqala lenkcaso ngabantu bemveli eMzantsi Afrika. Imiphumela yazo zozibini izifundo kukuqwalaselwa kokuhlanganiswa kwembali yala maziko kwiRLHR epheleleyo, nendlela elungileyo engakhunjulwa ngayo ze ilawulwe. ISebe liqhubile ngenkxaso yalo yeziko, iLifa leMveli leNtshona Koloni ngokusetyenziswa kwentlawulo yonyaka ekhutsheweyo. I DCAS ngentsebenziswano neLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC) liqhubele phambili kumsebenzi walo kunye neKomiti eQuquzelelayo kwiCradle of Human Culture Tourism Project. IKomiti eQuquzelelayo iqulathe abameli bakaDCAS, HWC, AMAFA Heritage kunye neResearch Institute KwaZulu-Natal, iSebe laseKZN loBugcisa neNkcubeko, SAHRA kunye neSebe lesizwe laMahlathi, ukuLoba neNdalo. IKomiti ixhase ukubandakanywa kwesiSibhudu Cave eKZN kwi-Emergence of Modern Humans World Heritage Site Nomination Dossier. Ukubandakanywa

kweli ziko kuqinisa ngaphezulu uvuselelo lwefayile enika ingxelo elungiselelwe iwonga leWHS ngokwemiqathango yendlelamyokukhetha ye-UNESCO elungiselelwe i-Outstanding Universal Value. Ifayile enika ingxelo ithe yalungjswa phantsi kwesikhokhelo sentshatsheli yeprojekti enoxanduva lweProjekti yoKhenketho ye*Cradle of Human Culture*. Uncedo olungaphezulu kunikezelwe yiHWC olujongene nokuhlaziywa kwesiCwangciso esiHlangeneyo soLawulo loLondolozo. I DCAS neHWC zisebenzisene ukulumgiselela ukusingatha ucweyo lovavanyo kwakhiba liqabane lweFayile inika ingxelo zingcali ezikwicandelo leStone Age Archaeology kunye nophuhliso lwendlela yokuziphatha yabantu bale mihla; ze yanikezelwa ngokuphelela kongeniso kuCweyo loTyumbo lweLifa leMveli leHlabathi oluqhutywa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha olusingethwe liSebe lamaHlathi, ukuLoba neNdalo.

IiNkonzo zeeLwimi

Ukugxila okungundoqo kwecandelo lweelwimi lweSebe kukunikezela ngeenkonzo zoguqulelo, zokutolika nokuhlola/nokuvavanya nokubhaliweyo. Kunyaka ophantsi kovavanyo, iSebe likugqithile okucwangcisiweyo kwalo ebelijolise kuko kwiinkonzo zenkxaso yolwimi ezinikezelwa kwiilwimi ezintathu ezisesikweni kunye noLwimi lweMinwe. Oku kubangelwe ikakhulu kukwanda kwebango elivela kumasebe ephondo leenkonzo zolwimi ukulungiselela ukunxibelelana nabemi ngethuba lobhubhane lweCovid-19. Ekujolswe kuko okucwangcisiweyo kwama-380 kwakugqitha ngoku, okube nesiphumo sokugqibela sama-492 njengoku kulandelayo: amaxwebhu ewonke angama-396 aguqulelwe, amaxwebhu angama-47 ahlelwa/avavanywa okubhaliweyo kunye neenkonzo zokutolika zanikezelwa kumathuba angama-49, kubandanywa ukutolika kuLwimi lweMinwe loMzantsi Afrikan including interpreting in South African Sign Language (SASL).

I-Better Together Games (BTG) ibanjwa rhoqo ngonyaka. Ngenxa yemithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into yeCovid-19 ethintela iindibano zemidlalo, iSebe linyanzeleke ukuba lirhoxise yonke imisitho emithandathu yeBetter Together ukuqinisekisa ngokhuseleko lwabo bonke abathabatha inxaxheba nokuhambelana nemithetho ekhoyo.

AmaBhaso eMidlalo

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21 imithetho yeCovid-19 yokuvalwa ngci kwayo yonke into ibeko unqunyanyiso lwesiquphe kuyo yonke imisebenzi yemidlalo kulo lonke ilizwe. Ngenxa yoku iSebe lithabathe isigqibo sokungawasingathi amaBhaso oNyaka ngendlela eliqhele ukuyisingatha ngayo. Umsitho omncinane wamabhaso wasingathwa ngoko apho uMphathiswa u-Anroux Marais wanikezela amabhaso amaninzi amaBhaso eSincomo kwiimbaleki kunye naBaphathi ababonakalise ukuzibophelela okugqwesileyo kwicandelo lemidlalo ngokusetyenziswa kwendlela yabo yokuzimisela ekuxhaseni iimbaleki ngethuba leCovid-19.

Uluhlu lweZincomozoMphathiswa

- Corne Bence (Western Cape Cycling)
- Zelda Hansen (DISWEC)
- Mpumelelo Mhlongo (DISWEC)
- Corena De Beer (WP Blackpowder Shooting)

UMphathiswa Marais ube nethuba ngokunjalo lokunika uncomo kumalungu ecandelo lemidlalo leNtshona Koloni athe asweleka ngesi sithuba.

Uluhlu lokuHlonitshwa:

- Stanley Henkeman - SA Transplant Sport Association.
- Winston Balada - WC Transplant Sport Association;
- Malcolm David Siegel - Cape Town Bridge Union;
- Jane Mandean - WP Sport Association for the Physical Disabled and Visually Impaired;
- Sebastiaan Goliath - WP Sport Association for the Physical Disabled and Visually Impaired;
- Louwtjie Hugo - CW Jukskei;
- Samuel Andrews- CW Darts;
- Magdalene Keet - CW Darts;

- Peter Daniels -Journalist;
- Ivan Pekeur- Boland Rugby;
- Linda Mase - SAFA CW;
- Manie Pietersen - SAFA CW;
- Thembelani Swangaza - SAFA CW;
- Errol Nichollis- Overberg Sailing Federation;
- Cornelius Malgas - West Coast District Office;
- Rodney Williams - Chess;
- Dr Eustace Moses - Chess;
- Arthrob Petersen - Rugby;
- Anele Ngcongca - Bafana Bafana;
- Mzamo William Mandyu - Boxing.

Izibonelelo

Ukuqinisekisa ngento yokokuba imidlalo nolonwabo loMzantsi Afrika ixhaswa zizibonelelo ezaneleyo nezilolongwa kakuhle, iDCAS incede ooMasipala abasixhenxe abangaba; Laingsburg, yaye inkxaso-mali echongiweyo yeNetball Legacy yabelwa koomasipala owaseSwellendam, Cape Agulhas, Hessequa, Langeberg, Knysna kunye neSaldahna Bay.

Amaziko emfundo

ISebe kunye nabachaphazelekayo balo liqhubile ukulungelelanisa nokuqinisekisa ukusebenza kwenkqubo yamaziko emfundo ngokuncedwa kweembaleki, abaqeqeshi, kunye nabalawuli bemidlalo kwei zithili zilandelayo: i-Eden (Oudtshoorn), Central Karoo (Beaufort West), West Coast (Saldanha Bay), Cape Winelands (Paarl), Overberg (Bredasdorp), kunye noMasipala oMbaxa waseKapa (eKapa). Lanmaziko emfundo esithili axhaswa yiWestern Cape Sport Academy (WECSA) kwinkqubo yenkxaso yemidlalo kwiphondo. Nangona kukho uphazamiso olubangelwa yintsholongwane yeCovid-19, inkqubo amaziko emfundo iqhubile ukunikezela ngenkxaso eyimfuneko yenzululwazi neyonyango ngalla mathuba anzima. Iinkonzo ezinikezelwe ngesi sithuba zibandakanya inkxaso yonyango neyenzululwai amakhono obomi, okuqeqesha, okukhlola. Kunye neekampu zoqeqesho. Iinkonzo zinikezelwe ngokunjalo kwiimbaleki ezibalekayo zePhondo namaqela. Amaqela amabini ephondo ebhola yomnyazi athe akhuphisana kwiligi yesizwe angala, Tornados (aphumelela iibronzi) kunye neSouthern Stings (ephume kwindawo yesine) axhaswa yiWECSA.

I-Western Cape Government Gymnasium

Ukuthamba kudlala indima ebalulekileyo kuRhulumente weNtshona Koloni ngokulolonga impilo nempilo-ntle yabasebenzi ngokuququzelelwa kwempilo-ntle nenkqubo yokuphila qete ezilungelelanisiweyo ngabaqeqeshi bejim. Yonke le misebenzi kufuneka isiwe kwikhompyutha ngenxa yobhubhane. Nangona oku kubangela umngeni ekuqaleni, iinkqubo zibonakele zingundonqo kuvuselelo lwabasebenzi okokuba bathabathe inxaxheba kwimisebenzi yokuphila qete ze bahlale bevuselelekille ngeli thuba basebenzela ekhaya.

Izicwangciso zoqeqesho zibe nale mixholo ilandelayo ukufcina amalungu ephile qete, engenaluxinzelelo emphefumlweni yaye evuselekile:

- Uvuselelo lokuPhila qete kokuvalwa ngci kwayo yonke into.
- Izixhobo zokuthamba ube nazo ekhaya.
- Isicwangciso sendlela yokutya.

Igumbi elinoomashini bokuthamba (ijim) liyazidla ngokunceda ngokuthe gqolo iijim zoluntu ngobuchule kunye bezipho zezixhobo.

EPWP

ISebe lifumene iingxowa-mali ze-EPWP ngoMnikelo we-EPWP yeSebe lleMisebenzi kaRhulumente ukulungiselela ukuyilwa kwengqesho, ulwakhiwo lwamakhono, ukuthengwa kwezixhobo nempahla kunye nokuphawula kwiCandelo: ukuKhuthazwa kweMidlalo.

ULONWABO

IMidlalo emithandathu yeMveli yeSithili ibixhitywe ukuba iqhutywe ngoJuni 2020, ngoko ngenxa yobhubhane weCovid-19 uninzi lwemisitho lwemidlalo yemveli yesithili yarhoxiselwa uSeptemba 2020. Kamva, oku kwarhoxishwa ngaphezulu njengoko ilizwe liqhubeka ukufumana iimpembelelo zeCovid-19 yaye nezithitelo zinike into yokuba imisitho irhoxiselwe uMatshi 2021. NgoMatshi 2021 xa ilizwe lalibekwe kwinqanaba 1, zonke izithili zisingethe ngempumelelo imisitho yeMidlalo yeMveli ngeli thuba lilandela ngokungqongqo imithetho yempilo nokhuseleko kwiCovid-19. Inqanaba elilandelayo lokuthatyathwa kwenxaxheba elifana nemisitho yeMidlalo yeMveli yePhondo neSizwe yarhoxiswa yonke ngenxa yobhubhane weCovid-19.

Ngomhla wama-24 kuSeptemba 2020, icandelo leMidlalo yeMveli lisingethe imisebenzi yentengiso esekwe kuluntu kwiNyanga yokuKhunjulwa kweLifa leMveli ngokusetyeziswa kwemidlalo yemveli. Uninzi lwale misitho lulungelelaniswe ngamacandeli ekhowudi yeMidlalo yeMveli kwizithili ezahlukeneyo noluntu lwengingqi. Nangona amananye ayenyiniwe, uninzi lwaba nosuku oluzaliswe lulonwabo lithemba lokuqaliswa kwakhona kwemisebenzi kwixesha elikufutshane elizayo.

Amacandelo eKhowudi yeMidlalo yeMveli yePhondo abambe iintlanganiso zawo zonyaka ngesithuba sikaMatshn 2021. Ezi ntlanganiso zaguqulelwa ekubeni zibe ziintlanganiso ngokubanzi zebhunga zaba zintlanganiso zamalungu esigqeba yaye zonke zasingathwa ngokusetyenziswa kwamaqonga onxibelelwano olwenziwa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha ukuphatha nokulawula nawaphi na amathuba alungiselele ukusasazeka kweCovid-19.

Ngo-Oktobha 2020, iSebe lisebenzisene kunye neklabhu yeembaleki ukukhuthaza umsitho wePhondo we-Virtual Big Walk ukunika ingqwalasela kuSuku leSizwe leBig Walk. Ngokunjalo, phakathi kuka-Oktobha noDisemba, ezinye izithili kwiphondo zisingethe iiVirtual Big Walks. Zonke ezi zafezekiswa ngothelelwano ngeklabhu yeembaleki ephuma kummandla wengingqi kunye/okanye umasipala wengingqi. Kwakhona, uthelelwano lobudlelwane phakathi korhulumente nomnye kunye noorhulumente baqhubeka. Umsitho ongundoqo weBig Walk, owawubanjelwe kuMasipala oMbaxa waseKapa, apho iDCAS isebenzisana iklabhu yeembaleki ye-ARD kunye neWestern Province Athletics Federation. Umsitho uqhubeka isithuba seeveki ezi- 3 yaye abathathi-nxaxheba bebedingeka ukuba babhalise ngokusebenzisa ikhompyutha ukuqinisekisa ngokuthabatha kwabo inxaxheba. Lo msitho utsale umdla wabathathi nxaxheba abangama-836 kwisithuba seeveki ezintathu. Amacandelo amathathu afumaneka alungiselelwe abathathi-nxaxheba, angala, ukuhamba/ukubaleka kokuzonwabisa umgama osisi-5km kunye nomgama we-10km nowe-15km. Kuyabaluleka ukwenza ezi Big Walks ngendlela yobuxhaka-xhaka bekhompyutha ukuzigcina ukwimida yemithetho nemigaqo yokusabela kwimithetho yeCovid-19. UMphathiswa Anroux Marais waba yinxalenye yomsitho osesikweni weemedali owathi

wabanjelwa eGrassy Park. Njengenxalenye yenkxaso yakhe kunye nephulo lempilo entle yokuphila, uMphathiswa ubulele bonke abathabathi nxaxheba kunye namahlakani ngokuba ngoongqa phambili nokomolela ngethuba lobhubhane otshabalalisayo yaye ukwandisa, ngokubonakalisa ukufaneleka kwamanqanaba olonwabo nemidlalo kwesi "siqhelo sitsha".

Ngaphezulu, iSebe lisingethe ngokunjalo umsitho iNRD. I NRD ibangelwe ukukhuthaza ukuphila okuthe qete nokusempilweni nokunikezela ngemisebenzi yolonwabo ngenjongo yokuhlanganisa usapho kunye namalungu oluntu. Lo msitho wabanjwa ngentsebenziswano neeNGO, iSebe leMfundo leNtshona Koloni kunye ne-loveLife. Intsebenziswano iqinisekise ngento yokuba iindima ezahlukeneyo zimiliselwe, yaye izibonelelo zandiswa okusingatha zalo misitho obe nempumelelo. IKampu yoLutsha njengenkqubo yeSizwe yarhoxiswa ngenxa yobhubhane weCovid-19.

INKQUBO YEMOD

INkqubo yeMOD yinkqubo ecwangcisiweyo, yasemva kokuphuma kwesikolo, esekwe kuthatyatho-nxaxheba lwesininzi ethi inikezele kulutsha olusesikolweni ngofikelelo kwimisebenzi ecwagcisiweyo eyahlukeneyo, yemihla ngemihla, ezele lulonwabo, eyemidlalo, eyobugcisa nenkcubeko.

Ukuyilwa kobume obuncedayo kumaZiko eMOD yenkqubo eqhubekayo edinga ukufunwa okuqhubekayo nokugcinwa koluitsja kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. Amaqhinga amaninzi alungelene noluntu lwengingqi nganye aphuhliswa ukukhuthaza ukuthatyathwa rhoqo kwenxaxheba nokuthe gqolo kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo.

INkqubo yeMOD ikhuthaza ifilosofi neenqobo ezisesikweni zendlela yokuphila esempilweni, umsebenzi wobomi bonke, kunye nemfundo yobomi bonke. Ijolise kuphuhliso lwengqondo lomzimba nomphefumlo kunye nempilo-ntle yabathabathi nxaxheba yayo kunye neengingqi zoluntu apho amaZiko eMOD asebenza khona. Inkqubo inikezela ngokunjalo amathuba emisebenzi yaye abaqeqeshi anikezelwa ngamathuba olwakhiwo lwamakhono athi ababonelele ngokunjalo nolutsha abasebenza kulo abaqeqeshi.

Le nkqubo isingethwe kulo lonke iPhondo leNtshona Koloni, apho amaZiko eMOD akhoyo mhlawumbi kwiSikolo saseprayimari, okanye kwiSikolo saMabanga aPhezulu. Ngokubanzi, amaZiko eMOD asekwe kwiZikolo zaseprayimari asebenza njengomondli kumaZiko eMOD asekwe kwiZikolo zaMabanga aphezulu ezisebumelwaneni. Ngale ndlela, umfundi unikezelwa ngethuba lokufikelela oluqhubekayo nokuchanatywa kumathuba anikezelwayo kusetyenziswa iNkqubo yeMOD, ukulungiselela ixesha elandisiweyo. Abathabathi-nxaxheba bayakhuthazwa ngokunjalo okokuba bajoyine iiklabhu zemidlalo ezahlukeneyo, ezobugcisa nezenkcubeko ezikwiingingqi zabo zoluntu ukukhuthaza umsebenzi wobomi bonke. Ufikelelo kwezi klabhu lwenziwa lula ngeNkqubo yesikolo soBumelwane.

AmaZiko eMOD asekwe eprayimari ekummandla ezazivinjwe amathuba ngaphambili. Obu bubume uninzi, ukuba ayingawo onke, amaZiko eMOD ahlala kubo nalapho kungekho zakhiwo zilungileyo, izibonelelo nokhuseleko, lugqubayo. Nangona kukho ez ngxaki nezi meko, ngobukho bobuntu obunale miba efana nonyamezelo, uthando olungazenzisiyp nokuzibophelela, inani labathathi-nxaxheba libonise amakhhono neetalente, ngokunjalo nokuba nekhono lokuphuhla ngakumbi. Ngokuchongwa kweetalente ezahlukeneyo kunye neenkqubo zophuhliso lwetalente, abathathi-nxaxheba babonise ikhono lokuphuhla ngakumbi benalo ithuba lokbonisa nokuqhubela phambili amakhono abo kunye neetalente kwimisebenzi yenqanaba elilandelayo lokuthatyatywa kwenxaxheba.

Ngenxa yobhubhane weCovid-19, imisebenzi ayibanga nakno ukuqhutywa ngesiqhelo. Abasebenzi beNkqubo yeMOD babandakanywa kwiinkqubo zoncedo zokuzondelelwa kwamalungelo abantu kwiingingqi zabo zoluntu.

INkqubo yeMOD ifezekise ngokunjalo okulandelayo ngesi sithuba sowama- 2020/21:

- Uncomo loMphathiswa;
- Ulwakhiwo lwamakhono lwabaqeqeshi; kunye
- Ukuphuculwa kobudlelwane namahlakani.

UMnikelo oneMiqathango we-EPWP

ISebe lifumene ngokunjalo iingxowa-mali ze-EPWP ngokusetyenziswa koMnikelo weNkuthazo weCandelo leNtlalo le-EPWP, kulungiselelwa ingqesho kwiCandelo lalo: leenkqubo zoPhuhliso lweMidlalo. Isabelo soMnikelo weNkuthazo se-EPWP sisekwe kukusebenza okufanelekileyo kweSebe kwiminyaka-mali edlulileyo. Inkuthazo sisabelo esangezelelweyo sohlahlo lwabiwo-mali, engaphezulu kwisiseko esabelwe kwiSebe.

IMIDLALO YEZIKOLO

Ngenxa yemithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into yeCovid-19 kunye nezithintelo zonke iintshatsheli zeSizwe zeMidlalo yeSikolo zarhoxiswa ngowama-2020, ngokunjalo ngekota yoku-1 kowama-2021. Ngoko, imidlalo yokhuphiswano yephondo kunye/okanye nemidlalo ayizange iqhutywe. I DCAS ijolise kwiinkqubo zokubuyela kuqeqesho nezobuyela kumdlalo njengoko zivunyelwe kwizikhokhelo ezihlaziyiweyo, njengoko izithintelo zipheliswa. Ekuqaleni, ugxilo belukwiikhowudi ekungekho kubambana.

Le nguqu yokugxila ebangelwe yiCovid-19, ivelise iinguqu ezilandelayo nolwamkelo:

- Inguqu kwimidlalo yephondo yokhuphiswano, ukulungiselela ukukhethwa kweembaleki ezinetalente kwizithili ekujoliswe kuzo, ezifanelekilyo kwiikhowudi ekugxilwe kuzo;
- Imisebenzi ekuhlanganiswe iqela/isithili ukuthabatha inxaxheba ngowama–2020/21, ukususela ku-Oktobha 2020 de kube nguMatshi 2021.
- Indlela kucwangciso ejolise kakhulu kwimbaleki nakumqeqeshi; yaye
- Nokudityaniswa kweewebhina eziqhutywa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha, ezibandakanya uqeqesho lootitshala namavolontiya ukunceda ngomiliselo lweMidlalo yeSikolo.

UPhuhliso loBumelwane

Inkqubo incede ngophuhliso lobumelwane nohambelwano lwentlalo. Isebenzisene nawo onke amaqela afanelekileyo kubumelwane obuli-12 yaye incedwe ngonikezelo lwezibonelelo zabantu nezakhiwo ukwandisa oko kwenziwayo ngokwakaloku nje; ze izalise izithuba ezikhoyo kubumelwane. Inkqubo isebenzisa imisebenzi yolonwabo, ihlenga-hlengis imisebenzi, imisebenzi yezakhiwo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa nenkcubeko ukukhuthaza ukusondelelana phakathi kwabantu, ngokunjalo nokuba yimbumba yamanyama, imbeko omnye komnye kune nengqiqo; kunye nentlonipho yemfezeko nesidima sabantu.

Iziko leMOD kunye nelinge leziikolo zobumelwane kunye nendlela, ihlanganisa yonke imiba yomthabathi-nxaxheba wesithuba eside kunye nesicwangciso sophuhliso lomqeqeshi. Ngoko, indlela ihlanganise amalungu afanelekileyo oluntu kumalinge ayo. Ngokwenza oku, incede

ngeenzame zokumanyanisa ubumelwane ngokusebenza okubhekiselele kwinjongo efanayo yaye nfoko kuphuculwa ulungelelwaniso lobumelwane.

Kule msebenzI esekwe kubumelwane kunye nokhuphiswano, izikolo kunye neeklabhu ezi kubumelwane obunye zithabathe inxaxheba kunye yaye zakhuphisana esinye nesinye. Ngaphezulu, iZiko elinye leMOD, elisekwe kwiSikolo sePrayimari esebumelwaneni, kunye neZiko leMOD, elikwiSikolo saMabanga aphezulu esisebumelwaneni, liseke isazulu esingongqwe zezinye izikolo zobumelwane.

Ngaphezulu, nangona ezi zikolo zibini sisenza isiseko sengqikelelo ebhekiselele kuyilo lweklabhu, ezi zikolo zobumelwane zenza inxalenye yengqikelelo. Kwinkqubo, onke amaqela anomdla abandakanyekayo, ze aqulunqe iklabhu esekwe kubumelwane. La maqela anomdla abandakanye amacandelo afana nabathabathi benxaxheba abasebenzayo leSikolo sasePrayimari nbaSikolo saMabanga aPhezulu esifanelekileyo kunye nabamiliseli, ngokunjalo nezikolo zobumelwane kunye nabanye ubumelwano obunomdla namalungu oluntu nootitshala.

Okulandelayo kubandakanywa kokufezekiswe yeNkqubo yoPhuhliso loBumelwane ngokusetyenziswa kwendlela engasentla:

a) Ukuyilwa kweendawo ezikhuselekileyo nobumelwane obulungelelanisiweyo;
b) Ulwakhiwo lwezibonelelo zemidlalo zolwabelwano kwizithili ezahlukeneyo njengoko bekubonisiwe ngaphambili oluncedwa kokuchazwe apha ngasentla. Ukuqwalaselwa kwentswela-ngqesho nokungabinayo imisebenzi;
c) Ukuqwalaselwa kwempilo embi, ubukho obukwinqanaba eliphezulu leHIV/AIDS kunye namanqanaba aphezulu obundlobongela nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi;
d) Ukuqwalaselwa kokungabikho kofikelelo kumathuba emidlalo nenkcubeko, ngokubonelwa kwamaziko olwabelwano emidlalo kwizithili ezichongiweyo;
e) Ukuqwalaselwa kokungabikho kwemfundo yokuthamba kunye nemidlalo kwizikolo;
f) Ukuqwalaselwa kokungabikho kwemfundo yokuthamba kuPhuhliso loBuntwana lwaNgethuba; kunye
g) Nokuqwalaselwa okokungabikho koyilo lweklabhu kwiingingqi zoluntu kunye nenguqu kulonwabo nakwimidlalo.

Le nkqubo yamkelwa nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, uNksk, Anroux Marais, ngokufezekisa uncomo loMphathiswa. Oku kubonisa umsebenzi ogqwesileyo owenziwayo kubumelwane/kuluntu olulfanelekileyo lwePhondo.

IMidlalo yeZikolo neNkxaso yokuThatyathwa kweNxaxheba

Iimbaleki/izikolo ezininzi ziqhubile ukuphuhlisa ngaphezulu ngokusetyenziswa kwenkqubo yeMidlalo yeZikolo kwiPhondo. KwiMidlalo yeZikolo, kukho indledlana eyiliweyo kulungiselelwa iimbaleki ezisesikweni ezinentalente okokuba zichanatywe kukhuphiswano kwinqanaba leklabhu neleemanyano, ngoko zichanatywa ukulungiselela amathuba angaphezulu okuchongwa kwetalente. Oku ngokunjalo, kunokukhokhelela kumathuba angaphezulu ukuphuhlisa nokukhuphisana kwimisebenzi yenqanaba elilandelayo. Kwimidlalo, la mathuba aqhutywa kusetyenziswa iiHPC ezithe zasekwe ziiManyano ezahlukeneyo. Amathuba oqeqesho anikezelwe yiMidlalo yeZikolo ancede ngokuxhobisa nabaqeqeshi abafanelekileyo okokuba banikezele iinkonzo kubafundi abasesesikolweni bePhondo.

Umzekelo wempumelelo kwiindlela zeMidlalo yeZikolo, luqukuqelo oluqhubekayo lwabathathi benxaxheba ngokusetyenziswa kwenkqubo ethi ifaneleke ukuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba elilandelayo, ingabi kwimidlalo kuphela, kodwa ngokunjalo kubume bemfundo ephezulu, ngokunjalo nelizwe lobume bokusebenza.

Inani laba bathabathi nxaxheba lingumzekelo oqaqambileyo obonisa ukuzimasa rhoqo nokuqhubekayo kwiZiko leMOD kunye/okanye iZiko leSikolo soBumelwane kunye neKlabhu efanelekileyo yoBumelwane linakho ukukhokhelela kwinqanaba eliphezulu lemfezeko nempumelelo. Uninzi lwabo luqalile ukuthabatha inxaxheba kwiZiko leMOD leSikolo sasePrayimari ze luqhube ngokuthatyathwa kwenxaxheba xa luthe lwaqalisa ukuya kwiZiko leMOD yeSikolo saMabanga aPhezulu. Ngaphezulu, luyinxalenye yeKlabhu yoBumelwane, ngeli thuba bese kwisikolo sasePrayimari okanye kwiSikolo saMabanga aPhezulu.

Ngaphezulu, iMidlalo yeZikolo, ngelinge laye leNkqubo yeSikolo soBumelwane, ngentsebenziswano neNkqubo yeMOD, iyile ze yaseka inani leeklabhu ezintsha kulo lonke iPhondo. Oku kunceda ngaphezulu ngokuyila kofikelelo olungaphezulu kumathuba alungiselelwe iimbaleki ezisesesikolweni ukuthabatha inxaxheba kwiligi yeemanyano. Ngaphezulu, oku kufanelekile ingakumbi kwiikhowudi eziphambili ezili-16.

Ngokusetyenziswa kwelinge leNkqubo yeSikolo soBumelwane, iSebe lisingethe, ngentsebenziswano yamacandelo nemanyano yemidlalo yephondo, imisitho yezithili yokuchonga iitalente ezahlukeneyo ukususela ngo-Oktobha 2020, elungiselelwe iimbaleki ezisesesikolweni ezinekhono. Oku kubayilele ithuba lokuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yenqanaba elilandelayo, ngeli thuba ngokunjalo linceda kufezekiso "lweSizwe esiPhumelelayo". IiHPC ezisekwe kwimanyano ziyaqhuba ukunceda nokuxhasa le nkqubo yaye zidlala indima ebalulekileyo kulo mba.

EMVA KOKUPHUMA KWESIKOLO KUNYE NE-OFISI YOLUTSHA

I-Ofisi yaseMva kokuPhuma kweSikolo neyoLutsha iyile ubume obuncedayo obulungiselelwe iiNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo ezifana neMOD ukuzamela ukunikezela kummandla wemfundo eyandisiweyo kunye nenkonzo yolutsha kwiPhondo.

Ngokuvalwa kwezikolo nokuboniswa kwemisebenzi yemidlalo nobugcisa ngowama-2019/20 kubonakele kungumngeni nonyaka onebango kwiiNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo. Ekugxilwe kuko kuguqukele kwiindlela zenguqu zenkxaso-mali ukuqinisekisa okokuba abafundi bahlala bethungelene kukufunda ngokujolisa kukusebenza noluntu, iintsapho nabafundi ukuxhasa ykufunda ekhaya.

Iforam yothelelwano yeManco esebenze ngamandla ukuxhasa icandelo okokuba lihlale lithungelene kubafundi nokuqinisekisa ngokomolela kwecandelo kubume obuguqukileyo.

I-Ofisi yeNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo isebenza nabachaphazelekayo ukuseka ipotali yekhompyutha kunye nendawo enye ekufumaneka yonke into elungiselelwe abantu ngabanye nemibutho ukufikelela kokuqulathwe kwinkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo. Ukunika ingqwalasela kumawaka eentsapho kunye nabafundi abangafikeleliyo kwikhompyutha le nkqubo yaxhaswa ngemithamo emithathu yezibonelelo ezishicilelweyo, iTreasure Box. Le ifikelele kubafundi abangaphezulu kwama-68 000 kuyo yonke iNtshona Koloni ngokusetyenziswa kothungelwano lweeNGO kunye nezikolo. I-Treasure Box ichongwe njengegqwesileyo kwiBhaso lokuGqibelela kweNkonzo kwicandelo leQela elingqunga phambili: Inguqu.

Ekujoliswe kuko kukufundeka ekhata kwamkelwa ngokunjalo yinkqubo yemfundo yesikolo saseprayimari yeYearBeyond ephuhlise izibonelelo zokufunda nokubala @ekhaya kulungiselelwa abafundi amabasebenzele kuko ekhaya nabazali, abamelwane kunye/okanye abantakwabo.

Inkqubo yokufunda yesikolo samabanga aphezulu ikhethe ukuxhathisa ngothando olugqithileyo lwabafikisa kupapasho lweselula nokuphuhlisa inkxaso yemathematika ngoWhatsApp olungiselelwe abafundi begreyidi yesi-8 neyesi-9. Isithuba sedijithali nokuqulunqa umsebenzi wezifundo ngoWhatsApp.

Ngowama-2020 kuqaliswe ngephulo lokuqala loMzantsi Afrika ukukqaqambksa ukukhanya kwinkqubo yokuPhuma kweSikolo. Eli phulo liqhutywe ngempumelelo amashumi eminyaka e-USA. I DCAS iqalise ngephulo eNtshona Koloni engumqondiso wokhanyiswa kwwiziko laseMc kokuPhuma kweSikolo.

Ukucwangciswa nokwabelwana ngengcaciso emalunga necandelo kususela ingummandla ekujoliswe kuwo. Ngowama-2019/20 iiNGO ezingama-284 zacwangciswa kwi-Edu-collaborate.

Ukwakha kokuphume kwiSimpoziyam ebibanjwe ngowama-2019, iSimpoziyam yokuqala yePhondo yaseMva kokuPhuma kweSikolo yasingathwa ngo-Oktobha ngentsebenziswano neCape Higher Education Consortium neYunivesiti yaseStellenbosch. Lo msitho weentsuku ezimbini obanjwe ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha wazinyaswa ngabaththi-nxaxheba abangama-300 yaye ijolise kukubaluleka kwecandelo nendlela elithe lasabela ngayo kwiCovid. I Simpoziyam iqukumbele ngembophelelo evela kubo bonke abachaphazelekayo yokuphakamisa uphando. Ingxelo yokuqukumbela inakho ukufumaneka kule dilesi ilandelayo: https://drive.google.com/drive/folders/1luW_OnLJIFvZmKEtYuXF-ZR3INJycHH3.

Okokugqibela, i-Ofisi iqhubile ngesibophelelo sayo sokwakha amakhono nokuqeqesha amagcisa angama-721 kwisiseko sasemva kokuphuma kwesikolo, ukuquluqwa kwenkqubo elungileyo, amalinge athe ngqo kwiCovid-19 nendlela yokuxhasa abasebenzi kunye namakhono entlanganiso ebanjwe ngobuxhasa abasebenzi kunye namakhono entlanganiso ebanjwe ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha. Oku kwaxhaswa yimisitho emithathu ebanjwe ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha wePractitioner Community of Practice, eqinisekisa amagcisa kunye nemibutho yawo ngento yokokuba anxulunyaniswe yayye axhasiwe.

I-Ofisi yoLutsha

Intlekele yolutsha yenziwe mandundu yiCovid-19 ibeka uxinzelelo oluhlaziyiweyo kuwo onke amasebe karhulumente okokuba asabele.

IPhondo liqhubile ukuxhasa ugxilo kulutsha olusenkonzweni-olusenkonzweni – inkqubo eyakha abahlali abanamandla ngeli thuba kulungiswa iimfuno zentlalo nokuyilwa kweendlela eziya kuqoqosho olulungiselelwe ulutsha abangamavolontiya. I YearBeyond, inkqubo ephambili yenkonzo yolutsha, yafuna yaze yabeka ulutsha olungama-516 kwinkonzo ze yayila amathuba angaphezulu angama-210.

Inkqubo inikezele ngenkxaso kwizikolo ezingaphezulu kwe-100 yaye iyandisile yaya kutsho ngaphaya kwezikolo ukunikezela ngenkxaso yokufunda kwiingingqi zoluntu nenkxaso yokufunda kumathala eencwadi.

Ukusabela kwiCovid-19 ulutsha olukwinkqubo alubanga nakho ukubekwa ezikolweni yaye lwadinga ukuba kukguqulwe injongo ukulungiselela ukuxhasa ukufundela @khaya. Ngaphezulu, inkqubo yophuhliso lolutsha, efana naleyo inikezelwa kubantu ubuso ngobuso yafuduselwa kwiqonga ledijithali kusetyenziswa uWhatsApp kunye nenkqubo yolawulo lomfundi, iTalente.

Umngeni wenguqu yentlalo wonyaka wafuduselwa ngokunjalo kwiqonga lonxibelelwano olwenziwa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha de ifikelele kumsitho obonakalayo kwiFacebook.

Ukuvalwa ngci kwayo yonke into kwanyenyiswa, sibe nakho ukuxhasa ulutsha okanye iiYeBoneers, noqeqesho oluqhubela phambili ngendlela yokubhala iCV, udliwano-ndlebe lomsebenzi uze ushiye uphawu kumsebenzi wakho wokuqala. Indawo yentengiso yamakhono enamahlakani angaphezulu kwama-30 yabanjwa kwiGraduate School of Business. Oku kunikezele ngonxulumano lomntu kunye nemisebenzi engakho kulutsha. Ekupheleni komsitho ngaphezulu kwama-80% eeYeBoneers achongelwe amathuba anokuthi awalandele.

Njengenxalenye yokuyilwa kwamathuba alungiselelwe amazwe abantu abatsha ekufuneka beviwe iqela lisebenzisana kunye neFundza and Community Chest ukunikezela iqonga ledijithali kubantu abatsha ukwabelana ngomboniso woyilo lwempembelelo lweCovid-19 phantsi kwebhanile yeSlam4ULife. Ngaphezulu kongeniso oluli-1 000 lwafunyanwa, yaye abaphumeleleyo abangama-36 bawongwa kusangezelelwa kwabaphumeleleyo bokugqibela kumacandelo obugcisa bekhompyutha, umculo nemibongo.

Okokugqibela, ifioram yolutsha epheleleyo enqamlezileyo yabachaphazelekayo yabizwa ixesha lokuqala lokuzisa abadlali kwicandelo ngokunjalo nokwabelana nentsebenziswano.

Ii-Ofisi zeSithili

Ii-Ofisi zesithili zemidlalo nolonwabo zibe yinxalenye ebalulekileyo yophuhliso zaze zinabisela iinkqubo zethu zorhulumente wephondo zemidlalo kunye nolonwabo kwizithili. Zinikezela ngemfindo kwisithili nolunttu ngokubanzi. Zixhasa iinkqubo ezininzi zemidlalo nolonwabo kwiSithili yaye ziqinisekisa ngokuba iinkqubo zethu zamkelwa kakuhle, yaye unikezelo likumgangatho ophezulu. Ngowama-2021, siyaqhubeka ukuxhobisa ii-ofisi kunye nezixhobo ze-ofisi ezithengelwe ii-ofisi zethu zesithili ukuphucula ukusebenza kwazo.

Imiphumela yeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo zithiwe theca kwiitheyibhile ezingezantsi:

theyibhile yemiphumela, iingcebiso, imigqalisela yengcebiso, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo: Imigqalisela ehlaziyiweyo yenkqubo yokuthiwa thaca ngokutsha

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO										
UMpumela	Iingcbiso	Inani	Umgqalisela wengcebiso	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo n 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21 (Q1 and Q2)	UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21	Izimvo ngonxaxho	Izizathu zohlaziyo lweAPP
INkqutyana 4.2: iMidlalo										
Imigqalisela yePhondo										
3	Imisitho engundoqo	4.2.5	Inani lemisitho engundoqo	74	126	80	0	-80	ISebe alibanga nakho ukunikezela ngeenkonzo kwiKota yoku-1 neyesi-2 ngenxa yeCovid-19 kunye nezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into. Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.
3	Imisitho yamabhaso	4.2.7	Inani lemisitho yamabhaso ebanjiweyo	2	1	2	0	-2	ISebe alibanga nakho ukunikezela ngeenkonzo kwiKota yoku-1 neyesi-2 ngenxa yeCovid-19 kunye nezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into. Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO										
UMpumela	Iingcbiso	Inani	Umgqalisela wengcebiso	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo n 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21 (Q1 and Q2)	UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21	Izimvo ngonxaxho	Izizathu zohlaziyo lweAPP
3	IBetter Together Games (iintsuku zemidlalo)	4.2.8	Inani leBetter Together Games ebanjiweyo (iintsuku zemidlalo yephondo)	6	6	6	0	-6	ISebe alibanga nakho ukunikezela ngeenkonzo kwiKota yoku-1 neyesi-2 ngenxa yeCovid-19 kunye nezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into. Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.
3	Ubhaliso lwabathathi-nxaxheba	4.2.9	Inani labathathi-nxaxheba kwiimanyano zemidlalo	381 797	361 989	360 000	0	-360 000	Ngenxa yeCovid-19 nemithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into, ununzi lwemisebenzi lwancitshiswa kwicandelo lemidlalo.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.
INkqutyana 4.3: Ulonwabo										
Imigqalisela yeSizwe										
3	Imisitho yemidlalo nolonwabo	4.3.1	Inani labantu abathabathe inxaxheba kwimidlalo eququzelelweyo yaye bathabatha inxaxheba	103 351	144 434	31 000	0	-31 000	ISebe alibanga nakho ukunikezela ngeenkonzo kwiKota yoku-1 neyesi-2 ngenxa yeCovid-19 kunye nezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into. Lo mgqalisela	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO										
UMpumela	lingcbiso	Inani	Umgqalisela wengcebiso	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo n 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21 (Q1 and Q2)	UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21	Izimvo ngonxaxho	Izizathu zohlaziyo lweAPP
			neyolonwabo **						wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.	
INkqutyana 4.5: INkqubo yeMOD										
3	Ulutsha olusemngciphe kweni oluthabatha inxaxheba rhoqo nokuthe gqolo kwii-ASP	4.5.8	Inani lolutsha olusemngciphek weni oluthabatha inxaxheba rhoqo nokuthe gqolo kwii-ASP	-	-	2 860	11 125	+8 265	Ngenxa yeCovid-19 kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ziqhutywa ngoyilo lokudityaniswa lweenkqubo ezenziwa ngabantu neziqhutywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha (ekhaya).	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.
3	Izikolo ezinee-ASP	4.5.9	Inani lezikolo ezinee-ASP	-	-	350	54	-296	Ngenxa yeCovid-19 iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo azivunyelwanga.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngenxa yeCovid-19.

Itheyibhile yemiphumela, iingcebiso, imigqalisela yengcebiso, ekujoliswe kuko kunye nezifezekiso ezizizo

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO									
UMpumela	Iingcebiso	Inani	Umgqalisela wengcebiso	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo n 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21 (Q1 and Q2)	UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21	Izimvo ngonxaxho
INkqutyana 4.2: IMidlalo									
Imigqalisela yeSizwe									
3	Inkxaso kumaziko emfundo yemidlalo	4.2.1	Inani yamaziko emfundo yemidlalo elixhasiweyo	7	7	7	7	-	-
3	Inkxaso kwiimbaleki	4.2.2	Inani leembaleki ezixhaswe ngamaziko emfundo yemidlalo	216	210	210	105	-105	Ngenxa yemithetho yeCovid-19 nokuvalwa ngci kwayo yonke into, uninzi lwemisebenzi yancitshiswa kwicandelo lemidlalo. Ekujoliswe kuko yiCG kunye nohlahlo lwabiwo-mali kwancitshiswa.
3	Isibonelelo sempahla kunye/okanye izixhobo	4.2.3	Inani lezikolo, lezizinda kunye neeklabhu zinikezele ngezixhobo kunye/okanye impahla ngokwezithethe nemigangatho*	429	509	180	509	+329	Lo ngumgqalisela odityanisiweyo, kodwa ekujoliswe kuko kubonisa kuphela isahlulo seCDP somgqalisela.
Imigqalisela yePhondo									
3	Inkxaso kwiimanyano zesithili zemidlalo ezimanyeneyo	4.2.4	Inani leemanyano zesithili zemidlalo	132	129	120	138	+18	Iimanyano ezininzi zenza izicelo zaze zafumana inkxaso-mali.
3	IMisitho engundoqo	4.2.5 (ihlaziyiwe)	Inani leMisitho engundoqo	74	126	40	41	+1	Lo mgqalisela usekwe kwisicelo. Izicelo ezininzi zafunyanwa.

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO									
UMpumela	lingcbiso	Inani	Umgqalisela wengcebiso	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo n 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21 (Q1 and Q2)	UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21	Izimvo ngonxaxho
3	Impilo yempilo-ntle	4.2.6	Inani leenkqubo zokuthamba nempilo-ntle ejim	4	4	4	4	-	-
3	Imisitho yamabhaso	4.2.7 (ihlaziyiwe)	Inani lemisitho yamabhaso ebanjiweyo	2	1	1	1	-	-
3	IBetter Together Games (iintsuku zemidlalo)	4.2.8 (ihlaziyiwe)	Inani leBetter Together Games ebanjiweyo (iintsuku zemidlalo yephondo)	6	6	2	0	-2	IBTG zarhoxiswa ukunciphisa unxibelelwano lwentlalo ngenxa yeCovid-19.
3	Ubhaliso lwabathabathi-xaxheba	4.2.9 (ihlaziyiwe)	Inani labathabathi-nxaxheba kwiimanyano zemidlalo	381 797	361 989	75 000	104 578	+29 578	Iiligi ezininzi zibe nakho ukuqalisa ngemisebenzi ngenxa yokunyenyiswa kwemithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into. Ekujoliswe kuko okuhlenga-hlengisiweyo ibe luqikelelo olulungileyo ngelo xesha ngenxa yokungaqiniseki okumalunga nokukhula kobhubhane.
3	Abantu bemidlalo abaqeqeshiweyo	4.2.10	Inani labantu bemidlalo abaqeqeshiweyo	252	254	250	305	+55	Ngenxa yeCovid-19 amaqonga onxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha asetyenziswa ukwangezelela kuzinyaso lomntu ngamnye oluqhelekileyo. Oku kube nomphumela wokuzinyaswa okwandileyo.

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO									
UMpumela	lingcbiso	Inani	Umgqalisela wengcebiso	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo n 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21 (Q1 and Q2)	UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21	Izimvo ngonxaxho
3	Amaziko emidlalo axhasiweyo	4.2.11	Inani lamaziko afumene inkxaso yemali	10	12	3	7	+4	IZabelo ezichongiweyo zisincedile okokuba sixhase amaziko ebhola yomnyazi
3	Inkxaso yeembaleki	4.2.12	Inani leembaleki elixhaswe ngokusetyenziswa kweenkqubo zokusebenza kakhulu	53	118	75	0	-75	Ngenxa Ngenxa yemithetho yeCovid-19 nokuvalwa ngci kwayo yonke into, uninzi lwemisebenzi yancitshiswa kwicandelo lemidlalo.
3	Imisitho yamabhinqa namantombazana axhaswa	4.2.13	Inani lemisitho yamabhinqa namantombazana axhaswa	6	6	6	6	-	-
INkqutyana 4.3: ULonwabo									
Imigqalisela yeSizwe									
3	Imisitho yemidlalo nolonwabo	4.3.1 (ihlaziyiwe)	Inani labantu abathabatha inxaxheba ngamandla kwimidlalo eququzelelweyo kunye nemisitho enamandla yolonwabo **	103 351	144 434	13 460	7 401	-6 059	Ngenxa yeliza lesibini kunye nenqanaba lesi-3 eluhlenga-hlengisiweyo yemithetho yeCovid-19, oku ekujoliswe kuko akunakho ukufezekiswa.
3	Amacandelo ekhowudi yeMidlalo yeMveli axhasiwe.	4.3.2	Inani lamacandelo ekhowudi yeMidlalo yeMveli axhasiweyo.	7	7	7	7	-	-
3	Amaziko olonwabo axhasiwe	4.3.3	Inani lamaZiko oLonwabo axhasiweyo	20	20	20	20	-	-
3	Abasebenzi abaqeshwe	4.3.4	Inani labasebenzi abaqeshwe	40	40	6	40	+34	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO									
UMpumela	lingcbiso	Inani	Umgqalisela wengcebiso	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo n 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21 (Q1 and Q2)	UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21	Izimvo ngonxaxho
	kwiNkqubo yoLonwabo		kwiNkqubo yoLonwabo						kwakungama-40 yaye okungama-40 kwafezekiswa. Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo okuxoxiweyo oku-6, kwachazwa nokunglunganga.
INkqutyana 4.4: IMidlalo yeSikolo									
Umgqalisela weSizwe									
3	Izithili ezixhasiweyo	4.4.1	Inani lezithili ezixhasiweyo (Imidlalo yeSikolo)	9	9	9	9	-	-
Umgqalisela wePhondo									
3	Iintlangano zoBumelwane ezixhasiweyo	4.4.2	Inani leentlangano zeZikolo zoBumelwane ezixhasiweyo	7	9	9	9	-	-
3	Abasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yeSikolo soBumelwane	4.4.3	Inani labasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yeSikolo soBumelwane	-	174	174	174	-	-
3	Izikolo zoBumelwane ezixhasiweyo	4.4.4	Inani lezikolo zoBumelwane ezixhasiweyo	-	134	134	134	-	-
INkqutyana 4.5: INkqubo yeMOD									
Imigqalisela yePhondo									
3	Amaziko eMOD axhasiweyo	4.5.1	Inani lamaziko eMOD axhasiweyo	181	181	181	181	-	-
3	Abasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yeMOD	4.5.2	Inani labasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yeMOD	470	470	470	470	-	-

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO									
UMpumela	lingcbiso	Inani	Umgqalisela wengcebiso	Izifezekiso ezizizo 2018/2019	Izifezekiso ezizizo n 2019/20	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21 (Q1 and Q2)	UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21	Izimvo ngonxaxho
3	Izithili zeNkqubo yeMOD ezixhasiweyo	4.5.3	Inani lezithili zeNkqubo yeMOD ezixhasiweyo	8	9	9	9	-	-
3	Ulwakhiwo lwamakhono amaGcisa aseMva kokuPhuma kweSikolo	4.5.4	Inani lamagcisa aqeqeshiweyo	-	-	700	721	+21	Uqeqesho lwafuduselwa kumaqonga onxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha yaye inkqubo ibe nakho ukwamkela izicelo ezangezelelweyo ngaphandle kwemiba erheshayo yemali.
3	Amathuba eNkonzo yolutsha	4.5.5	Inani lamathuba ayiliweyo olutsha olukwinkonzo	-	-	500	516	+16	Ngenxa yokuvulwa emva kwexesha kolwamkelo lokufunda kumaziko emfundo ephakamileyo, isidambisi sayilwa.
3	Unxibelelwano lweeNdlela zoLuntu	4.5.6	Inani labachaphazelekayo bangaphandle (NGO, aBanikeli, iiNqununu)	-	-	4	7	+3	Ngenxa yeCovid-19, iintlanganiso ezangezelelweyo zahlanganiswa ukulungiselela ukucwangciswa kwamangenelo okufundela ekhaya.
3	Ucwangciso lweeNkonzo	4.5.7	Inani labachaphazelekayo elibhalwe kwi-Edu-collaborate	-	-	300	284	-16	Ngenxa yemithetho yeCovid-19 ethintela iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo, kuncitshiswe umsebenzi weNGO kwindawo.

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO									
UMpumela	**lingcbiso**	**Inani**	**Umgqalisela wengcebiso**	**Izifezekiso ezizizo 2018/2019**	**Izifezekiso ezizizo n 2019/20**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2020/21**	**Izifezekiso ezizizo 2020/21** (Q1 and Q2)	**UNxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo for 2020/21**	**Izimvo ngonxaxho**
3	Ulutsha olusemngciphekweni oluthabatha inxaxheba rhoqo nangokuzinzileyo kwii-ASP	4.5.8*** (ihlaziyiwe)	Inani lolutsha olusemngciphekweni oluthabatha inxaxheba rhoqo nangokuzinzileyo kwii-ASP okanye ukufikelela kukufunda @ekhaya	-	-	2 860	11 125	+8 265	Ngenxa yeCovid-19, ii-ASP zisebenze kuyilo lwentlanganisela yobukho bomntu nobuxhaka-xhaka bekhompyutha (@ ekhaya).
3	Izikolo ezinee-ASP	4.5.9*** (ihlaziyiwe)	Inani lezikolo elinee-ASP okanye ukufikelela kokufunda @ekhaya	-	-	350	54	-296	Due to Covid-19, ASP was not permitted.

* *Lo ngumgqalisela ohlanganisweyo (Imigqalisela yoMnikelo oneMiqathango 1.3 UPhuhliso lweKlabhu kunye 1.7 iNkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba sisiNinzi iSiyadlala,).*

** *Lo ngumgqalisela wephondo kunye nomgqalisela woMnikelo oneMiqathango.*

****Amagama omgqalisela ahlaziywa.*

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kwenqanaba eli lindelekileyo

Ukusebenza ngaphantsi kokulindelweyo kweNkqubo kubangelwe yiCovid-19 kunye nezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into ezibekwe kwicandelo. INkqubo ihlaziye ejolise kuko kwayo kowama-2021/22. Amangenelo obuxhaka-xhaka bekhompyutha amiliselwe apho kufanelekile, umz. uqeqesho lobuxhaka-xhaka bekhompyutha kunye neentlanganiso.

Ukusebenza ngokuhambelana neeNgcebiso eziseMgangathweni kunye neMigqalisela yeNgcebiso elungiselelwe amaCandelo aneMisebenzi eyenziwa kunye

Iingcebiso ezisemgangathweni nemigqalisela yengcebiso ibandakanyiwe kwiziCwangciso zoNyaka zokuSebenza yaye ngoko zimiliselwe yaye kwanikwa ingxelo kwiNgxelo yoNyaka njengoko kubonisiwe kwitheyibhile yokusebenza engasentla.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

INkcitho yeNkqutyana elungiselelwe iNkqubo 4: IMidlalo noLonwabo lwalungolu hlobo lulandelayo:

Inkqutyana	2020/21			2019/20		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000
Abalawuli	75 761	75 565	196	38 773	36 709	2 064
EzeMidlalo	39 698	39 486	212	57 770	56 025	1 745
EzoLonwabo	13 473	13 473	-	17 400	17 265	135
Ezimidlalo ezikolweni	29 043	27 835	1 208	38 540	37 297	1 243
INkqubo yeMOD	47 273	47 273	-	58 167	58 165	2
Zizonke	**205 248**	**203 632**	**1 616**	**210 650**	**205 461**	**5 189**

Inkcitho engaphantsi ibangelwe ikakhulu nolityaziso kukuzaliswa kwezithuba (CoE) kunye neejeneretha ezithengelwe amaziko olwabelwano asekwe esikolweni ezingakhange zibe nokuthunyelwa ngomhla wama-31 kuMatshi 2021. Isicelo soqengqelo senkcitho ebotshelelweyo kulungiselelwa iijeneretha sangeniswa kwiCandelo loLawuo-mali lePhondo.

5. Ukunika ingxelo kukuSabela kweZiko kuBhubhane weCovid-19

Ngaphakathi, abaqeqeshi boPhuhliso lweMidlalo banikezelwa ngamatnuba ophuhliso lonxibelelwanoi lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ngeli thuba besekhaya. Kubekho ngokunjalo inkxaso kwiMidlalo yeZikolo kunye namacandelo eeManyano zePhondo ngokuxhasa uqeqesho olwenziiwa rhoqo namalinge okudlala, athe anxulunyaniswa nombutho weqela labadlali wezikolo, ngokunjalo nokuthatyathwa kwenxaxheba kwimibutho yeqela labadlali beKlabhu. Ngalo lonke eli xesha, kubekho uhambelwano nemithetho yeCovid-19 kunye nemimiselo, ephantsi kolawulo lwamacandelo eemanyano ezahlukeneyo. Ngaphezulu, imisitho ethile iqhutyiwe ngokunjalo, umz. Imiboniso eyahlukeneyo, imisebenzi enxulunyaniswa nobuxhaka-xhaka bekhompyutha, iinkqubo zoqeqesho, ngokunjalo nohamba-hambo lomntu kunye nemisebenzi yobugcisa nenkcubeko.

Ngaphandle, abaqeqeshi boPhuhliso lweMidlalo banxulumene nemisebenzi yoncedo lokuzondelelwa kwamalungelo oluntu, umz. Ukunceda nokondla iingingqi zoluntu ezahlukeneyo. Ukwangezelela, abaqeqeshi bancede ngokunjalo ulawulo lwesithuba esephakathi komntu nomnye ezikolweni. IUbandakanyeko olungaphezulu ezikolweni luqhubekile ngokunjalo ngokuthi abaqeqeshi bazincede ngothatyatho-nxaxheba kwimingeni eyahlukeneyo yomdaniso, ngokunjalo nokukhunjulwa kwemihla eyodwa efana noSuku lwe-Afrika, uSuku loLutsha, uSuku lweLifa leMveli, uSuku looTitshala, iVeki yeSizwe yokuFunda, iNyanga yoLwazi ngoMhlaza weBele, uSuku lukaMandela njl. njl.

ISebe liseke iKomiti yeMpilo eNgqeshweni noKhuselo yaze laqesha iGosa loHambelwano ukuqinisekisa ngento yokuba indawo yomsebenzi iyahambelana neemfuno ezichaziweyo phambi kokuba abasebenzi babe nokubuyela emsebenzini. Zonke iindawo zokungena abasebenzi behlolwa khona phambi kokuba bavumyelwe kwisakhiwo. Iimaski zanikezelwa kuyo yonke imigangatho ngokunjalo nakwizibonelelo zamagumbi angasese ukuqinisekisa ngokuba abasebenzi banakho ukusanithayiza izandla zabo rhoqo. IQhinga loNxibelelwano liqinisekise ngento yokuba abasebenzi basoloko besaziswa ngokunxitywa kweemaski nokugcina umgama phakathi komntu nomnye.

Ngaphezulu, icandelo ngalinye liphuhlise yaye lamilisela isiCwangciso sokuSebenza sokuQhubeka kweShishini (BCAP) esiqinisekisa ngokuba abasebenzi basebenza ngendlela yotshintshwano ukunciphisa impembelelo yolwasuleleko olunokuthi lwenzeke. La mangenelo angpahakathi amiliselwa ukuqinisekisa ngokukba abasebenzi bahlala bekhuselekile kodwa baqhubeka besebenza.

ISebe limilisele ngokunjalo la mangenelo angaphandle alandelayo athiwe thaca ngasezantsi

INkqubo yoLahlo Lwabiwo -mali	Ungenelo	INdawo	Inani labaxhamli (Apho kufanelekileyo)	Abaxhamli abangahlanganiswanga (Apho kufanelekileyo)	Isabelo esipheleleyo sohlahlo lwabiwo-mali ngongenelo ngalunye	Uhlahlo Lwabiwo-mali oluchithiweyo ngongenelo ngalunye	Umnikelo kwiiNgcebiso kwi-APP (Apho kufanelekileyo e)	Imiphumela yangoku
4	**Treasure Box**	IPhondo leNtshona Koloni ngokuPheleleyo	63122	372 ulutsha, 62750 abantwana	R 250 000	R 250 000	N/A	Imithamo emithathu evelisiweyo yaze yanikezelwa kubafundi abaphuma kwizikolo ekungahlawulwa mirhumo ukuya kwizikolo ekuhlawulwa imirhumo ephantsi.
4	**EnrichED**	IPhondo leNtshona Koloni ngokuPheleleyo	442	442 ulutsha, 4000 abantwana	R 30 000	R 0	N/A	Ukuqaliswa kwendawo, uqeqesho lonxibelelwano ngobuxhaka-xhaka bekhomyutha lwamiliselwa.
4	**YearBeyond**	Koomasipala abaNinzi	516 ulutsha 10 000+ abafundi	516 ulutsha olungenangqesho oluphakathi kweminyaka eli-18 nama-25 kunye nabafundi besikolo saseprayimari 10 000+	R 12 000 000	R 3 000 000	N/A	Inani lolutsha olungaqeshwanga labonelelwa ngamathuba emisebenzi
2	**Covid-19 INkxaso-mali yoNcedo yoBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli**	IPhondo leNtshona Koloni ngokuPheleleyo	582	n/a	R 4 700 000	R 3 285 000	N/A	INgxowa-mali yoNcedo njengesipho kumagcisa oyilo/kwimibutho namashishini.

INkqubo yoLahlo Lwabiwo -mali	Ungenelo	INdawo	Inani labaxhamli (Apho kufanelekileyo)	Abaxhamli abangahlanganiswanga (Apho kufanelekileyo)	Isabelo esipheleleyo sohlahlo lwabiwo-mali ngongenelo ngalunye	Uhlahlo Lwabiwo-mali oluchithiweyo ngongenelo ngalunye	Umnikelo kwiiNgcebiso kwi-APP (Apho kufanelekileyo e)	Imiphumela yangoku
4	**INgxowa-mali yoNcedo lwe-Covid-19 yeMidlalo yaseKapa noLonwabo**	IPhondo leNtshona Koloni ngokuPheleleyo	127	Amadoda 69, Amabhinqa 57, (I-15 kulo ibilulutsha), icandelo eli-1 lesithili labakhubazekileyo (WPSAPD)	R 1 000 000	R 1 000 000	N/A	Icandelo lifumene uncedo olulungiselelwe umntu ngamnye, iimbaleki, amagosa obuchule, iziko lemfundo kunye neemanyano.
4	**Slam4urLife**	IPhondo leNtshona Koloni ngokuPheleleyo	1 064	1 064 ulutsha	R 100 000	R 0	N/A	Inkcazelo yokhuphiswano loBugcisa lweCovid-19.
3	**UMnikelo oneMiqathango olungiselelwe amaThala eeNcwadi kaRhulumente**	Overberg District-Drakenstein, George, Knysna, Mossel Bay, Overstrand, Oudtshoorn, Saldanha, Stellenbosch and ISixeko saseKapa	218 amathala eencwadi	n/a	R 1 500 000	R 810 874	N/A	Inkxaso-mali yoMnikelo oneMiqathango enikezelweyo ukunceda amathala eencwadi karhulumente ngokuthengwa kweePPE, iisanithayiza nococo olunzulu njengoko lufuneka.
2	**Museums Relief Funding**	IPhondo leNtshona Koloni ngokuPheleleyo	19 Museums	n/a	R 1 305 541	R 1 305 541	N/A	Inkxaso-mali yoncedo ekhutshelelwe kwiiMyuziyam kulungiselelwa iindleko zokusebenza.
4	**YeBo Data Covid-19 Plan**	ISixeko saseKapa UMasipala oMbaxa	65	65 ulutsha	R 0	R 0	N/A	INkqubo yeMove YeBo Data iye kwinkqubo esekwe kuWhatsApp ngoJan – ukususela kubuso ngobuso.

5. liNtlawulo eziKhutshelweyo

5.1. Iintlawulo ezikhutshelelwe kuQumrhu kaRhulumente

IKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni

I-WCCC ifumene R 2 149 000 njengentlawulo ekhutshelweyo esuka kwiSebe kunyaka-mali wama-2020/21. Iqumrhu likarhulumente linoxanduva lokubhalisa nokucima amabhunga enkcubeko kunye nokugcina kwamaziko enkcubeko. IWCCC ineekomitana ezintathu: iQela leSikhokhelo sokuQalisa, iKomiti yamaBhunga eNkcubeko neKomiti yamaZiko.

IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ifumene ama-R 240 000 ukuxhasa imisebenzi nezigunyaziso zayo. I-WCLC inoxanduva lokucebisa uMphathiswa ngemiba enxulumene nolwimi eNtshona Koloni ngokuhambelana noMthetho weeLwimi zePhondo leNtshona Koloni, we-1998 noMgaqo-nkqubo weeLwimi waseNtshona Koloni.

ILifa leMveli leNtshona Koloni

I-HWC ifumene ama-R 550 000 njengentlawulo ekhutshelweyo ivela kwiSebe kunyaka-mali wama-2020/21 ukulungiselelwa kunika inkonzo kwizigunyaziso zekomiti. Isigunyaziso sayo esingundoqo kukuchonga, ukukhusela nokulondoloza nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli leNtshona Koloni. Ngokwenza umsebenzi walo, inxulumana namacandelo karhulumente awesizwe nawengingqi.

Igama leQumrhu likaRhulumente	liNgcebiso ezinguNdoqo zeQumrhu likaRhulumente	Isixa semali esikhutshelwe kwiqumrhu likarhulumente	Isixa semali esetyenziswe liqumrhu likarhulumente	Izifezekiso zequmrhu likarhulumente
IKhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni	I WCCC inemimandla emithathu ejolise kuyo eyiyile uLawulo, ukuPhatha, uphuhliso nokulolongwa kwepropati eshukumayo nengashukumiyo; ezi zibandakanya amaziko asixhenxe enkcubeko abekwe phantsi kolawulo lwayo. Ilawula ubhaliso nasekukhutshweni kwamabhunga	R2 149 000	R1 597 000	Ikomiti yeWCCC ifezekise emibini kwimigqalisela emithathu ngempumelelo. Umgqalisela wesithathu, ongulo inani labasebenzisi elifikelela kwiziko ngokusetyenziswa kwenkqubo yokubhukisha yonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ayizange ifezekiswe njengoko amaziko asetyenziswa njengendawo zokubekelwa abantu bucala nethuba lobhubhane weCocid-19 yaye lalwulwa liSebe

Igama leQumrhu likaRhulumente	liNgcebiso ezinguNdoqo zeQumrhu likaRhulumente	Isixa semali esikhutshelwe kwiqumrhu likarhulumente	Isixa semali esetyenziswe liqumrhu likarhulumente	Izifezekiso zequmrhu likarhulumente
	ezenkcubeko. Icebise uMEC ngendlela elungileyo angafezekisa ngayo izigunyaziso zeKomishini.			lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente.
IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni	Ukubeka iliso kumiliselo loMgaqo-nkqubo weNtshona Koloni nokucebisa uMphathiswa kwimiba enxulumene nolwimi.	R240 000	R164 000	IKomiti ikufezekisile ebijolise kuko ngokwesiCwangciso sayo soNyaka sokuSebenza sowama-2020/2021 Ifezekise intlanganiso yayo yonyaka ebijolise kuko ngokusingatha iintlanganiso ezintandathu yaye ifezekise ebijolise kuko ngokusebenzisa umgqlisela omnye "iNani leeprojekti ezithi zikhuthaze iilwimi zemveli". Ikudlulile ebijolise kuko kumgqalisela wokusebenza "iNani lemisebenziethi ibeke iliso kuMiliselo loMgaqo-nkqubo weeLwimi eNtshona Koloni" ngokusingatha iiprojekti ezimbini endaweni yenye.
ILifa leMveli leNtshona Koloni	Ukuchonga, ukukhusela, ukulondoloza nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli zeNtshona Koloni.	R550 000	R550 000	ILifa leMveli leNtshona Koloni lisingethe iintlanganiso ezili-134 kunye neBhunga lalo neeKomiti ukulungiselela ukuthatyathwa kwezigqibo ngezicelo ngokuhambelana noMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli leSizwe. Ikhusele ngokusesikweni iindawo ezi-5 zephondo zelifa lemveli ngesithuba sonyaka-mali. Ngaphezulu, lityhile iindawo ezi-2 zelifa lemveli ze lasingatha inkqubo ya-1 ukukhuthaza ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli; liqhube uhlolo kwiindawo ezi-2 kwiiNdawo zeLifa leMveli lePhondo kwisiqingatha sokugqibela sonyaka-mali ze laqukumbela ngokwamkela lomgaqo-nkqubo.

Qaphela: Ingcaciso kwisambuku sohlahlo lwabiwo-mali kunye nesambuku senkcitho siboniswe kwiiNgxelo zoNyaka zamaQumrhu awahlukeneyo zowama-2020/21.

6. IiNtlawulo ezikhutshelweyo

6.1. IiNtlawulo ezikhutshelweyo kuyo yonke imibutho engengawo amaQumrhu kaRhulumente

Iitheybhile ezingezantsi zibonisa iintlawulo ezikhutshelweyo ezenziwe kwisithuba ukususela kumhla woku-1 ku-Epreli 2020 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2021:

INkqubo 2:

Igama lomkhupheli	Uhlobo lombutho	Injongo ezisetyenziselwe yona iingxowa-mali	Ingaba isebe lihambelene na neS 38 (1) (j) yePFMA	Isixa-mali esikhutshelweyo (R)	Isixa-mali esichithwe liziko (R)	Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liziko
UBUGCISA NENKCUBEKO						
Artscape Theatre	NPO	Umnikelo obhekiselele kumsebenzi wololongo lwemihla ngemihla omiliselwe e-Artscape	Ewe	200 000	136 113	Ngenxa yeCovid-19 umbutho awubanga nakho ukuchitha zonke iingxowa-mali. lingxowa-mali ziya kuchithwa ngowama-2021/22
The Cape Town Carnival	TRUST	Ukukhuthazwa koKhenketho lweNkcubeko kunyaka-mali wama-2020/21	Ewe	130 679	130 679	-
Suidoosterfees	NPO	Ukukhuthazwa koKhenketho lweNkcubeko kunyaka-mali wama-2020/21	Ewe	120 000	120 000	-
Kunste Onbeperk	NCP	Ukukhuthazwa koKhenketho lweNkcubeko kunyaka-mali wama-2020/21	Ewe	120 000	120 000	-
Nksk N Mabude	UMcebisi woMngcipheko: uLawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	4
Nksk M Natesan	USekela Mlawuli: IiNkonzo zeNkundla zePhondo (DotP)	4

IMISEBENZI ENGUNDOQO YE-ERMECO

I-OA ngusihlalo we-ERMECO kunye neSekela loMlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi liGcisa loMngcipheko lesebe.

Ekumiliseleni umsebenzi wayo, i-ERMECO iqhuba le misebenzi ingundoqo ilandelayo apha enyakeni:

a) Ukuvavanywa kweQhinga loLawulo loMngcipheko weSebe, kunye nesiCwangciso soMiliselo; kulungiselelwa ingcebiso eyenziwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi nolwamkelo olwenziwa yi-AO;

b) Ukubekwa kweliso nokuvavanywa imingcipheko kumacandelo amaqela acwangcisiweyo kumanqanaba olangaselelo, ukuvavanywa nokusetyenziswa kolangazelelo olufanelekileyo lomngcipheko nokunyamezelana ngokoMgaqo-nkqubo wePhondo woLawulo loMngcipheko weShishini kunye neQhinga (PERMPS) owamkelwe ngaBalawuli abaPhezulu bePhondo; Kunikwe ingxelo kwi-AO ngazo naziphi na iinguqu ezibonakalayo kwimbonakalo yomngcipheko weSebe;
c) Ukuqinisekiswa kwemingcipheko yeqhinga yobumi besebe. Oku kubonise iinzame zesebe ekulungisweni kwemiba yokunikela kunye nempembelelo enxulumene ngqo kubemi;
d) Ingqiqo yomngcipheko efunyenweyo neengxelo zentsingiselo;
e) Ukuchongwa kwemingcipheko evelayo;
f) `Ukubekwa kweliso kumiliselo kwesiCwangciso sokuThintelwa koBuqhopholo noRhwaphilizo;
g) Ukuvavanywa kobungakanani nokusebenza kokuhlanganiswa kolawulo lomngcipheko kwisebe;
h) Ukuhlolwa komiliselo loLawulo oMgaqo-nkqubo loMngcipheko wesebe, iQhinga kunye nesiCwangciso soMiliselo;
i) Ukuhlolwa kokusebenza nokuthintelwa kwamaqhinga ukulungisa imingcipheko yolwaphulo-mthetho lwemathiriyeli, lweenqobo ezisesikweni noloqoqosho;
j) Ukunikezelwa kolongamelo kulawulo lweenqobo ezisesikweni kwisebe.

IMINGCIPHEKO ENGUNDOQO EQWALASELWEYO YAZE YALUNGISWA APHA ENYAKENI

Elandelayo yimingcipheko yeqhinga engundoqo yeSebe ethe yaqwalaselwa ze yalungiswa apha enyakeni:

Ukungabi nalo ikhono lokunikezela kwimithetho yeseba kunye nezinye iinkonzo ezinxulumene noku ngenxa yphazamiso olubonakalayo olungacwangciswanga;

Ikhono elinyiniweyo ukufezekisa imiphumela yesebe; kunye

Ukutshatyalaliswa/ukonakaliswa kwepropati.

Imingcipheko senkqubo yacamngcwa yaye yaxoxwa apha enyakeni ze yathiwa thaca kwiintlanganiso zarhoqo ngekota ze-ERMECO. Abalawuli abaPhezulu badingeka ukuba banike ingcaciso ngenkqubela phambili emalunga nomiliselo lwezicwangciso zokusebenza ukunciphisa imingcipheko engathi yenzeke ibe nomphumela kunye/okanye ibe nempembelelo ukuba ngaba ingakho. I-ERMECO ibuyisela umva ngokunjalo imingcipheko ekufuneka ihlahlelwe ngokubanzi ze icebise ngokuncitshiswa okwangezelelweyo okanye imisebenzi yokulawula le mingcipheko.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi zeQela leNtlalozinikezele ngolongamelo oluzimeleyo lolawulo lwenkqubo yesebe yokulawula umngcipheko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanikezelwa iingxelo zarhoqo ngekota yenkqubela phambili ye-ERM kunye neerejista zomngcipheko ukulungiselela ukumiliselwa kwendima yolongamelo yalo oluzimeleyo.

IMINGCIPHEKO EVELAYO ENGUNDOQO ELUNGISELELWE UNYAKA-MALI OLANDELAYO

ISebe linolwazi lweenyaniso zoqoqosho nokuncipha kwengxowa yohlahlo lwabiwo-mali kuthelekiswa nokuswela koluntu. Le mingcipheko ingakho iqwalaselwe ngelikantsho yaye ibekwa iliso, iyaxoxwa, yaye iyalawula.

UKUQUKUMBELA

Kubekho inkqubela phambili ebonakalayo kulawulo lwemingcipheko ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21. Inkqubela phambili elungileyo yenziwa ekuzinziseni ulawulo lomngcipheko nokuphakamisa inqanaba lokufezekisa imingcipheko kwisebe okuthe kwanikela ngendlela eyiyo kumsebenzi wesebe. Uphuculo lunokubalelwa kulwazi lomngcipheko kunye neenkqubo zoqeqesho ezinikezelwa kumagosa kwisebe kusetyenziswa unxibelelwanao lweMS Teams ngethuba lobhubhane weCovid. ISebe libe nakho ukugcina uzinzo ngokubhekiselele kumiliselo lweenkqubo zolawulo ngethuba lexesha elinomngeni lobhubhane weCovid-19.

Ukukhula okwandileyo komngcipheko kwiSebe kukhokhelele kumaqhinga okusabela okuphuculweyo kumngcipheko alungiselelwe ukuchongwa kwemingcipheko kwiinkqubo ezahlukeneyo (kwiSebe).

3. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILISO

Ubuqhopholo norhwaphilizo lubonisa imingcipheko emikhulu enokubakho kwiimpahla zeSebe kwaye bungakuchaphazela kakubi ukuhanjiswa kweenkonzo ngobuchule kunye nesidima seSebe.

IWCG yamkele iQhinga lokuLwa uBuqhopholo noRhwaphilizo eliqinisekisa ukubuphelisa nya kweli Phondo ubuqhopholo, ubusela norhwaphilizo. Ngokungqinelana neli qhinga iSebe lizibophelele ekuzipheliseni nya naziphi ezinye izenzo ezijolise kubuqhopholo, urhwaphilizo naziphi na ezinye iintshukumo zolwaphulo-mthetho, nokuba zezangaphakathi okanye zezangaphandle, yaye liswantsulisa litshutshise ngazo zonke iindlela ezisemthethweni ezifumanekayo, nabaphi na abantu abazibandakanya kwizenzo ezinjalo okanye abazama ukwenjenjalo.

ISebe linaso isiCwangciso sokuThintela ubuQhopholo noRhwaphilizo kunye nesiCwangciso soThintelo esihamba kunye naso

Amajelo ahlukeneyo okuxela izityholo zobuqhopholo, ubusela norhwaphilizo akhona yaye achaziwe ngokubanzi kwiNkqubo-qhinga yePhondo yokuLwa uRhwaphilizo nesiCwangciso sokuThintela ubuQhopholo seSebe. Ngasinye isityholo esifunyanwa liCandelo leeNkonzo zoPhando lwaseNkundleni lePhondo (PFS) sirekhodwa kwiNkqubo yoLawulo lweeKheyisi esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukunika ingxelo ngenkqubela eyenziweyo ngeekheyisi zeSebe lize linike iinkcukacha-manani zePhondo nezeSebe.

Abasebenzi abantama izenzo ezikrokreleka njengezobuqhopholo, urhwaphilizo nobusela bakhuselekile ukuba ingxelo leyo inikiweyo yingxelo ekhuselweyo (o.k.t. iyayifezekisa imimiselo yomthetho, umz. yenziwe ngokuthembakeleyo). Ngokusingisele koku uMgaqo-nkqubo oxananazileyo wokuNtama izenzo zoLwaphulo-mthetho ukunika isikhokelo kubasebenzi ngendlela yokuvakalisa iinkxalabo zabo kubaphathi babo, kubantu abaqeshelwe oku

kwiWCG okanye kumaziko angaphandle, apho banezizathu ezibambekayo zokukholelwa ukuba ngenene kukho izenzo zolwaphulo-mthetho okanye ezitenxileyo ezaye zenziwa okanye ezenziwayo kwiWCG. Ithuba lokuhlala lingaziwa igama lakho linikwa nabani na onqwenela ukuxela izenzo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo kwaye ukuba bakwenzile oko ngokuza ngokwabo, amagama abo agcinwa eyimfihlo ngulowo kunikwa kuye ingxelo.

Busakube bungqinisisiwe ubuqhophololo, ubusela okanye urhwaphilizo emva kokugqitywa kophando, umsebenzi ochaphazelekayo kwezi zenzo ufakwa kwinkqubo yoluleko. Kuzo zonke iimeko ezinjalo, ummeli weWCG xa kuthethwa ityala lezoluleko obethathe amanyathelo ezoluleko makaphakamise ukuba agxothwe loo msebenzi uchaphazelekayo. Xa kukho ubungqina obubambekayo besenzo solwaphulo-mthetho, oko kuxelwa kwiiNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika.

Kunyaka ophantsi kohlolo, i-PFS ikhuphe iSatifiketi sokuHamba kweeKheyisi zeSebe esiphawula okulandelayo:

Amatyala	Inani lamatyala
Amatyala avuliweyo ukusuka ngomhla woku-1 ku-Epreli 2020	0
Amatyala amatsha (2020/21)	0
Amatyala avaliweyo (2020/21)	0
Amatyala avuliweyo njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2021	0

4. UKUNCITSHISWA KWEDOLO KUMSEBENZI

Onke amalungu eeNkonzo zaBalawuli abaPhezulu (SMS) kulindeleke angenise ingxelo yokuchaza ngeemali zawo zonyaka ukuqinisekisa ukuba akukho dolo ekwenzeni umsebenzi weSebe. Bonke abasebenzi abakwiCandelo loLawulo lweMali, kumanqanaba omvuzo we11-12 kwakunye namagosa esebe ajongene nokuziphatha ngentsulungeko bangenise iingxelo ezichaza ngeemali zabo. Ukongeza, bonke abasebenzi abasebenza kwisigqeba esijongene nokugaya abasebenzi bazalisa ingxelo ngeemali zabo ukuqinisekisa ukuba akukho dolo ngokumalunga nabagqatswa abafake izicelo zezithuba ezipapashiweyo. Ukuba kunokubakho idolo elinokuvela ngokubhekisele kwilungu lesigqeba, kuya kufuneka lirhoxe kuloo nkqubo. Amalungu eKomiti yokuBizwa kwamaXabiso kulindeleke ukuba asayine isibhengezo sokubakho kwedolo xa kuvavanywa kukwachotshelwa uhlolo lwamaxabiso. Abasebenzi abaqeshwe kwiCandelwana loLawulo loBudlelane beeNkonzo zeQumrhu bazalisa ingxelo yokugcina iimfihlo ngenxa yokuba besebenza ngemicimbi enobu-ethe-ethe yeenkcukacha zolawulo lwemicimbi yabasebenzi yonke imihla.

Ukubhengezwa kwenkqubo yomdla yanikezelwa kubasebenzi beDCAS ze abasebenzi bacelwa ukuna bachaze apho kungakh idolo xa besenza imisebenzi yabo.

5. UMGAQO WOKUZIPHATHA

Bonke abaqeqeshwa besengqeshweni bePAY abasandula ukuqeshwa bafumana uMgaqo wokuZiphatha njengenxalenye yomqulu wokumiselwa kwabo engqeshweni liSebe xa beqalisa umsebenzi. Lo Mgaqo wanikezelwa kubo bonke abasebenzi yaye abasebenzi kufuneka baqinisekise ngento yokuba balufumene olu xwebhu. ISebe lamkele iZikhokhelo ngokusetyenziswa koPapasho lweeSelula. Ezi zikhokhelo ziyahambelana ngomgaqo-nkqubo wePhondo wopapasho lweselula yaye lulumkisa amalungu abasebenzi okokuba basebenzise upapasho lweselula ngokuhlakanipha. Izikokhelo ziyafumaneka kubo bonke abasebenzi yaye zithiwa thaca kwiintlanganiso ukuqinisekisa ngento yokuba abasebenzi bayaluqonda uxanduva lwabo xa kusetyenziswa zopapasho lweselula. Uxwebhu lweRemuneration for Work Outside the Public Service (RWOPS) lwanikezelwa kubasebenzi beDCAS.

6. IMIBA YEMPILO, YOKHUSELO NEYOBUME

Ngenxa yobhubhane lweCovid-19, imiba yeMpilo, yoKhuseleko neyeNdalo ifumene ingqwalasela enkulu ukunceda abasebenzi abakwingqesho yesebe ngokujalo nabatyeleli apho bachanatywa kubume obukhuselekileyo.

Ngesithuaba sika-Juni 2020, ngokwemiqathango yecandelo 16(5) leMiqathango yeMpilo eNgqeshweni yeCovid-19 neyoKhuseleko kwiCovid-19 kwiNdawo yeNgqesho (C19 OHS), 2020, kwaqeshwa oku kulandelayo:

- IGosa loHambelwano eli-1
- Amalungu eKomiti yoQuquzelelo lwe-OHS COVID 19
- AmaGosa oHambelwano lweZiko angama-53

UMgaqo-nkqubo weMpilo noKhuselo (OHS) kwiCovid-19 wamkelwa ngaxeshanye neMithetho yeNdawo yeNgqesho apho amaGosa oHambelwano lweZiko aqhuba iimvavanyo zomngcipheko kwiindawo zawo zengqesho ukuqinisekisa ngemigangatho yempilo nokhuseleko okokuba iyagcinwa ngalo lonke ixesha. Isixhobo sokhuseleko lomntu sathengwa ngo-Epreli nangoMeyi 2020, zanikezelwa ze zabekwa iliso ukuqinisekisa ngokwangezwa kwestokhwe.

Uhlolo lwe-Ofisi eyiNtloko lwaqhutywa rhoqo, kodwa ngenxa yobhubhane weCovid-19, uphicotho-zincwadi lonyaka alubanga nakuqhutywa yaze imiqathango engeminye yamiliselwa. Amagosa ohambelwano lweziko aqhube olwawo uhlolo, ngokusekwe kokufunyenwe kunyaka odlulileyo, amilisela imiqathango yolungisoapho kufanelekileyo ze aphinde abuye ukuhlaziya akufumeneyo kuhlolo azise kwi-Ofisi eyiNtloko.

Iintlanganiso zarhoqo ngekota zempilo nokhuselo ezibanjwa kwinqanaba lolawulo oluphezulu zixoxa imiba yempilo, ukhuselo neyobume.

UMlawuli woKhuseleko uqeshiwe kwiSebe yaye iintlanganiso zarhoqo ngenyanga ziyaqhutywa phakathi koMlawuli woKhuseleko weDCAS kunye noMcebisi woKhuseleko weSebe loKhuselo loLuntu ukuxoxa nokulungisa yonke imiba yokhuselo nokhuseleko kwiDCAS.

7. IIKOMITI ZEZIKHUNDLA ZEPALAMENTE

Intlanganiso	Isihloko
IKomiti eSigxina yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	
12 kuJuni 2020	Inkcazelo liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiiNgxelo zalo zokuSebenza zaroqo ngeKota yoku-1, yesi-2 eyesi-3 ezilungiselelwe owama-2019/20.
15 kuJulayi 2020	Inkcazelo liSebe loMthetho oYilwayo weMicimbi yeMveli ngLwaluko lweSiko [B7B-2018](NCOP)
16 kuJulayi 2020	Inkcazelo yoMthetho oYilwayo ongokuLungiswa kweNgqwalasela yeMitshato yeSiko [B12-2019] (NCOP)
27 kuJulayi 2020	Ingxoxo kwiVoti 13: iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, kwiShedyuli eya kuMthetho oYilwayo [B4 – 2020] woLwabiwo-mali oluHlenge-hlengisiweyo weNtshona Koloni (Covid-19)
27 kuNovemba 2020	Ingxoxo kwiVoti 13: iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiShedyuli kuMthetho oYilwayo woLwabiwo-mali oluHlenge-hlengiswe okwesiBini weNtshona Koloni, 2020
4 kuDisemba 2020	Ingxoxo ngeNgxelo zoNyaka zowama-2019/20 zeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye namaqumrhu alo, iLifa leMveli leNtshona Koloni, iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni kunye neKhomishoni yeNcubeko yeNtshona Koloni.
12 kuFebruwari 2021	Utyelelo lokongamela kwiGenadendal Mission Museum
15 kuMatshi 2021	Inkcazelo liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo enoMthetho oYilwayo oLungisiweyo woMthetho weeMyuziyam weNtshona Koloni [B5-2020]
17 kuMatshi 2021	Ingxoxo kwiVoti 13: iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiShedyuli kuMthetho oYilwayo woLwabiwo-mali oluHlenge-hlengiswe okwesiThathui weNtshona Koloni (kunyaka-mali wama-2020/21), 2021 kunye nengxoxo kwiVoti 13 kwiShedyuli kuMthetho oYilwayo woLwabiwo-mali weNtshona Koloni, 2021
24 kuMatshi 2021	Uphula-phulo loLuntu ngoMthetho oYilwayo oLungisiweyo woMthetho weeMyuziyam weNtshona Koloni [B5-2020]

INtlanganiso	Isihloko
IKomiti yee-Akhawunti zePhondo	
22 kuMeyi 2020	Inkcazelo liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo: ngomphumela wophando oluthe lwaqhutywa ngokuhambelana nee-asethi ezincinane zalo zezakhiwo, kunye noyilo lwlo lwe-inshorensi yalo ye-asethi zelifa lemveli ezikulo.
18 kuSeptemba 2020	Inkcazelo eyenziwa yiKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngokukhetha kwayo kunye noyilo lweenqobo zokukhetha kudliwano-ndlebe nasekukhetheniamalungu ekomiti, kunye nendlela ethe yaqulunqwa ukuthintela umngcipheko ochongiweyo onxulumene nokunganeli kokhuselwa kwezakhiwo zenkcubeko/izibonelelo
29 kuJanyuwari 2021	Ingxoxo ngeeNgxelo zoNyaka wama-2019/20 zeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye namaqumrhu alo, iLifa leMveli leNtshona Koloni, iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni kunye neKhomishoni yeNcubeko yeNtshona Koloni.

8. IZISOMBULULO ZESCOPA

Akukho zisombululo zipapashiweyo kulungiselelwa isebe.

9. IZILUNGISO ZANGAPHAMBILI

Azikho.

10. ULAWULO LWANGAPHAKATHI

Iluxanduva lweGosa eliNika iNgxelo ukuqhubeka ngokuvavanya nokuhlola ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, ifanelekile kwaye iselubala nokuba iyaphuculwa xa kuyimfuneko. Ukufezekisa oku, isicwangciso sophuculo lolawulo lwemali sarhoqo ngekota neentlanganiso zolawulo eziphambili ziyabanjwa noMphicothi-zincwadi Jikelele, abalawuli benkqubo yeSebe noMphathiswa. Le yinkqubo eqhubekayo yokuqinisekisa ukuba iDCAS igcina iziphumo zophicotho zincwadi lwazo lungenaziphene.

ISebe liyile iQhinga loLawulo lwangaPhakathi nesiCwangciso (umngcipheko ohlenga-hlengisiweyo ngokufanelekileyo ngokuhambelana nobhubhane weCovid-19) esichaza isicwangciso esikumgangatho ophezulu esingomiliselo kolawulo lwangaphakathi kunye nemisebenzi yalo engundoqo.

11. IIKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI NEZOPHICOTHO-ZINCWADI

UPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lunika abalawuli iinkonzo ezizimeleyo, isiqinisekiso esinenjongo kunye nezokufumana iingcebiso eziyilelwe ukwangezelela ixabiso nokuphucula ngokuthe gqolo imisebenzi yeSebe. Kufuneka lunceda iSebe ukufezekisa iinjongo zalo ngokuzisa indlela elungeleleneyo nesebenzayo ukulungiselela ukuhlola nokuphucula ukusebenza kakuhle koLawulo, uLawulo loMngcipheko neenkqubo zoLawulo. Kwenziwa le misebenzi iphambili ilandelayo ngalo mba:

- Ukuhlola nokwenza iingcebiso ezifanelekileyo zokuphucula iinkqubo zolawulo ekuphumezeni iinjongo zesebe;
- Ukuvavanya ukufaneleka nokusebenza nokunikela kuphuculo lwenkqubo yokulawulwa komingcipheko;
- Ukuncedisa iGosa eliNika iNgxelo ekugcineni ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo ngokuvavanya olo lawulo ukuqinisekisa ukusebenza nobuchule balo, nokuphuhlisa iingcebiso zokwandisa okanye ukuphucula oko.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi weSebe wagqitywa kunyaka ophantsi kovavanyo lweSebe ubandakanya unxibelelwano lwengqiniseko lwamathuba amahlanu. Iinkcukacha zolu nxibelelwano zibandakanyiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi imiselwe njengamaqumrhu okongamela, abonelela ngokongamela okuzimeleyo kulawulo, kulawulo lwemingcipheko nakwiinkqubo zolawulo kwiSebe, okuquka ukongamela novavanyo olunxulumene noku kulandelayo:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphandle (uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika - AGSA);
- UCwangciso-mali lweSebe nokunika ingxelo;
- IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali yeSebe;
- Ulawulo lwe-AGSA nengxelo yophicotho-zincwadi;
- UkuBekwa kweliso kwaPhakathi eNyakeni kweSebe;
- ULawulo loMngcipheko kwiSebe;
- ULawulo lwaNgaphakathi;
- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- Uphando lweeNqobo ezisesikweni nolwaseNkundleni.

ITheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efaanelekileyo ngamalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi:

Igama	Imfundo	Ungaphakathi okanye ungaphandle	Ukuba ungaphakathi, isikhundla kwiSebe	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokurhoxa	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu Ameen Amod (USihlalo)	MBA; CIA; CGAP; CRMA; BCOM Accounting	Ngaphandle	N/a	1 kuJanyuwari 2019 (iKota yesi-2)	N/a	7
Mnu Ebrahim Abrahams	B Com Accounting Honours	Ngaphandle	N/a	1 Janyuwari 2019 (iKota yoku-1)	N/a	7
Mnu Pieter Strauss	B Acc; B Com Hons; CA (SA)	Ngaphandle	N/a	1 Janyuwari 2019 (iKota yoku-1)	N/a	7
Nksk Annelise Cilliers	B Compt Hons CA (SA)	Ngaphandle	N/a	1 Janyuwari 2019 (iKota yoku-1)	N/a	7

12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI

Siyavuya ukunika ingxelo yethu yonyaka-mali ophele ngowama-31 kuMatshi 2021.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokuba ihambelene noxanduva lwayo oluthathelwa kwiCandelo 38 (1) (a) (ii) loMthetho wokuLawulwa kweMali kaRhulumente noMmiselo weCandelo loLawuo-mali 3.1. Le Komiti yoPhicotho-zincwadi ikwanika ingxelo yokuba yamkele imigaqo yokusebenza esesikweni efanelekileyo njengoMqulu yayo weKomiti yoPhicotho-zincwadi wayo, iye yalawula imicimbi yayo ngokuhambelana nomqulu kwaye imilisele yonke imisebenzi enoxanduva lwayo ekuwo njengoko iqulathwe apha kuwo.

UkuSebenza ngeMpumelelo koLawulo lwaNgaphakathi

ISebe lidingeka okokuba liphuhlise ze lilolonge iinkqubo zolawulo lwangaphakathi oluya kuphucula ufezekiso olungakho lweenjongo zalo, ukwamkela iinguqu kubume esebenza kobo nokukhuthaza ukufaneleka nokusebenza kakuhle kwemisebenzi, lixhase ukunikwa kwengxelo okuthembekileyo nokuhambelana nemithetho kunye nemimiselo. IWCG yamkele isiCwangiso-nkqubo seNgqinisekiso esiHlangeneyo esichonga nesihlanganisa ingqinisekiso yabanikezeli benkonzo. Inqanaba lokuqala lengqinisekiso kukulawulwa kwenginisekiso, okudinga abalawuli abaphetheyo okokuba bagcine ulawulo lwangaphakathi olusebenzayo ze bamilisele ezo nkqubo imihla ngemihla ngendlela yokulawulwa kwempatho nokuthatyathwa kwemisebenzi yoxabangelo lolungiso apho kudingekayo. Inqanaba lesibini lengqinisekiso yingqinisekiso yangaphakathi enikezelwa yimisebenzi eyahlukeneyo naleyo iphantsi kolawulo lwabaphathi, abaphathiswe ngentembeko okokuba bahlole uhambelwano kwimigaqo-nkqubo, iinkqubo, izithethe, imigangatho nezicwangciso-nkqubo. Inqanaba lesithathu lengqinisekiso ngabanikezeli abazimeleyo bengqinisekiso abakhokhelwa yimigangatho yobuchule edinga amanqanaba aphezulu okuzimela.

IsiCwangciso seNgqinisekiso esiHlangeneyo esisekwe kumngcipheko saphuhliselwa iPhondo, oluquqzelelwe luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi, olungumnikezeli ozimiseleyo ngokunjalo. UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezela iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo olunengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye lusebenza kakuhle. Oku kufezekiswe ngesicwangciso sophicotho-zincwadi sangaphakathi esamkelweyo esisekwe kumngcipheko, uPhicotho-zincwadi lokuhlola ukwanela kolawulo lokuthintela imingcipheko kunye nomiliselo lokubekwa kweliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi kwimisebenzi yolungiso.

Olu nxibelelwano lulandelayo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi lwamkelwa yiKomoti yoPhicotho-zincwadi ze lwaqukunjelwa luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kunyaka ophantsi kovavanyo:

- Amaziko eNkcubeko
- IiNtengiselwano zoLawulo lweSixokelelwano soNikezelo seCovid-19 (IiProjekti eziNqamlezileyo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi)
- IYear Beyond
- IiNtlawulo eziKhutshelweyo
- INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente

Imimandla yophuculo, njengoko iqatshelwe luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ngethuba lokwenziwa komsebenzi walo, yavunywa ngaBalawuli. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeka iliso kumiliselo lwemisebenzi evunywa rhoqo ngekota.

INgxelo yoLawulo lwaseNyakeni neyarhoqo ngeNyanga/ngeKota

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulathiweyo nokulunga kweengxelo zokusebenza nolawulo zarhoqo ngekota zasenyakeni ezikhutshwe kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo liGosa eliNika iNgxelo leSebe ngowemiqathango yeMithetho yeCandelo loLawulo-mali kunye neCandelo loMthetho weNgeniso.

Ukuvavanywa kweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- Ivavanye ze yaxoxa iiNgxelo zoNyaka zeMali eziphicothiweyo ekufuneka zibandakanywe kwingxelo yoNyaka, kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) kunye neGosa eliNika iNgxelo;
- Ivavnye iNgxelo yoLawulo lwe-AGSA kunye neempendulo zaBalawuli ngoko;
- Ivavanye iinguqu kwimigaqo-nkqubo yobalo-mali kunye neendlela njengoko zkunikwe ingxelo kwiiNgxelo zoNyaka zeMali;
- Ivavanye uhlenga-hlengiso lwemathiriyeli evela kuphicotho-zincwadi lweSebe.

Uhambelwano

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iinkqubo zeSebe kulungiselelwa uhambelwano kunye nezibonelelo ezisemthethweni nezilawulayo.

IiNkonzo zeNkundla zePhondo

IiNkonzo zeNkundla zePhondo (PFS) zithe thaca kuthi iinkcukacha zamanani. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeka iliso kwinkqubela phambili yeengxelo zePFS rhoqo ngekota. Akubanga kho miba iziswa kwingqwalasela yethu edinga ingxelo engaphezulu yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

INgcaciso yokuSebenza

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyivavanyile ingcaciso ekwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili njengoko kuchaziwe kwiNgxelo yoNyaka.

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwad, rhoqo ngekota, ivavanya isicwangciso somiliselo seSebe ukulungiselela imiba ephakanyisiweyo kunyaka ongaphambili. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene ne-AGSA ukuqinisekisa ngento yokuba akukho miba ingasonjululwanga ethe yavela kulawulo lophicotho-zincwadi. Imisebenzi yolungiso kokufunenyweyo pkucalulweyo okuphakanyiswe ngu-AGSA ibekwa iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivumelene yaye yaymkela imbono ye-AGSA ephathelelene neeNgxelo zoNyaka zeMali, yaze yacebisa okokuba ezi Ngxelo zoNyaka zeMali zamkelwe yaye zifundwe kunye kunye nengxelo yabo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi income iSebe ngokufezekisa imbono yophictho-zincwadi olungenaziphene yaye kungekho okufunyenweyo okungahambelaniyo.

IKomiti yoPhicotho-zinwadi ithanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo kuBalawuli beSeba, i-AGSA kunye neSebe leNgqinisekiso leQumrhu leWCG ngentsebenziswano nangengcaciso elithe layinikezela ukusinceda ukuqulunqa le ngxelo.

Ukuqukumbela

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iSebe ngokufumana uphicotho-zincwadi olungenaziphene yaye kungekho okufunyenweyo okungahambelaniyo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi isasele ixhalabile ngempembelelo yeendleko zayo. Le ndleko yohambelwano inekhono lokuphelisa izibonelelo zayo ezinqongopheleyo kunikezelo lwayo lwenkonzo ukugcina iziphumo zophicotho-zincwadi.

_____

Mr Ameen Amod

ISihlalo weKomiti yoBumbano lweNtlalo loPhicotho-zincwadi

ISebe leNkcubeko neMidlalo leNtshona Koloni leMicimbi

01 Agasti 2021

13. INGCACISO YOKUSEBENZA KOHAMBELWANO LWE-B-BBEE

Itheyibhile elandelayo izaliswe ngokuhambelana neemfuno ze-BBBEE zohambelwano loMthetho we-BBBEE wama-2013 yaye njengoko kumiselwe liSebe loRhwebo noShishino.

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenzisa nayiphi na iKhowudi efanelekileyo yokuSebenza kaKuhle (iSatifikethi seB-BBEE esikumanqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo:		
Inqobo yokukhetha	**Ukusabela Ewe / Hayi**	**INgxoxo (ingxoxo kukusabela kwakho ze ibonise ukuba yiyiphi imiqathango ethatyathiweyo ukulungiselela ukuhambelana)**
Ukumisela isiqinisekiso esilungele ukukhutshwa kwamaphepha-mvume, imvume okanye naluphi na olunye ugunyaziso ngokuphathelelene nomsebenzi woqoqosho ngokuhambelana nomthetho?	Hayi	ISebe alikhuphi amaphepha-mvume, iimvume okanye olunye ugunyaziso ngokuphathelelene nomsebenzi woqoqosho ngokuhambelana nawo nawuphi na umthetho.
Uphuhliso nomiliselo lomgaqo-nkqubo wokuthenga okukhethiweyo?	Ewe	INkqubo yeGosa eliNika iNgxelo (AOS) yeSebe yenza isibonelelo ukulungiselela umiliselo loMthetho wesiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo wokuThenga okuKhethekileyo kunye neMimiselo yawo.

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenzisa nayiphi na iKhowudi efanelekileyo yokuSebenza kaKuhle (iSatifikethi seB-BBEE esikumanqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo:		
Inqobo yokukhetha	**Ukusabela a Ewe / Hayi**	**INgxoxo (ingxoxo kukusabela kwakho ze ibonise ukuba yiyiphi imiqathango ethatyathiweyo ukulungiselela ukuhambelana)**
		Inkqubo yamanqaku njengoko ichaziwe yiMithetho yoMgaqo-nkqubo wokuThenga okuKhethekileyo elungiselelwe ukunikezelwa ngamaxabiso iyasebenza kuwo nke amathuba avulelekileyo okunikwa kwamaxabiso. Inkcitho yokuthenga yeSebe yonyaka ophantsi kovavanyo, njengoko unxulumene neMithetho yokuThenga okuKhethekileyo, ichazwe ngasezantsi: i. Ukuchitha kwinqanaba lomnikeli weBEE • Ama-59.91% exabiso ahlawulwa kumnikeli wenkonzo ngenqanaba 1-8 lewonga lomnikeli weBEE • Ama-27.48% exabiso ahlawulwa kumnikezeli wenkonzo ongenguye uMnikeli wewonga leBEE • Ama-12.61% exabiso ahlawulwa kubanikezeli benkonzo ongazange achaze iwonga labo ii. Inkcitho ngkwecandelo lobunini • Ama-47.89% ahlawulwa kubanikezeli benkonzo abanobunini bobuntu omntsundu ubuncinane obungama-51% • Ama-52.11% ahlawulwa kubanikezeli benkonzo abanobunini bobuntu omntsundu obungaphantsi kobunini obuntsundu obungaphantsi kwama-51% iii. Inkcitho ngkwecandelo lengeniso • Ama-49.50% ahlawulwa kwi-EME (ngaphantsi kwezigidi ezi-R10) kunye ne-18.19% elahlawulwa kwi-(ngaphezulu kwezigidi ezili-R10 ukuya kwizigidi ezingaphantsi kwezigidi ezingama-R50); kungoko isambuku sama-67.69% sahlawulwa kwii-SMME • I-12.09% lahlawulwa kumaShishini amaKhulu • (izigidi ezingaphezul kwama-R50) kunye nama-20.22% exabiso alikhange libe nokwabelwa kwicandelo ngenxa yokuba iintlawulo ezinjalo zenziwe kumaqumrhu abhaliswe kwiCSD engakhange ichaze ingeniso.
Ukumiselwa kwenqobo yokukhetha ukufaneleka elungiselelwe intengiso yamashishini aphantsi lolawulo lukarhulumente?	Hayi	ISebe alizibandakanyi kwintengiso yamashishni aphantsi kolawulo lukarhulumente.
Ukuphuhliswa kwenqobo zokukhetha kulungiselelwa ukungena kuthelelwano	Hayi	ISebe alithabathi nxaxheba kuthelelwano namaqumrhu angasese.

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenzisa nayiphi na iKhowudi efanelekileyo yokuSebenza kaKuhle (iSatifikethi seB-BBEE esikumanqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo:		
Inqobo yokukhetha	**Ukusabela Ewe / Hayi**	**INgxoxo (ingxoxo kukusabela kwakho ze ibonise ukuba yiyiphi imiqathango ethatyathiweyo ukulungiselela ukuhambelana)**
kunye namaqumrhu angasese?		
Ukumiselwa kwemigaqo yokukhetha ukulungiselela ukunikezelwa kwenkuthazo, iminikelo kunye nezikim zotyalo-mali ukuxhasa uXhotyiso loQoqosho oluSekwe ngokuBanzi kwabaNtsundu?	Hayi	ISebe alibandakanyeki ekunikezelweni kwenkuthazo, iminikelo kunye nezikimThe Department was not involved in the awarding of incentives, grants and investment schemes in support of Broad Based Black Economic Empowerment. zotyalo-mali ukuxhasa ukuXhotyiswa koQoqosho oluBanzi oluSekwe kwaBamnyama

ICandelo D

ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI

1. INTSHAYELELO

Igalelo lethu elilodwa kumsebenzi kaRhulumente weNtshona Koloni lisusela kwiinzame zokunyameka, nezivame ukuba zezokungazicingeli bona iziqu zabo, abantu abakwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Ukuhambisa ngokungaguqukiyo iinkonzo eziphucukileyo kubemi kwiPhondo leNtshona Kapa ekunganqabanga mingeni kuko. Imbonakalo-mhlaba yolawulo ishenxile kakhulu kwiminyaka yakutsha nje kwaye idinga ujikelezo olunzima phakathi koluhlu lotshintsho olukhuphisanayo.

Ngaphandle kokuba oluguquko luzimele kwaye lunxulumene, lukwalawulwa yimiqathango nemimiselo engqongqo, engqina ubunzima xa ukugcinwa namaphulo anomtsalane ziphononongiwe.

Oku kubandakanya ukucingisisa ngenkonzo ekufuneka ihanjisiwe, umtsalane nogcino lwezakhono ezinqabileyo, uxhotyiso lwabasebenzi, ulawulo lwekhono lomsebenzi, ucwangciso lomsebenzi, ubulungisa ngokwengqesho nokudala imeko enakho apho abasebenzi benakho ukuphumelela. Ukongeza koku, iSebe kufuneka lisebenze kwimeko engqongqo, edinga ukuba abalawuli baqaphele impembelelo yo "kwenza ngaphezulu ngokuncinci".

Nangona iindlela eziguqukayo nezidingo zifaka ifuthe kwindawo yokusebenza yalamaxesha, ukusebenza nzima okungaguqukiyo kwabantu bethu, kukhokelele kwizifezekiso ezincamisayo nokuphucuka kohanjiso lwenkonzo ngonyaka ophantsi kovavanyo.

2. INQANABA LOLAWULO LWABANTU KWISEBE

2.1. Okuphambili kucwangciso lwabasebenzi besebe

- Indima yokuCwangcisa abaSebenzi ibalulekile ukuqinisekisa ukuba iSebe linenani labantu abanezakhono ezifunekayo, ulwazi nokuziphatha ekwenziweni komsebenzi. Ngokusebenzisa le nkqubo iSebe ngonyaka livavanya iprofayile yabasebenzi balo malunga nezidingo zombutho zangoku nezexa elizayo.
- Injongo yolu vavanyo kukubona ukuba kukangakanani na iprofayile yabasebenzi yangoku ikhawulelana neziphumo ezingundoqo zolawulo lwabantu ezinokuqinisekisa ngoqhubeko nexabiso lwenkonzo.
- IsiCwangciso sabaSebenzi sihlolelwe ukuqinisekisa ukuba amaQhinga oLawulo lwaBantu nemisebenzi engundoqo ihlala isebenza kwaye ifanelekile kwixesha elishiyekileyo sesicwangciso. Akubangakho mfuneko yokusilungisa isiCwangciso seMTEF okanye isiCwangciso sokuSebenza.
- IsiCwangciso sabaSebenzi sowama-2018-2023, ngoko silungelelaniswe kumbono nomnqophiso wesiCwangciso seQhinga leSebe, ngokunjalo neQhinga loLawulo lwaBantu.
- Iziphumo eziqulathwe kwisiCwangciso sabaSebenzi (sama-2018) zingolu hlobo lulandelayo:
    - Umlinganiselo oncitshisiweyo wezithuba ezingazaliswanga / umbutho onabasebenzi abaneleyo

- Ukuthotywa kwamaxesha amisiweyo ukuzaliswa kwezithuba ezipapashiweyo
- Ukuncitshiswa kwezithuba zengqethuReduced contract appointments
- Ukwehla kwamanqanaba okungena njengoko abasebenzi besiya bevelisa
- Abantu abanobuchule kumanani alungele oko kwindawo efanelekileyo nangexesha elililo ngendlela yokuziphatha elungileyo;
- Iimpawu zentsulungeko zokwabelana nolungelelwaniso lwenkcubeko enegalelo ekugcinweni kwabasebenzi
- Ukwanda/ukufikelelwa kwe-5% ekujoliswe kuko sisizwe (umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga)
- Ukugcinwa kolwazi lwequmrhu kwizithuba ezingundoqo
- Ukhutshelo olufanelekileyo lwamakhono nokulondolozwa kwengqiqo yeziko
- Abasebenzi bentlanga ezahlukeneyo abanamathuba alinganayo alungiselelwe bonke
- Abasebenzi abazinzileyo abalinganisiweyo
- Umelo olukhulu lwabantu abakhubazekileyo kwiSebe
- Ukuphuculwa kozinzo lwabasebenzi / ukuncitshiswa kokushiywa kwengqesho ngabasebenzi
- Ilahleko ekwehliseni izakhono

a. Izizathu ezixhasiweyo zokurhoxiswa engqeshweni

2.2. ULawulo lokuSebenza koMqeshwa

Injongo yoLawulo lokuSebenza kukwandisa ukusebenza ngokukhuthazwa kokuzibophelela komntu ngamnye, ukthatyathwa koxanduva nokuphembelela.

Bonke abasebenzi kufuneka bazalise isivumelwano somsebenzi phambi komhla wama-31 kuCanzibe ngonyaka ngamnye. Isivumelwano sikwisiseko sesivumelwano phakathi komqeshi nomqeshwa siqulathe iiprojekthi, iinkqubo, imisebenzi, okulindelekileyo nemigangatho yohanjiso olufunekayo. Ukuze kuququzelelwe inkqubo yolawulo olusemgangathweni, uRhulumente waseNtshona Kapa uyile inkqubo yezixhobo zombane, ebizwa iPERMIS (iNkqubo yeNgcaciso yoLawulo loMsebenzi), evumela inkqubo yonke yolawulo lomsebenzi ukuba ifakwe, ibekwe iliso ize ilawulwe.

Inkqubo yolawulo lomsebenzi ifuna ukuba uhlolo lwesiqingatha sonyaka novavanyo lonyaka luqutywe, kodwa okujoliswe kuko okuqhubekayo nezifezekiso zinxibelelane kwisivumelwano somsebenzi sibekwe iliso kwaye kubekho uthungelwano oluqhubekayo. Kwimeko apho okujoliswe kuko okanye okulindelekileyo emsebenzini kungahlangatyezwananga ngako, imisantsa kukhawulelwana ngayo ngolawulo lomsebenzi ongemhlanga. Kule meko, iyunithi yokucebisana ngomsebenzi isungule phakathi kwiZiko leeNkonzo zoShishino (iCandelo eliyiNtloko: iiNdlela zoLawulo lwaBantu) ukuncedisa abalawuli abafanelekileyo (abalawuli babantu) ukukhawulelana nomsebenzi ongemhle. Inkqubo iyaphuhlisa, nangona, kwiimkeko apho abantu bechongwe njengabo bangenzi kakuhle emsebenzini malunga nenkqubo-sikhokelo esisemthethweni, kufuneka bazifake phantsi kwesicwangciso sophuhliso okanye ululeko olulolunye.

2.3. IMpilo-ntle yoMqeshwa

INkqubo yeMpilo neMpilo-ntle yyomqeshwa exananazileyo yeWCG (i-EHW) ilandela indlela epheleleyo yokuphila kwabasebenzi nothintelo ngakumbi ngokwendalo, ibonelela ngeenkonzo eziphambili nezinganeno.

Inkqubo ye-EHW ibekwa iliso kwiSebe ngosetyenziso lweengxelo zarhoqo ngenyanga zeenkonzo eziphambili (inkonzo yengcebiso yomphefumlo ngomnxeba yama-24/7/365, inkonzo ebizwa nge-e-Care ye-intanethi noniko lwengxelo) neenkonzo ezinganeno (intuthuzelo yomphefumlo yobuso ngobuso, izehlakalo ezimandundu nomothuko, ungenelelo loqeqesho namangenelo okujoliswe kuko, ukumiliselwa koqeqesho, nenkxaso).

Ingxelo yekota ilungiselelwe liCandelo eliLawulayo: ukuziPhatha eMbuthweni phakathi kwiZiko leNkonzo yoShishino ebonelela ngendlela yohlalutyo losetyenziso, uchongo lomngcipheko nempembelelo yayo kwimveliso. Ukongeza, uniko lwengxelo oluqhubekayo kwiSebe leeNkonzo zoLuntu noLawulo (iDPSA) yimfuneko kwaye uniko lwengxelo enjalo lugxile kwiindawo ezine ezizezi, iHIV/AIDS, iMpilo neMveliso, uLawulo lokuPhila neSHERQ (uHlobo noKhuseleko lweMpilo yeNdalo).

2.4. UkuBekwa kweLiso kuLawulo lwaBantu

ISebe, ngobambiswano neCSC libeka iliso kuphunyezo lothotho lwezalathisi zothotyelo lolawulo loluntu. IFayile yeBarometer Fact yenyanga, ephuhliswe liCandelo eliyiNtloko: iZenzo zoLawulo lwaBantu phakathi kwiCSC, libonelela iSebe ngoqwalaselo kwakhona rhoqo lweprofayile yabasebenzi nenye idatha yolawulo lwabantu olufanelekileyo zokukwazi ukwenza izigqibo. Izalathisi ziquka, ngaphandle kwezinye izinto, iinkcukacha zokumisela abasebenzi, ubalo lwabantu, iingqikelelo zenkcitho yabantu, imizekelo yekhefu lokugula, ixabiso lemali leentsuku ezishiyekileyo zekhefu lonyaka, amatyala oluleko, uthelekelelo lwesithuba somsebenzi, intshukumo yabasebenzi, ubulungisa ngokwengqesho nokunye.

3. INKCUKACHA ZAMANANI OLONGAMELO LOLAWULO LWABANTU

3.1 Inkcitho enxulumene nabasebenzi

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inkcitho yophicotho-zimali lokugqibela ngokwenkqubo (iTheyibhile 3.1.1) kunye namanqanaba omvuzo (iTheyibhile 3.1.2).

Amanani kwiTheyibhile 3.1.1 atsalwe kwiNkqubo yoBalo-mali lwesiSiseko namanami kwiTheyibhile 3.1.2 atsalwa kwinkqubo yePERSAL [uMvuzo wabaSebenzi]. Iinkqubo azisebenzi kunye ukulungiselelwa imbuyiselwa kwemivuzo ngokumalunga nengqesho yabasebenzi nokushiya kwabo kunye/okanye ukhutshelo ukuya okanye ukusuka kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kungakho umahluko kwinkcitho iyonke eboniswe kwezi nkqubo.

Undoqo kwitheyibhile engezantsi yinkcazelo yeeNkqubo phakathi kwiSebe. IiNkqubo ziza kubhekiswa ngokwenani lazo ukusuka kule ndawo ukuya phambili.

INkqubo	Igama leNkqubo
INkqubo 1	Ulawulo
INkqubo 2	IMicimbi yeNkcubeko
INkqubo 3	IiNkonao zamaThala eeNcwadi nooVimba
INkqubo 4	IMidlalo noLonwabo

ITheyibhile 3.1.1: INkcitho yaBasebenzi ngokwenkqubo, 2020/21

INkqubo	INkcitho epheleleyo (R'000)	INkcitho yaBasebenzi (R'000)	INkcitho yoQeqesho (R'000)	IMpahla & neeNkonzo (R'000)	INkcitho yaBasebenzi njenge- % yeNkcitho epheleleyo	Umndilili weNkcitho yaBasebenzi ngomsebenzi ngamnye (R'000)	Inani labasebenzi abahlawulweyo
INkqubo 1	64 037	48 182	262	10 294	75,2	352	137
INkqubo 2	114 862	56 731	158	7 450	49,4	319	178
INkqubo 3	352 923	66 442	-	37 495	18,8	336	198
INkqubo 4	203 632	31 224	2 604	34 080	15.3	422	74
Zizonke	**734 454**	**202 579**	**3 024**	**89 319**	**27,5**	**345**	**587**

Qaphela: Inani labasebenzi libhekisa kubo bonke abavuziweyo ngexesha lokunikwa kwengxelo, kuquka abafundi abasaqeqeshelwa umsebenzi, (okt. uQhutyelo phambili lweNkulumbuso loLutsha [PAY], abanematriki, abanezidanga kunye nabafundi]. kungabandakanywa uMhathiswa wePhondo. Inani liyakhula kwaye ayingomfanekiso kumhla othile.

ITheyibhile 3.1.2: INkcitho yaBasebenzi ngokwenqabana lomvuzo, 2020/21

Umvuzo ngokwamanqanaba	INkcitho yaBasebenzi (R'000)	I-% epheleleyo yeNkcitho yaBasebenzi	Umndilili wenkcitho yabasebenzi ngokomsebenzi omnye (R'000)	Inani laBasebenzi
Abaqeqeshwa besengqeshweni	800	0,4	15	55
Abamakhono aphantsi (Amanqanaba 1-2)	10 274	5,1	171	60
Abanamakhono (Amanqanaba 3-5)	42 631	21,2	238	179
Abakumgangatho ophezulu lwezakhono (Amanqanaba 6-8)	82 629	41,0	407	203
Abanezakhono zolawulo (Amanqanaba 9-12)	49 597	24,6	636	78
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	15 551	7,7	1 296	12
Iyonke	**201 483**	**100,0**	**343**	**587**

Qaphela: Inani labasebenzi libhekisela kubo bonke abantu abahlawulelwayo ngexesha lokunika ingxelo, kubandakanywa nabafundi abasaqeqeshelwa umsebernzi, kodwa ngaphandle koMphathiswa. Inani labasebenzi liyakhula kwaye akukho sicacisi njengomhla othile.

Iitheyibhile ezilandelayo zibonelela ngesishwankathelo ngokwenkqubo nganye (iTheyibhile 3.1.3) kwaye amanqanaba omvuzo (iTheyibhile 3.1.4), enkcitho eyenzeke ngesizathu semivuzo, umsebenzi ngaphaya kwexesha, imali yesibonelelo sendlu noncedo lwezonyango. Ezi theyibhile aziyiboneleli enye inkcitho enje ngesibonelelo soMhlala-phantsi, iSibonelelo soMsebenzi nezinye izibonelelo, ezenza inkcitho iyonke yabasebenzi. Kwimeko nganye, itheyibhile ibonelela ngesalathisi sepesenti yenkcitho yabasebenzi eyasetyenziselwa ezi zinto.

ITheyibhile 3.1.3: Imivuzo, Umvuzo wokuSebenza ngaphaya kwexesha elimiselweyo, iSibonelelo seNdlu noNcedo lwezoNyango, 2020/21

INkqubo	Imivuzo		Umvuzo wokusebenza ngaphaya kwexesha elimiselweyo		ISibonelelo seNdlu		UNcedo lwezoNyango	
	Isixa-mali (R'000)	Imivuzo ngokwe % yenkcitho yabasebenzi	Isixa-mali (R'000)	Imivuzo ngokwe % yenkcitho yabasebenzi	Isixa-mali (R'000)	Isibonelelo seNdlu ngokwe % yenkcitho yabasebenzi	Isixa-mali (R'000)	Uncedo lwezoNyango ngokwe % yenkcitho yabasebenzi
INkqubo 1	33 466	16,6	21	0,0	1 190	0,6	2 040	1,0
INkqubo 2	40 669	20,2	58	0,0	2 299	1,1	3 674	1,8
INkqubo 3	47 533	23,6	7	0,0	2 722	1,4	4 934	2,4
INkqubo 4	22 784	11,3	49	0,0	602	0,3	1 444	0,7
Zizonke	**144 454**	**71,7**	**136**	**0,1**	**6 812**	**3,4**	**12 092**	**6,0**

Qaphela: Amanani kwiTheyibhile 3.1.3 no-3.1.4 athathwe kwinkqubo ye-PERSAL [uMvuzo wabaSebenzi] hayikwiBasic Accounting System. Ezi nkqubo zimbini azihambelani nembuyekezo yemivuzo ngokumalunga nokuqeshwa kwabasebenzi nokuyeka kwabo umsebenzi kunye/okanye ukukhutshelwa kwenye indawo ukuya nokubuya kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kungakho umahluko kwinkcitho ebonakaliswe kwezi nkqubo, umz. Imivuzo, ixesha elongezelelekileyo, iSiboneleo seZindlu kunye noNcedo lwezoNyango. Ngaphezu koku, itheyibhile engasentla ayenzi sibonelelo senye inkcitho efana neMihlala-phantsi. IBhunasi yokuSebenza kunye nezinye imali ezivunyelweyo, ezenza inkcitho epheleleyo yabasebenzi. Inkcitho engasentla ibonisa bonke abantu abahlawulweyo ngesithuba sokunikwa kwengxelo, kubandakanywa abaqeqeshwa besengqeshweni (PAY, abanematriki, abanezidanga kunye nabafundi), kodwa aymbandakanyi uMphathiswa wePhondo.

ITheyibhile 3.1.4: Imivuzo, Umvuzo wokuSebenza ngaphaya kwexesha elimiselweyo, iSibonelelo seNdlu noNcedo lwezoNyango, 2020/21

Umvuzo ngokwamanqanaba	Imivuzo		Umvuzo wokusebenza ngaphaya kwexesha elimiselweyo		ISiboneleo seNdlu		UNcedo lwezoNyango	
	Isixa-mali (R'000)	Imivuzo ngokwe % yenkcitho yabasebenzi	Isixa-mali (R'000)	Imivuzo ngokwe % yenkcitho yabasebenzi	Isixa-mali (R'000)	Isibonelelo seNdlu ngokwe % yenkcitho yabasebenzi	Isixa-mali (R'000)	Uncedo lwezoNyango ngokwe %yenkcitho yabasebenzi
Abaqeqeshwa besengqeshweni	763	0,4	-	-	-	-	-	-
Abamakhono aphantsi (Amanqanaba 1-2)	6 746	3,3	11	0,0	740	0,4	1 289	0,6
Abanamakhono (Amanqanaba 3-5)	28 907	14,3	43	0,0	2 578	1,3	4 204	2,1
Abakumgangatho ophezulu lwezakhono (Amanqanaba 6-8)	60 757	30,2	52	0,0	2 794	1,4	5 069	2,5
Abanezakhono zolawulo (Amanqanaba 9-12)	36 601	18,2	30	0,0	694	0,3	1 336	0,7
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	10 679	5,3	-	-	7	0,0	194	0,1
Iyonke	**144 454**	**71,7**	**136**	**0,1**	**6 812**	**3,4**	**12 092**	**6,0**

Qaphela: Amanani kwiTheyibhile 3.1.3 no-3.1.4 athathwe kwinkqubo ye-PERSAL [uMvuzo wabaSebenzi] hayikwiBasic Accounting System. Ezi nkqubo zimbini azihambelani nembuyekezo yemivuzo ngokumalunga nokuqeshwa kwabasebenzi nokuyeka kwabo umsebenzi kunye/okanye ukukhutshelwa kwenye indawo ukuya nokubuya kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kungakho umahluko kwinkcitho ebonakaliswe kwezi nkqubo, umz. Imivuzo, ixesha elongezelelekileyo, iSibonelelo seZindlu kunye noNcedo lwezoNyango. Ngaphezu koku, itheyibhile engasentla ayenzi sibonelelo senye inkcitho efana neMihlala-phantsi. IBhunasi yokuSebenza kunye nezinye imali ezivunyelweyo, ezenza inkcitho ephelele yo yabasebenzi. Inkcitho engasentla ibonisa bonke abantu abahlawulweyo ngesithuba sokunikwa kwengxelo, kubandakanywa abaqeqeshwa besengqeshweni (PAY, abanematriki, abanezidanga kunye nabafundi), kodwa aymbandakanyi uMphathiswa wePhondo.

3.2 INgqesho neZithuba zeMisebenzi

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inani lezithuba zomsebenzi ezikhoyo kumiselo, inani labasebenzi (ngaphandle kwabafundi abasaqeqeshelwa umsebenzi kunye noMphathiswa wePhondo), nepesenti yezithuba zomsebenzi ezikhoyo ezingazaliswanga ekupheleni konyaka-mali. Le ngcaciso ithiwe thaca ngokumalunga neenguqu ezintathu ezingundoqo, ezizezi: iNkqubo (iTheyibhile 3.2.1), iNqanaba loMvuzo (iTheyibhile 3.2.2) nemiSebenzi ePhambili (iTheyibhile 3.2.3). Yonke ingcaciso kweli candelo ibonelelwe njengomfanekiso ekupheleni konyaka-mali ophantsi kovavanyo.

ITheyibhile 3.2.1: Ingqesho nezithuba zomsebenzi ngokwenkqubo, ngowama-31 kuMatshi 2021

INkqubo	Inani lezithuba ezikhoyo	Inani lezithuba ezizalisiweyo	%yezithuba ezingazaliswangwa
INkqubo 1	94	91	3,2
INkqubo 2	173	167	3,5
INkqubo 3	194	192	1,0
INkqubo 4	67	67	0,0
Zizonke	**528**	**517**	**2,1**

ITheyibhile 3.2.2: Ingqesho nezithuba zemisebenzi ngokwenqanaba lomvuzo, ngowama-31 kuMatshi 2021

Umvuzo ngokwenqanaba	Inani lezithuba ezikhoyo	Inani lezithuba ezizalisiweyo	%yezithuba ezingazaliswangwa
Abamakhono aphantsi (Amanqanaba 1-2)	99	99	0,0
Abanamakhono (Amanqanaba 3-5)	151	151	0,0
Abakumgangatho ophezulu lwezakhono (Amanqanaba 6-8)	184	181	1,6
Abanezakhono zolawulo (Amanqanaba 9-12)	82	75	8,5
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	12	11	8,3
Iyonke	**528**	**517**	**2,1**

ITheyibhile 3.2.3: Ingqesho nezithuba zemisebenzi ngokwemisebenzi ephambili **ngowama-31 kuMatshi 2021**

Imisebenzi ebalulekileyo	Inani lezithuba ezikhoyo	Inani lezithuba ezizalisiweyo	%yezithuba ezingazaliswangwa
UMgcini woVimba	16	16	0,0
Igosa leNkcubeko	6	6	0,0
IGosa leLifa leMveli	2	2	0,0
USozilwimi	6	6	0,0
UNoncwadi	23	23	0,0
ISazinzulu seMyuziyam yoBuntu	25	23	8,0
IGosa lokuKhuthaza iMidlalo	19	19	0,0
Iyonke	**97**	**95**	**2,1**

Qaphela: Imisebenzi ephambili – bhekisa kwimisebenzi ephambili yokuhanjiswa kwenkonzo. Ukuba le misebenzi ayiboniswanga kwisebe, umsebenzi/iinkonzo ziza kuphelelwa.

3.3 UVavanyo lweMisebenzi

Uvavanyo lomsebenzi waziswa njengendlela yokuqinisekisa ukuba umsebenzi onexabiso elilinganayo uvuzwa ngokulinganayo. Kwinkqubo-sikhokelo esibonwe kuzwelonke, amagunya ophumezo kufuneka evavanye isithuba somsebenzi ngamnye omtsha kumbutho wakhe okanye ukuvavanya kwakhona nasiphi na isithuba somsebenzi apho igunya lesithuba somsebenzi okanye umxholo utshintshe kakhulu. Le nkqubo yovavanyo imisela uhlolo lomsebenzi ngokweendidi nenqanaba lomvuzo wesithuba somsebenzi. Kufuneka iqondwe ukuba uVavanyo loMsebenzi noLawulo lomSebenzi wabaSebenzi kohlukile ngendlela yokuba uVavanyo loMsebenzi ubhekisela kwasekuxatyisweni/nasekuveyishweni kwemisebenzi enxulunyaniswe nesithuba somsebenzi noLawulo loMsebenzi wabaSebenzi kubhekisa kuqwalaselo kwakhona lomsebenzi womntu.

ITheyibhile 3.3.1 ishwanakathela inani lezithuba ezithe zavavanywa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, Itheyibhile inikezela ngokunjalo ngeenkcukacha zamanani kwinani lezithuba ezithe zahlaziyelwa kwinqanaba eliphezulu okanya zathotyelwa kwinqanaba eliphantsi.

ITheyibhile 3.3.1: Uvavanyo lwemisebenzi, ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2020 ukuya kutsho ngomhla wama-31 kuMatshi 2021

Umvuzo ngokwenqanaba	Inani lezithuba ezikhoyo njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2021	Inani lezithuba ezivavanyiweyo	% yezithuba ezivavanyiweyo	Izithuba eziHlaziyiweyo		Izithuba ezithotyelwe kqinqanaba elisezantsi	
				Inani	Izithuba ezihlaziyiweyo njenge-% yezithuba zizonke	Inani	Izithuba ezithotyelwe kwinqanaba elisezantsi njenge-% yezithuba zizonke
Abaqeqeshwa besengqeshweni	99	7	1,3	0	0,0	0	0,0
Abamakhono aphantsi (Amanqanaba 1-2)	151	2	0,4	36	6,8	0	0,0
Abanamakhono (Amanqanaba 3-5)	184	8	1,5	0	0,0	0	0,0
Abakumgangatho ophezulu lwezakhono (Amanqanaba 6-8)	82	6	1,1	0	0,0	0	0,0
Abanezakhono zolawulo (Amanqanaba 9-12)	9	0	0,0	0	0,0	0	0,0
Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	2	0	0,0	0	0,0	0	0,0
Abaqeqeshwa besengqeshweni	1	0	0,0	0	0,0	0	0,0
Iyonke	**528**	**23**	**4,4**	**36**	**6,8**	**0**	**0,0**

Qaphela: "Nani lemisebenzi evavanyiweyo" ngokweNqanaba loMvuzo lubonisa iNqanaba lokuGqibela lokuVunywa koMsebenzi emva koVavanyo loMsebenzi ".Imisebenzi inyuselwe okanye yathotyiselwa kulo nyaka-mali ngenxa yonaniselwano lukazwelonke/lweenkqubo zovavanyo lwemisebenzi olwenzeke ngexesha lonyaka-mali wangaphambili kwaye kwaphunyezwa ngexesha laphantsi kohlolo.

ITheyibhile 3.3.2: Iprofayile yabasebenzi abanezithuba zemivuzo yabo eyayinyuselwe ngenxa yezithuba zemisebenzi ezinyuselweyo, ngowoku-1 ku-Epreli 2020 ukuya kutsho ngomhla wama-31 kuMatshi 2021

Abaxhamli	AbaNtsundu	AbeBala	Ama-Indiya	AbaMhlophe	Bebonke
AmaBhinqa	6	17	1	2	26
Amadoda	1	9	0	0	10
Bebonke	**7**	**26**	**1**	**2**	**36**
Abasebenzi abakhubazekileyo					1

Qaphela: ITheyibhile 3.3.2 lulwahlulwa-hlulo lwezithuba ezihlaziyiweyo kwitheyibhile 3.3.1. Izithuba zavavanywa kunyaka-mali ongaphambili yaye uhlaziyo lwamiliselwa kulo nyaka-mali.

ITheyibhile 3.3.3 ishwankathela inani lezehlo apho amanqanaba omvuzo eyidlule igreyidi emiselwe luvavanyo lomsebenzi okanye apho iinotshi eziphezulu ezinikezelwe kubasebenzi kwinqanaba elithile lomvuzo. Inqanaba ngalinye lomvuzo liqulathe iinotshi ezili-12. Izizathu zeyantlukwano zinikezelwe kwimeko nganye.

ITheyibhile 3.3.3: Abasebenzi abathe banikwe imivuzo ephezulu kunaleyo ichongwe luvavanyo lwemisebenzi ngomsebenzi omkhulu ngamnye, ngomhla woku-1 ku-Epreli 2020 ukuya kutsho ngomhla wama-31 kuMatshi 2021

UMsebenzi onguNdoqo	Inani labasebenzi	Inqanaba lovavanyo lomsebenzi	Intlawulo kwinqanaba lomvuzo ophezulu	Intlawulo yomvuso kwinotshi ephezulu yenqanaba elinye lomvuzo	Isizathu sonxaxho
UMncedisi woMlawuli: Archaeology Palaeontology & Meteorites	1 1	9 9	N/A	Umyuseko ogenotshi ezili-10	Ukuqqiwa
IPesenti yeNgqesho					**0,002**

ITheyibhile 3.3.4: Iprofayile yabasebenzi abanikwe imivuzo ephezulu kunaleyo imiselwe luvavanyo lomsebenzi, ngomhla woku-1 ku-Epreli 2020 ukuya kutsho kumhla wama-31 kuMatshi 2021

Abaxhamli	AbaNtsundu	AbeBala	Ama-Indiya	AbaMhlophe	Bebonke
AmaBhinqa	0	0	1	0	1
Amadoda	0	0	0	0	0
Bebonke	**0**	**0**	**1**	**0**	**1**
Abasebenzi abakhubazekileyo					0

3.4. IiNguqu zeNgqesho

Ixabiso lengeniso libonelela isalathisi kwiindlela kwiprofayile yengqesho yeSebe ngexesha lonyaka-mali ophantsi kohlolo. Ezi theyibhile zilandelayo zibonelela ngesishwankathelo sexabiso lengeniso ngokwenqanaba lomvuzo (Itheyibhile 3.4.1) kunye nemisebenzi ephambili (Itheyibhile 3.4.2). Eli candelo alibandakanyi zinkcukacha zinxulumene nabafundi abaqeqeshelwa umsebenzi.

ITheyibhile 3.4.1: Amaxabiso engeniso onyaka ngokwenqanaba lomvuzo, kowoku-1 ku-Epreli 2020 ukuya kutsho kumhla wama-31 kuMatshi 2021

INqanaba loMvuzo	Inani labasebenzi njengoko linjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2020	% yomlinganiselo wokugcinwa kwabasebenzi 2019/20	Abaqeshwe kwiSebe	Abakhutshelwe kwiSebe	Abashiye ingqesho yeSebe	Abakhutshelwe kwamanye amaSebe	% yomlinganiselo wokugcinwa kwabasebenzi 2020/21
Abamakhono aphantsi (Amanqanaba 1-2)	99	1,9	0	0	1	0	1,0
Abanamakhono (Amanqanaba 3-5)	158	12,6	3	0	8	1	5,7
Abakumgangatho ophezulu lwezakhono (Amanqanaba 6-8)	184	4,8	1	0	4	0	2,2
Abanezakhono zolawulo (Amanqanaba 9-12)	78	13,6	0	0	3	0	3,8
AbaLawuli abaPhezulu Inqanaba leNkonzo A (Inqanaba 13)	9	0,0	0	0	1	0	11,1
AbaLawuli abaPhezulu Inqanaba leNkonzo B (Inqanaba 14)	2	33,3	0	0	0	0	0,0
AbaLawuli abaPhezulu Inqanaba leNkonzo C (Inqanaba 15)	1	0,0	0	0	0	0	0,0
Bebonke	**531**	**8,0**	**4**	**0**	**17**	**1**	**3,4**
			4		**18**		

Qaphela: "Ukhutshelo" lubhekisela kwintshukumo esemacaleni yabasebenzi ukusuka kwiSebe leNkonzo kaRhulumente ukuya kwenye (kwiPhondo nakwiSizwe). Umlinganiselo wogcino umiselwa ngokubalwa kwenani elipheleleyo labashiye inkonzo njengepesenti yesiseko (iNani labasebenzi njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2020).

ITheyibhile 3.4.2: Imilinganiselo yonyaka yokugcinwa kwabasebenzi ngokwemisebenzi engundoqo, ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2020 ukuya kutsho kumhla wama-31 kuMatshi 2021

Imisebenzi engundoqo	INqanaba loMvuzo	Inani labasebenzi njengoko linjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2020	% yomlinganiselo wokugcinwa kwabasebenzi 2019/20	Abaqeshwe kwiSebe	Abakhutshelwe kwiSebe	Abashiye ingqesho yeSebe	% yomlinganiselo wokugcinwa kwabasebenzi 2020/21
UMgcini woVimba	17	6,3	0	0	0	0	0,0
Igosa leNkcubeko	6	0,0	0	0	0	0	0,0
IGosa leLifa leMveli	3	33,3	0	0	1	0	33,3
USozilwimi	6	0,0	0	0	1	0	16,7
UNoncwadi	24	8,0	0	0	1	0	4,2
ISazinzulu seMyuziyam yoBuntu	8	0,0	0	0	0	0	0,0
IGosa lokuKhuthaza iMidlalo	18	5,3	1	0	0	0	0,0
Iyonke	**82**	**6,2**	**1**	**0**	**3**	**0**	**3,7**
			1		**3**		

Qaphela: ""Ukhutshelo" lubhekiselela kwintshukumo esemacaleni yabasebenzi ukususuka kwiSebe leNkonzo kaRhulumente ukuya kwenye (kwiPhondo nakwiSizwe). Umlinganiselo wogcino umiselwa ngokubalwa kwenani elipheleleyo labashiye inkonzo njengepesenti yesiseko (iNani labasebenzi njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2020).

ITheyibhile 3.4.3: Abasebenzi abashiya ingqesho yeSebe, ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2020 ukya kutsho kumhla wama-31 kuMatshi 2021

ICandelo lokushiya ingqesho	Inani	% yabashiye ingqesho	Inani labashiye ingqesho njenge-% yenani elipheleleyo labasebenzi njengoko linjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2020
Ukufa	2	11,1	0,4
Ukurhoxa engqeshweni *	5	27,8	0,9
Ukuphela kwesivumelwano	3	16,7	0,6
